

ELONA DABI LAKHE LALIWA



Enkosi, Mzalwana u-Orman. INkosi ikusikelele.

² Molweni kusanjanje, zihlobo. Ndivuywa kakhulu ukuba lapha kwakhona ngale ntsasa, kwaye ngahlobo luthile oluncinci obelungalindelekanga, ndiyaqikelela, kum, kwaye ndiqinisekileyo iyakubanjalo ebandleni. Kwaye nje bendifunda kunye. . . Enkosi, dade. Kwaye iNkosi nje ibonakelele ibeka into ethile encinci entliziyweni yam, ukuba ndiyizise eBandleni, kwaye ndicinge ukuba ibilixesha lokuyenza. Kwaye ngoku lena. . .

³ Xana bendifika, kwaze emva koko ndingazi ukuba siyakuba lapha ngale Cawa, Ndiye ndabhengeza ukuba ndino—noMyalezo weBandla. Kwaye ndifuna uku, ukuba uThixo uthandle, ndizise loMyalezo kwiCawa elandelayo. Kwaye kuyakubakho elide kanobomi ixesha, ke, mhlawumbi ingangaphumi phambi kwecala yeleshumi elinambini, intsimbi yokuqala, mhlawumbi, ukuba kungela xesha. Ibe isentliziyweni yami ixesha elide, kwaye ndicinga ndityala umphakathi impendulo kutheni na bendingenzi nto edlelweni. Kwaye ndiye ndashumayela malunga nayo, kodwa ndiqinisekile ayizange yavela kakuhle kwindawo efanele ibe kuyo. Ke ndicinga, iNkosi ithandle, kwiCawa elandelayo, ndifuna nje ukuthabatha ixesha ndize ndandlale, isizathu nokuba kutheni, ndize ndinazise, ngokweSibhalo, yintoni eqhubekayo, yabona, nje kutheni injalo yonke. Ngokuba, mhlawumbi ndiyakuya ngaphaya kweelwandle okanye ndaweni ithile kwamsinya. Ndilindile ngoku ukubona yeyiphi indlela Yena ayakundibizela ukuba ndiye kuyo. Ephelileyo. . .

⁴ Malunga nobusuku obuthathu obugqithileyo, okanye ubusuku obubini, ndifumene imfonomfono kufutshane nasembindini wobusuku; kwaye ube ungowokuthandazela umfazi othile obe sesibhedlela. Kwaye banditsalele umnxeba, baze bathi, “Thandaza.” Kwaye ndilibe igama abathe bandinika lona, okokuba. . . Bathe ibisisihlobo kuNkskz. James Bell, udade wethu apha ebandleni, udade ontsundu, othembeke kakhulu, olungile umfazi. Ndiyakholwa igama lakhe yayinguShepherd, bendilini kiwe. Ke ndiye ndaphuma ebhedini ndaza ndaguqa phantsi, kwaye—kwaye ndaxelela umfazi wam. Imfonomfono ikhala, yamvusa. Ndaza ndathi, “Kufuneka sithandazele uNkskz. Shepherd, udade othe wafowuna, lowo ngumhlobo kuNkskz. James Bell.” Ke siye samthandazela, sabuyela ebhedini.

⁵ Kwaze emva koko malunga nentsimbi yeshumi okanye elinanye, ngosuku olulandelayo, ndafumana umnxeba kwakhona. Ibe inguBilly. Kwaye uthe, ibingengoNkskz.

Shepherd, wathi ibinguNkskz. Bell, ngokwakhe, hayi isihlobo sikaNkskz. Bell. “IbinguNkskz. Bell, kwaye usesibhedlele ugula kakhulu.” Kwaye ukuleqa esibhedlela, kodwa wayemkile. INkosi yayimbizele uNkskz. Bell, eKhaya.

⁶ UNkskz. Bell ube engothembekileyo ohlangana kunye nathi apha ebandleni, iminyaka. Umyeni wakhe, uJames, kunye nam, sisebenzile kunye, kunye notata wam, iminyaka emininzi egqithileyo, ngaphandle, siqhuba. . . Besingenisa ezi zipolo, ukusuka ePennsylvania, ukuya apha eColgate, iminyaka emininzi eyagqithatyo, ndiyaqikelela amashumi amathathu eminyaka eyagqithayo, okanye ngaphezulu. Kwaye siyamthanda uDade uBell. Wayengumntu olungileyo.

⁷ Kwaye ndiyaqonda ubenokuhlaselwa okumandla kwemeko yesingxobo senyongo, kwaye ba. . . Ugqirha wakhe, owayeyazi ingxaki ngokwenene, wayengekho edolophini ngela xesha. Kwaye ugqirha omtsha weza kumonga, waza—waza wacebisa utyando olungxamisekileyo, kwaye zange asinde kulo. Kwaye—kwaye waye. . . Ndicinga owakhe. . . Indlela endiyiqonda ngayo, yokuba ugqirha wakhe wesiqhelo wayengenakumisela u—utyando, ngokuba wayenesiqu kwaye isingxobo sakhe senyongo sasisibi. Kwaye wayenamanye, ndicinga, okanye into ethile kuyo, kwaye—iNkosi ibe inenceba. Ube enokokuhlaselwa ngaphambili kwaye iNkosi iye yakuhoya okuya, amatyeli amaninzi. Kodwa kwenzekile nje ukuba ibe kokuya. . . Kulungile, ukuba sikuzisa kumlinganiselo ogcweleyo, besiyakutsho oku: UThixo umbizile uDade uBell, kwaye leyo yindlela efanele ithatyathwe ngayo, niyabona.

⁸ Kwaye indlela Ayiphose. . . ayizise kufutshane ngayo kum, okokuba ndicinge ibinguNkskz. . . uNkosazana Shepherd. Bendingamazi uNkosazana Shepherd. Inenekazi lingabe lilapha, ngale ntsasa, kwaye ndingalazi lona ukuba ndijonga ebusweni balo. Kodwa, bekuthiwe ibinguNkskz. Shepherd. Kwaye nokuba yonke ibe yenziwe ngolwahlobo, ukuze ukuba i. . . Ukuba bendiyazile ukuba ibinguNkskz. Bell ebekulameko, Mhlawumbi ngendiphume ndaya phaya ndaza ndamngxengxezela ngoko nangoko. Kwaye emva koko, okokuba, uThixo akakhange afune ukuba senze okuye, mhlawumbi. Ke, “Siyayazi ukuba zonke izinto zisebenziselana okulungileyo kwabo bamthandayo uThixo.”

⁹ Kwaye ndiqinisekile uDade Bell uyayithanda iNkosi yethu. Ube engumfazi olungileyo. Ngoku, ungomnye wethu. Apha, asinayo naminye imigca yebala. Usapho lukaThixo alukrveli migca yebala. Nokuba sibomvu, ntsundu, mnyama, okanye tyheli, akukhathaliseki, mhlophe. Nokuba iyintoni, singabazalwana noodade kuKristu. Kwaye ke si—siyamthanda. Kwaye siyakumkhumbula, singumnquba. Indlela endiyakumkhumbula ngayo, uDade Bell, bona abanamandla,

abakhulu, abarhwexayo oo “amen” emva phaya ekoneni. Kwaye ndingodusa, ubeya kuthetha ngeNkosi uYesu.

¹⁰ Kwaye ukuba ndiyiqonda kakuhle, andizange ndayazi de kwangamathuba ambalwa agqithileyo, kodwa ndicinga isingcwabo sakhe sifanele sibanjelwa kanye apha ebandleni. [UMzalwana uNeville uthi, “Kulungile oko.”—Mhl.] Kulo Lwesibini uzayo nge [“Intsimbi yokuqala.”] intsimbi yokuqala. Kwaye ndicinga wena nam kufanele siwuphathe [“Kulungile oko.”] kule nkonzo yesingcwabo.

¹¹ Kodwa, nje ebandleni, okokuba sibuthakathaka ngomnye ngale ntsasa, ngokwentlonipho kowethu uDade uBell, masimeni nje ngeenyawo zethu ithutyana, njengoko siqubuda iintloko zethu.

¹² UThixo wobomi, Onikayo nothabatha ubomi, njengoko uYobhi wakudala watshoyo, “INkosi inikile kwaye iNkosi ithabathile; malibongwe iGama leNkosi.” Kwiminyaka ethile eyagqithayo, Wena wathumela uDade Bell phakathi kwethu, ukuba abe lilungu lasekuhlaleni phakathi kwethu, lomanyano olukhulu lukaThixo. Kwaye sibulela Wena ngayo yonke inkuthazo abe eyiyo phambi kwethu, indlela ebekuthanda ngayo ukucula nokungqina, kwaye ubeyakuzaliswa nguMoya de akhale kwaye akhwaze. Kwaye ebengenazintloni ngeVangeli kaYesu Kristu, kuba, kuye, IbingaMandla kaThixo asingise elusindisweni. Ekuboneni iminyaka iphela, kwaye ixesha liyafika xana sonke kufuneka siphendule. Kwaye Wena umthabathile kuthi, ngale ntsasa, ukuba abe seBukhoneni Bakho. Kuba, yinyaniso ukuba, xana sisimka apha, siseBukhoneni bukaThixo.

¹³ Owu Thixo, sibulela Wena ngako konke. Siyathandaza ukuba Uyakusikelela umyeni wakhe, umhlobo wam, uJames; unyana wakhe, iintombi zakhe, bonke abaya. Siyaqonda ukuba inkwenkwe yakhe ibhabha ukusuka eJamani, ukusuka emikhosini, ukuza ekhaya, ukuza kunika imbeko yokugqibela anokuba nakho, emhlabeni, kunina ondulukileyo. Indlela intliziyo yalamfo mncinci ingaba ibetha ngayo ngale ntsasa. Ndiyamthandazela, Nkosi. Thixo, msikelele. Sikelela uJimmy, nendlela yena . . . Ukumbona esebenza phandle phaya, neeyure ezidinisayo, ukusebenzela usapho lakhe. Ndiyathandaza ukuba usapho olukhulu aluyi kwahlukaniswa, kodwa ivili losapho aluyi kwaphuka kwelaLizwe kwelinye icala.

¹⁴ Sanga thina, Nkosi, ngoku singaqinisa isikrweqe sethu nombhinqo, sibe buyiqinisarha, size siphumele edabini ngoku, ukuya kulwa kunye nomnye ngaphantsi kobe sinako kwiveki egqithileyo. Siyathandaza ukuba Uyakusigcina kwaye usomeleze, usincede njengoko siqhubeka, kwaye ngenye imini yanga sonke singahlangana kwakhona kwelinye icala. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

¹⁵ Ngoku wanga umphefumlo wondulukileyo udade wethu ungaphumla ngoxolo. Ndingathanda ukuthi owakhe—owakhe umngcwabo uzakushunyayelwa apha ngeCawa, okanye ngoLwesibini, kwaye singathanda... Nabani wamkelekile ukuza oyakuza. Ndiyaqikelela uMzalwana uNeville apha unamalungiselelo, kwaye ninawo. Ngoku, namhlanje, mna nje...

¹⁶ Yabona, abekho baninzi kakhulu. Ukuba kungabakho isitulo ndaweni ithile esiziselwa uMzalwana noDade Slaughter emva phaya. Ndiwufumene umnxeba wakho, Dade Slaughter, kwaye ndiye ndaya kukuthandazela... omnye uDade Slaughter, UDade Jean Slaughter enalamkhuhlane womvundla, itularemia. Ngokuqinisekileyo unemeko embi yayo, kodwa sithembe uThixo ukuba uyakuphila.

¹⁷ Ngoku sifuna ukufunda esinye iSibhalo. Kwaye ndifuna nje ukufundisa ngale ntsasa, ukuthabatha ixesha lam, kuba kusukela ndibuyile ngaphandle, e-Arizona, kuhle, umqala wam mbi nje kancinci.

¹⁸ Kwaye ngoku, kwiCawa elandelayo, ningalibali, kwaye ndicinga uBilly selezithumele ngembalelwano i—isibhengezo. Kwaye iyakuba yinkonzo ende kakhulu, siyakholwa, ke yizani kwangethubha njengoko ninokuba nako. Sifuna ukuqalisa, kanye malunga necala leyesithoba, okanye ndithetha, intsimbi yeshumi. Kwaye ingaba, khumbulani, malunga neyokuqala okanye eyokuqala... mhlawumbi, okanye icala leyesumi elinambini, intsimbi yokuqala, into ethile efana naleyo, iyure yesithathu okanye yesini, okanye ngaphezulu, ndingathanda ukuthabatha, kwaye nje ndithabathe iZibhalo. Yizani nepensile namaphepha enu, nize nje nizondlale. Kukho namnye umbuzo, wubuzeni—wubuzeni wona, niyabona, kwaye mhlawumbi singawucacisa, singenza esinokuba nakho ukunceda.

¹⁹ Ngoku masifundeni iZibhalo, kuqala, ngoku. Ndineendawo ezintathu eBhayibhileni, endingathanda ukuzifunda. Kwaye eyokuqala yazo, ukuba ningathanda ukuyiphawula phantsi, kwaye ukuba ninepensile, ndifuna ukubhekiselela, ngale ntsasa, kwimixholo eliqela endingathanda... okanye iZibhalo eziliqela, gxebe, endingathanda ukubhekiselela kuzo. Esokuqala iyakuba nguPetros Wokuqala 5:8-10, Ama-Efese 6:10-17, noDanyeli 12:1-14. Ngoku, ekufundeni, ukuthabatha ixesha lethu.

²⁰ Kwaye wonke umntu ngokucacileyo uhleli. Ke, abambalwa basamile, ngasemva nasecaleni. Kodwa sizakuzama ukugqitha ngokukhawuleza esinokuba nakho size sinikhuphe, emva koko sizakuthandazela abagulayo.

²¹ Ndifumene inenekazi lingqengqe apha ngale ntsasa, eligula kakhulu. Ndiyaqonda ukuba ebegula kakhulu, izolo. Kwaye bendi—bendifuna nje lona live, ngale ntsasa, kuqala, ngaphambi kokuba ndilithandazele. Ndiyazazi iimeko zenenekazi elincinci.

Kwaye ligula kakhulu, kodwa sinoBawo omkhulu waseZulwini Oweyise ngaphezulu zonke izigulo. Kwaye ndine—nencinci . . .

²² Ndibuze uNkskz. Woods ukuba angayifunda, kodwa e—ebengathandi kancinci u—ukuyenza njalo. Inkqaku, apho ugqirha wayethukile ngokuqinisekileyo. Xana, wayengumgxeke kwimpiliso eNgcwele kwaye engayi kwa ukuvumela nabani athethe malunga nayo e-ofisini yakhe; nomongikazi wakhe, kananjalo. Ke, kwenzeka kube njalo, bafumana isigulana esasinengxaki yomhlaza, umhlaza omkhulu. Wayengafuni nto yakwenza nokuya, ke wamthumela ngaphaya kwenye ikloniki. Babengafuni nto yakwenza nayo ngaphaya, ke bambuyisela ngasemva. Ke bona . . .Owu, wawusebeleni, kwaye lalikhwimeko embi kakhulu. Kwaye lonke ufele lwaludliwe. Kwaye umhlaza, wehlela waya ebeleni, ukuya ezimbanjeni. Ndiyaqikelela niyaqonda ndithetha ntoni.

²³ Bafumana ugqirha omncinci wethu osisihlobo osuka eNorway ohleli nathi ngale ntsasa.

²⁴ Kwaye walungisa zonke izixhobo zokusebenza zakhe, kuba watsho ukuba—ukuba lona lalifuna yena atyande aze asuse ibele. Kwaye yayingumsebenzi owophisa igazi kakhulu. Kwaye—kwaye wafumana zonke iipakethi zakhe, yonke into. Umongikazi wenza inenekazi lilungele waza walizisa kwigumbi lokutyanda, waze emva koko wabuyela emva ukuya kuthabatha izixhobo uku . . .ezo kwakufanele zisetyenziswe ngugqirha kunye nomncedisi wakhe, ukususa ibele. Kwaye ke babenetawuli kunye nezinto ziphezu kwakhe. Kwaye ke baqalisa . . .

²⁵ Xana waqalisayo ukuguquka, umyeni wakhe wafuna ukwazi ukuba angahlala na ekupheleni kwegumbi athandaze. Wayengumshumayeli wobungcwele. Kwaye wahlala phaya ecaleni konyawo lwebhedi, waza wathandaza. Kakade ugqirha wayengonelikanganga ncam ngalonto, niyayazi, yena ekubeni ephaya. Kodwa oko nje ebengayi kujonga, kwaye ibingayi kumvisa kabuhlungu, ngoba, “Ndiyaqikelela konke kwakulungile; ebengayi—ebengayi kufa siqaqa.”

²⁶ Ke ngelixa ehleli, ethandaza, kweza ukuphaphazela egumbini. Waza ugqirha waguquka ukuba aye e . . . ngesixhobo sakhe, ukuba aqalise ukususa ibele. Wasusa ipakethi emva kwepakethi. Kwakungekho nesiva ebeleni; kwa nkqu isiva. Wathi, “Ingaba—ingaba wona . . .Ingaba usukile?” Kwaye waqalisa . . .Waze umongikazi wamnikeza ubungqina bakhe. Bobabini baphumile baza baba ngamapentekoste, azaliswe nguMoya oyiNgcwele, ekhonza iNkosi. Kungekho nkqu nesiva!

²⁷ Ugqirha Holbrook wangqina, ngokwakhe, wathi, “Ngomzuzu ngaphambi koko, kwakukho u—umfazi elele phaya, kwaye umongikazi, kunye nomkhulu umhlaza wonke utyhalele ngaphandle ebeleni lakhe. Kwaye ngomzuzu kamva, kwakungekho kwa isiva apho ubusuke khona.” Lowo ngomnye

wabanye bethu abalungileyo oogirha apha eMelika. Wathi wayenelisekile kanye ngoko. Kwaye yena, nangoko, wayelidikoni ebandleni. Yabona?

²⁸ Yabona, abantu bacinga nje ibandla yinto ethile nje oya kuyo, kwaye liyi, “Owu, uya phaya ukuyakufunda ukuba ngolungileyo, okanye into ethile efana naleyo.” Asiyilonto, sihlobo. Hayi. UThixo nguThixo. Yena mkhulu namhlanje njengoko Yena wayenjalo, wayekhe wanjalo. Kwaye Yena uyakusoloko eyinto enye. Kwaye Yena yi. . .Siyamthanda nje Yena.

²⁹ Ngoku, sifuna ukufunda ngoku ukusuka kuPetros Wokuqala, isahluko se-5, umqolo we-8 nowe-10, ukuqalisa.

Yibani nobungcathu, . . . phaphani; ngokuba ummangaleli wenu umtyholi, . . . ingonyama egqumayo, ezula, efuna ubani engamqwengayo:

Mchase ni lowo nizimasekile e . . . lukholweni, nisazi ukuba kwa ezo ntlungu ziyenzeka kubo abazalwana benu abasehlabathini.

Kodwa uThixo walo lonke ubabalo, owasibezelayo eluzukweni lwakhe olungunaphakade ngoYesu Kristu, emveni kokuba nive ubunzima okomzuzwana, wanenza nafezeka, anizimase, anomeleze, kwaye anisekele.

³⁰ Indlela afanele ukubongwa ngayo uThixo! Ngoku eNcwadini yama-Efese. Singathanda ukutyhila apha kwiNcwadi yama-Efese, isahluko se-6, kwaye singathanda ukufunda umqolo we-10 ukuya kowe-17, ndiyiphawule.

Elokugqiba, bazalwana bam, ndithi yomelelani eNkosini, nasekuqineni kokomelela kwayo.

Xhobani sonke isikrweqe sikaThixo, ukuze nibe nako ukumisa nibuchase ubuqhinga bomtyholi.

Ngokuba umzamo wethu asingowokuzamana nagazi nenyama, ngowokuzamana nazo izilawuli, nawo amagunya, ngokuchasene nezilawuli zobumnyama zehlabathi—zeli hlabathi, ngokuchasene nemimoya ekhohlakeleyo kwezasemazulwini iindawo.

Ngenxa yoko qubulani sonke isikrweqe sikaThixo, ukuze nibe nakho ukuchasa ngomhla ombi, . . . nithi nikufezile konke, nime nimi.

Yimani ngoko, nibhinqile ezinqeni zenu inyaniso, . . . ninesigcina sifuba sobulungisa;

Nibophe ezinyaweni zenu ulungiselelo lweendaba ezilungileyo zoxolo.

Ngaphezu kwezinto zonke, . . . ikhaka lokholo, lona nothi ngalo nibe nako ukuzicima zonke iintolo ezinomlilo zakhe ongendawo.

Yamkelani isigcina-ntloko sosindiso, nalo ikrele loMoya, elilizwi likaThixo:

³¹ Ngoku ngaphaya kwiNcwadi kaDaniyeli, ndingathanda ukufunda ngakumbi. Ngoku, uDaniyeli isahluko se-12. Ndifuna ukuqalisa kowo-1, ndize ndifunde e—ende indawo yoku, imiqolo elishumi elinesine.

Ngelo xesha...uMikhayeli uyakusuka eme, umthetheli omkhulu emele abantwana bakowenu: kwaye kuyakubakho...ixesha lembandazelo, elingazange labakho kusukela oko labakhoyo uhlanga kude kube nangelo xesha: Ngelo xesha bayakusinda abantu bakowenu, bonke abafunyenwe bebhawwe encwadini.

Kuyakuvuka abaninzi kwabaleleyo eluthulini, kwaye abanye bayakuya ebomini obungunaphakade... abanye baye kwingcikivo nakwinyumnyezi engunaphakade.

Abo ke banengqiqo bayakukhazimla njengokukhazimla kwesibhaka-bhaka; nababajikela kude—jikela kude abaninzi ebulungiseni bakhazimle njengeenkwenkwezi ngonaphakade.

Kodwa wena, Owu Daniyeli, yivale i—yivale i...ncwadi, kude kube lixesha lesiphelo: abaninzi bayakunyuka besehla, kwaye ulwazi luyakwanda.

Mna Daniyeli ndabona, kwaye, khangela, nabo abanye ababini bemile, ...omnye nganeno ngaselundini lomlambo, kwaye omnye kuyo i...kwela cala ngaselundini lomlambo.

Wathi omnye kwindoda eyambethe ilineni, ebiphezu kwamanzi omlambo, Kode kube nini ukuphela kwezi zinto...zibalulekileyo?

Ndeva indoda eyambethe ilinen emhlophe, ebiphezu kwamanzi omlambo, xana yasiphakamiselayo ezulwini isandla sayo sokunene kunye nesandla sayo sasekhohlo, yaza yafunga kulowo uphilayo ngonaphakade ukuba akusayi kusabakho xesha, ixesha, kunye nesiqingatha; kwaye xana ikuphelisile ukuhlekezwa kwamandla abantu abangcwele...ezi zinto ziyakupheliswa.

³² Ndiyakholwa ndiyakuma kanye apho. Ndifuna ukuthabatha umxholo, ukuba iyakubizwa umxholo phandle phaya, ukusuka kokuya, ukutsala isiphetho se: *Elona Dabi Lakhe Laliwa*. Oko koko endifuna ukukusebenzisa ukwenzela umxholo.

³³ Ngoku, indlela endize ngayo ukuzakufumana lomxholo ukwenzela le ntsasa: Sisandula ukubuyela; iqela lamathenjwa, apha ebandleni, kunye nam, besiphumile sise Arizona. Kwaye siphumile, ngokwenene, ukuba sibe nomhlangano ePhoenix,

kunye noMzalwana uSharrit, emnqubeni wakhe. Kodwa xana ndafumanisayo ukuba u—umzalwana ebesesixekweni, enemihlango yentente, ke, ngoko ndaziva kancinci ndingathandi malunga nokubamba umhlangano. Ndacinga mhlawumbi ndiyakuba nawo emva kwemini ngeCawa, ukuze kungabikho bani uyakukhathazwa emabandleni abo. Kodwa, sifumanisile, ukuba ebeneenkonzong zasemvakwemini ngeCawa, kananjalo. Kwaye kancikana ndandi—ndinexhala malunga nokuba nenkonzo.

³⁴ Kwaye ke bazalwana, endaweni yokuqhubeka ngemini, njengoko besiphumile sizingela, saya esixekweni, ukuqhubeka saza salungela, saza saya kwiinkonzong zikaMzalwana u-Allen. UMzalwana u-A. A. Allen wayeneenkonzong. Ke saya ezinkonzweni, kwaye umzalwana u-Allen washumayela intshumayelo enamandla. Saba ne—nexesha, ixesha elimnandi, siphulaphule kuMzalwana u-Allen, sisiva a—abaculi, kunye nanjalo njalo, indlela abacula ngayo, nokukhwaza, kwaye benenkonzong emnandi.

³⁵ Kwaze emva koko sabona, konke ngasendleleni, isandla seNkosi. Naphina apho siya khona, iNkosi uYesu ubeya kuhlangana nathi. Kwaye kukho into ethile malunga nokuba phandle kuwe, phandle entlango. Kukho into ethile malunga nayo, okokuba ukuba wakhe wawedwa ngala ndlela, kukho into ethile ekutsalayo. Oko kukuthi, ndiyaqikelela, sisizathu esinye endithanda ezondawo zangaphandle. Uphumela ngaphandle kulamandla otshaba, kangangoko njengoko sinawo apha.

³⁶ Idemoni liphantse lingabi nabungozi ngaphandle kokuba libe linento ethile yokusebenza kuyo. Une... Uyawakhumbula loo mademoni ayekhutshiwe kuMkhosi? Ayene... ayefuna ukwenza ubungwenxa obungakumbi, ke afuna ukuya ezihagwini. Ke, amademoni kufuneka abe nento ethile yokusebenza kuyo, umntu othile wokusebenza ngaye.

³⁷ Kwaye leyo yindlela uThixo enza ngayo, naye. Kufuneka abe nathi. Uxhomekeke kuthi, ukuze asebenze ngathi.

³⁸ Kwaye abaninzi bezile ngelixa besiseluhambeni, namaphupha. Kwaye iNkosi uYesu ayizange yasilela kuphela ukusinika utoliko oluchanekileyo, kwaye nje ibe koko, nje ngokuchanekileyo ngala ndlela.

³⁹ Kwaye Yena ube elungile kuthi, ukusikhokelela ezilwanyaneni nokusixelela ukuba ziphi. Kwaye, niyayazi nje ukuba phaya ngolwahlobo, kuyamangalisa nje. Ukuhlala phaya, ubusuku, ngasemlilweni wasedlelweni, kude kumntu wonke, iimayile ngeemayile, kwaye ukubukela u—ukudanyaza komlilo wasedlelweni ngakuloo mipetho yamatye. Kwaye, owu, ibinkulu kakhulu!

⁴⁰ Omnye umzalwana phaya, obe ene ngxaki nomfazi wakhe, obene... Iminyaka eyagqithayo, waphakamisa intloko

yakhe emhlanganganweni, apho ndandinenkonzo khona. Kwaye ndandibacelile ukuba bagcine iintloko zabo zithobile; ndandinomoya omdaka owawungafuni kushiya u—umfazi, eqongeni. Kwaye inenekazi, nje lingahloneli, laphakamisa intloko yalo nakanjani. Kwaye umoya wemka kumfazi, eqongeni, waza waya kulo. Kwaye oku kumalunga neshumi elinesine leminyaka, kwaye inenekazi libe likwimeko embi kakhulu; kangako, nkqu nasengqondweni, de lenze nje izinto ezingalunganga nokulunga. Umzekelo, washiya umyeni wakhe, wemka waya kutshata enye indoda ngelixa lalihlala nomyeni walo; wabanga ukuba wayengayazi ukuba wayeyenzile. Kwaye ke ba—bazama ukumxilongela oku... Ingaba yintoni eniyibiza ngayo, xana wena... Amnesia? I... Bethu, nantoni ela gama liyiyo. Ndiyaqikelela okuya kunjalo, gqirha. Kodwa ibingekuko okuya. Ibingumoya. Kwaye lona... Kwaye inenekazi lalisishlobo esilungileyo sam. Kodwa ukusuka ngoba busuku, ukuqhubeka, landithiya ngokuphandle. Kakade, ningabona kutheni yayinjalo.

⁴¹ Kodwa ngoko xana umyeni walo wezayo, saza saguqa egumbini sathandaza, ngoko uMoya oyiNgcwele wehlela ezantsi. Yaba yiyo. Emva koko Wabonakala kumyeni wakhe ngoba busuku, ephupheni. Wabuyela emva nephupha, wayecinga yayisisiqhulo. Waza wafumanisa, yayikwa yilompendulo kwimpiliso yenkosikazi yakhe. Indlela uMoya oyiNgcwele wenza ngayo!

⁴² Ukwehlela ukuya eTucson, kunye noMzalwana uNorman kunye nabo, kwaye phaya iNkosi yaqalisa ukusebenza kwakhona ngamandla, izinto ezinkulu nokutyhila izinto.

⁴³ Ngobunye ubusuku, okwanditsalela kwesi siphetho apha, ndandimi kunye noMzalwana uWood kunye noMzalwana uSothmann. Kwaye sasi... Kwakumalunga nentsimbi yeshumi ebusuku, kwaye ndandijonge phezulu esibhakabhakeni, kwaze ukoyika okukhulu kweza phezulu kwam. Ndaza ndathi, "Jonga nje! Wonke lowa mkhulu, umkhosi wezulu!" Ndaza ndathi, "Yonke into ikulungelelwano olugqibeleleyo."

⁴⁴ Kwaye uMzalwana uWood wathi, "Sijonge kwezimbini ezincinci iinkwenkwezi zisondelele kakhulu, okokuba, iyenza ikhangeleke njengokukhanya."

⁴⁵ Ndathi, "Kodwa, uyayazi, Mzalwana uWood, ngokwenzululwazi, kwezaNkwenkwezi, iNkwenkwezi Ezisixhenxe, iNkwenkwezi Ezisixhenxe eZikhazimlayo, ezo nkwenkwezi azikhangeleki ngaphaya malunga nee intshi ezimbini ukwahlukana; kwaye zikude enye kwenye kunokuba sinjalo thina kuzo. Kwaye ukuba beziyakuqalisa ukuza kulomhlaba, ibiyakuthabatha, amawaka eemayile ngeyure, ibiyakuthabatha amakhulu namakhulu eminyaka ukuba zona zifike emhlabeni." Kwaye ndathi, "Kuyo yonke lena inkulu,

ephangaleleyo inkqubo apha, kwaye noko basixelela ukuba bajonga ngegiasi, banokubona ikhulu namashumi amabini ezigidi zeminyaka zexesha lokukhanya, kude phandle phaya; kwaye kusekho iinyanga neenkwenkwezi. Kwaye—kwaye, noko, uThixo wenze nganye yazo. Kwaye Yena uhlala phakathi kwazo.”

⁴⁶ Ndaza ndathi, “Ndaweni ithile phaya, ndaba nayo isalathwa kum, ngelinye ixesha kwindawo yokujonga iinkwenkwezi, izodiac; ukuqalisa ngeNtombi enyulu, isiza ngeSigaba soMhlaza, nokuhla kude ibe yeyokugqibela ingonyama, uLeo ingonyama. Ukuza kokuqala kuKristu, ngentombi; ukuza kwesibini, ngeNgonyama yesizwe sakwaYuda.” Ndaza ndathi, “Ndizamile okwam okungcono ukubona la zodiac, kwaye andikwazi kuyibona. Kodwa, noko, iphaya. Abo baqeqeshiweyo, bayayazi iphaya. UYobhi wayibona. Amadoda ayeqhele ukujonga kuyo. YiyiyiBhayibhile, ngenye imini. Kodwa kwesa sinyakanyaka sikhulu sezigidi zezigidi zezigidi zo—zeminyaka yokukhanya, UThixo uhlala embindini wako konke, kwaye Yena ujonge ezantsi. uPawulos uphakathi phaya. Umama wam uphakathi phaya, ndaweni thile, ejonge ezantsi.”

⁴⁷ Kwaye ndacinga ngolungelelwano lwalamkhosi wasezulwini, kungekho nanye kuzo ephume ecaleni. Zonke kuzo zigcine ixesha lazo, ngokugqibeleleyo. Umkhosi omkhulu kaThixo! Ndacinga ngamajoni; indlela ekuthi xana lanyanga kuyakwenzeka iphume kulungelelwano, umhlaba uyakugutyungelwa kwakhona ngamanzi, nje kwimizuzu embalwa. Umhlaba uyakufana nje nangoko wawunjalo xana uThixo wagqiba ukuwusebenzisa, ukuze asenze thina sibe lapha kuwo. “Wawungenasimo, uselubala, kwaye usanyanyeni, namanzi ephezu kobubanzi bomhlaba.” Kwaye ukuba la nyanga ingasukuma, iyakwenza into ekwanye kwakhona. Xana inyanga ishukuma kancinanana isimka emhlabeni, amaza ayenyuka. Xana isehla, landela nje amaza. Ngumkhosi omkhulu kaThixo. Kwaye xana ndacinga ngayo i...okuya ekubeni ingumkhosi omkhulu kaThixo. . .

⁴⁸ Ngoku, saya kulala. Kwaye emva koko ndaqalisa ukucinga ukuba akukho nanye yeziya ephumayo endaweni yazo. Zonke zihlala endaweni. Kwaye ukuba kukho intshukumo, naphina, yazo, ingesizathu, kwaye iyakuchaphazela lomhlaba. Sibona nje iziphumo zayo ngoku, ukusuka kwenye yazo isiya kwenye yeendawo yazo. Iyavakala. Ichaphazela yonke into.

⁴⁹ Kwaye ndacinga, ngoko, ukuba lamkhosi mkhulu wasezulwini, ngolwa hlobo, ufanele ugcine indawo yawo, ukwenza yonke into ibe kucwangco, malunga naphi ngesiphithiphithi somkhosi wasemhlabeni? Njani, xana omnye ephuma kucwangco, indlela elahlela yonke into iphuma endaweni yayo! Inkqubo yonke kaThixo iyaphazamiseka xana

elinye ilungu liphuma kulungelelwano. Sifanele siqhubeke sizame ukugcina ulungelelwano lukaMoya.

⁵⁰ Kwaye ndingathanda, kuThixo, ngale ntsasa, ukuba sinokuzisa oku kweyenene inkonzo yempiliso, okokuba singacina le ndawo...iqela esilihlanganisele phantsi kwephahla ngale ntsasa, kolunjalo ulungelelwano, okokuba uMoya oyiNgcwele uyakubeka lonke ilungu loMzimba, elilapha ngale ntsasa, kolunjalo ulungelelwano, de kubekho enjalo ukuzenzekela ngokukhawuleza impiliso yomphefumlo nomzimba, ukuba nje singabamba iindawo zethu.

⁵¹ Ngoku, njengoko benditshilo ekuqalekeni, ngeli nenekazi ebelinomhlaza athe uGqirha Holbrook wawuthatha... ebezakuwususa. Ngoku, uThixo obangele ingxolo ebhabhazelayo ukuba iye kulakliniki, waza wathabatha la mhlaza ngaphandle kokushiya kwa isiva, aniyazi na ukuba laThixo okwamnye ulapha? Kwaye into ekuphela kwayo Alinde yona, ngoWakhe—Wakhe umkhosi ukuba ube kwindawo yawo, njengeenkwenkwezi, ufumane indawo.

⁵² Ngoku, ingaba niyayazi, sibe neemfazwe emva kweemfazwe, namarhe eemfazwe? Kwaye ukuba umhlaba umile, siyakuba nezininzi iimfazwe ngaphezulu. Kodwa ingaba niyaqonda ukuba kukho kuphela amandla amabini kwihlabathi lonke? Kuzo zonke izantlukwano zethu phakathi kwezizwe, kunye nezantlukwano phakathi komnye nomye, kunye nento yonke, yonke inyukela kumandla amabini. Kukho kuphela amandla amabini, kwaye kukho kuphela izikumkani ezimbini; amandla amabini, kunye nezikumkani ezimbini. Konke okunye, izinto ezincinci, ziqhagamshelene nenye okanye amanye aloo mandla. Kwaye loo mandla ngamandla kaThixo kunye namandla kaSathana. Lonto yileyo...Yonke imfazwe, sonke isiphithiphithi, yonke into evelayo, ingabe ilawulwa ngamandla kaThixo okanye ngamandla kaSathana, kuba lawo kuphela kwamandla amabini akhoyo. Kwaye lawo ngamandla obomi kunye namandla okufa. Ngoku, lawo kuphela kwamandla amabini.

⁵³ Kwaye uSathana kuphela anga...Amandla akhe, anawo, ngamandla agqwethekileyo kaThixo. Asingomandla enene. Lugqwetho lwamandla kaThixo, yonke into anayo uSathana. Ukufa kuphela bubomi obugqwethekileyo. Ubuxoki kuphela yinyaniso exelwe phosakeleyo. Yabona? Ukrexezo si—sisenzo senziwe ngokungekuko, isisenzo sobulungisa senziwe ngokungekuko.Yabona? Yonke into anayo uSathana yinto eyagqwethwayo, kodwa ngamandla.

⁵⁴ Kwaye sinjalo, namhlanje, sihleli apha, kwaye elinye okanye elinye igunya lizakusilawula. Ke masimgxothe ongendawo. Masithabatheni indawo yethu njengeenkwenkwezi zamazulu.

⁵⁵ Njengoko iBhayibhile ithetha, “Iinkwenkwezi eziphalaphalayo,” ngaphaya kwiNcwadi kaYuda, “elephuza awawo amahlazo.” Kwaye asifuni kuba ziinkwenkwezi eziphalaphalayo; andazi nokuba *oku* kulungile, andazi nokuba *okuya* kulungile, andazi nokuba *iyakwenzeka*, andazi nokuba...ingaba njani. Sukuphalaphala. Hlala njengezonkwenkwezi zezulu, njengejoni lenene endaweni yalo yomsebenzi. Yima phaya, ukholelwe! Ubomi nokufa.

⁵⁶ Ngoku, umkhosi, xana ngenene umkhosi, isizwe sizilungiselela ukuya kulwa nesinye isizwe, sifanele kuqala sihlale phantsi size siphande kokuphi okulungileyo nokungalunganga, nokokuba sinakho na ukuya kulwa nesizwe esilandelayo okanye hayi. UYesu wafundisa oko. Ukuba abantu banokwenza okuya, ukuba iziswe beziya—beziya kuhlala phantsi, zize zime zicinge ngezo zinto, macala omabini, besingasayi kuba nazimfazwe kwakhona.

⁵⁷ Ngoku, siyafumanisa, ukuba indoda ayikwenzi okuya, ukuba iintloko zemikhosi azihlali phantsi, kuqala, zize ziphanda kwaye zibone ukuba zilungile, kwaye iinjongo neembono zazo zilungile, kwaye ukuba zinako ukomelela okwaneleyo kunye namandla okoyisa umkhosi olandelayo, ngoko ke ziqinisekisiwe ziyakoyiswa.

⁵⁸ Phaya kulapho uNjengele Custer wenza esa ekufeni impazamo yakhe. UNjengele Custer, njengoko ndiqonda, wayenemiyalelo esuka kurhulumente, ukuba angayi kumhlaba wamaSioux, ngokuba yayilixesha lenkolo kubo. Yayilixesha lokunqula. Babenesidlo. Kodwa uCuster wanxila, waza wacinga ukuba uyakuyenza nje nakanjani. Ubeya kunqumla, nokuba yimiyalelo okanye asiyomiyalelo. Kwaye ngoko eneneni badubula amadoda athile amsulwa, bawadubula. Ndinga bachana amanye awo. Yayingoovulindlela phandle, bezingela ukutya, ukuze bondle abantu babo—babo ngelixa babesekunquleni. Kwaye uCuster, enqumla, wawabona, waza wacinga babesemva kwecala lakhe, baza ke badubula kwabavulindlela. Kwaye abavulindlela babaleka, babuyela emva. Benza ntoni? Baxhoba, kwaye nabo besiza. Kwaye eso yaba sisiphelo sikaNjengele Custer, ngokuba akazange wahlala phantsi acinge, kuqala.

⁵⁹ Wayengenanto yakwenza phaya. Wayengenalungelo lokuba phaya. Watyhahlela amaNdiya ukusuka kuLwandlekazi lwaseMpuma, yonke indlela ukunqumla iNtshona, kakade. Kwaye babenesivumelwano, kodwa waphula isivumelwano. Kwaye xana waphula isivumelwano, emva koko waphulukana nedabi.

⁶⁰ Kwaye ke umkhosi, kuqala, ekulungeleni idabi, kuqala kufanele kubekho ukhetho, athile amajoni. Afanele anxietyiselwe ukulwa. Afanele aqeqshelwe ukulwa.

61 Kwaye ndiyakholwa ukuba elona dabi lakhe laliwa, ngoku lilungele ukuya ekwenzekeni. Ndiyakholwa ukuba uThixo ube ekhetha amajoni Akhe. Ndiyakholwa Yena ube ewanxibisa, ewaqeqesha. Kwaye umphambili wedabi ubekiwe, ulungiselela ukuqalisa.

62 Eli likhulu, idabi lokuqala elakhe laliwa, laqala eZulwini, xana uMikhayeli neeNgelosi Zakhe zalwa noLusifa neengelosi zakhe. Laqalisa, idabi lokuqala laliseZulwini. Ke, isono asizange savela emhlabeni, savela eZulwini.

63 Kwaye ngoko lalahlelwa phantsi ukusuka eZulwini, lakhutshelwa ngaphandle eZulwini, laya emhlabeni, laza lawela ebantwini. Ngoko idabi, lasuka kwiingelosi, laba ngamadabi abantu. Kwaye uSathana weza kutshabalalisa indalo kaThixo, oko uThixo wakudalayo ukuba ibe koKwakhe. Wayenayo, uSathana, weza kutshabalalisa oku. Leyo yinto eyayiyiyo injongo yakhe, yayikukuyitshabalalisa. Emva koko idabi laqalisa apha emhlabeni, laza laqalisa kuthi, kwaye lube liqhubeka kusukela ngoko.

64 Ngoku, ngaphambi kwalo naluphi idabi lingabekwa ekuhleni, kuqala kufuneka bakhethe umhlaba wokuhlanganela, okanye indawo apho idabi lifanele lilwelwe khona, indawo ekhethiweyo.

65 KwiMfazwe yoKuqala yeHlabathi, yayibekwe kanjalo, indawo engongomhlaba-wamntu kunye nendawo apho balwelwa khona. Kwaye kufuneka kubekho indawo ekhethiweyo.

66 Ngokufanayo naxa uSirayeli waya emfazweni kunye namaFilisti, kwakukho i-i-induli macala omabini apho babehlangene khona. Kwaye kulapho uGoliyathi waphumayo waza wabiza imikhosi kaSirayeli. Kulapho uDavide wahlangana naye khona, entlanjeni, xana wagqitha ngaphaya komfula omncinci obaleka phakathi kweenduli ezimbini, wachola amatye.

67 Kufanele kubekho indawo ekhethiweyo. Kwaye kule, kukho u—umhlaba wokuvumelana, umhlaba ongengowamntu, kwaye balwelwa *apha* kule ndawo. Bona nje abayenzi, omnye alwe *ngapha*, nomye ezantsi *phaya*, aze omnye abalekele *ngapha*. Kubakho umphambili wedabi apho bahlangana khona baze bavavanyane amandla abo, apho ngamnye umkhosi evavanya amandla awo ngakomnye umkhosi, indawo ekuvunyelwene ukuhlanganela kuyo. Ngoku, musani (fumana) phosa oku.

68 Xana eli dabi likhulu laqalisayo emhlabeni, kwafuneka kubekho indawo ekuvunyelwana ngayo yokuhlanganela. Kwafuneka kubekho indawo ekhethelwe ukuba idabi liqalasele kuyo, kunye nokuba idabi liqhubeke. Kwaye lamihlaba yedabi yaqalisa engqondweni yomntu. Phaya kulapho idabi laqalayo. Ingqondo yomntu yakhethelwa ukuba yindawo yedabi, apho

laqalisa khona, kwaye oko kungenxa yokuba izigqibo zenziwa engqondweni, intloko. Ngoku, abazange baliqalise kumbutho othile. Abazange baliqalise kumcimbi wobuxhakaxhaka obuthile. Imihlaba zange iqalise phaya. Ngoko ke, lambutho awusokuze, awusokuze wenze umsebenzi kaThixo, ngokuba imihlaba yedabi, apho ufanele uhlangani notshaba lwakho, kusengqondweni. Ufanele wenze ukhetho lakho. Luhlangana nawe.

⁶⁹ Ndifuna le ntombi incinci apha, egula kakhulu, iqiniseke ukuphulaphula ngoku koku, ngokuzondelele ngenene.

⁷⁰ Izigqibo zenziwa engqondweni, intloko. Phaya kulapho uSathana ahlangani nawe khona, kwaye izigqibo zilapho, ngokuba uThixo wamenza umntu ngala ndlela.

⁷¹ Ngoku, ndine (ukuba benikhangela imibhalwana yam apha) imephu encinci ezotyiweyo. Bendinayo apha kungekudala, kwi... ndayisebenzisa ebhodini. Umntu wenziwe nje ngokufana nokhozo lwengqolowa. Iyimbewu. Kwaye umntu yimbewu. Ngokomzimba, uyimbewu katata nomama wakho; kwaye ubomi busuka kutata, intlama isuka kumama. Ke, ezimbini, zihlangane, iqanda kunye ne—negazi, zihlangane. Kwaye kwiseli yegazi bubomi. Kwaye phakathi phaya iyaqalisa, iyakhula, isenza u—umntwana. Ngoku, nayiphi imbewu ineqokobhe kumphandle; umphakathi yintlama; kwaye ngaphakathi kwintlama yintsohi yobomi. Ke, leyo yindlela esenziwe ngayo. Singumzimba, umphefumlo, nomoya. Umphandle, umzimba, iqokobhe; umphakathi wokuya, isazela kunye nanjalo njalo, ngumphefumlo; kwaye ngaphakathi umphefumlo, ngumoya. Kwaye umoya ulawula konke okunye.

⁷² Ngoku, ukuba ubuyakuhlala phantsi xana ufika ekhaya, uze uzobe izangqa ezincinci ezintathu. Ubuyakufumanisa ukuba umzimba ongaphandle unezimvo ezintlanu aqhangamshela ngazo, kwaye oko kukubona, ukungcamla, ukuva ngokuchukumisa, ukujoja, ukuva. Ezo zizimvo ezintlanu ezilawula umzimba womntu.

⁷³ Ngaphakathi komzimba ngumphefumlo, kwaye la mphefumlo ulawulwa ziingqikelelo ngeengeinga, isazela, inkumbulo, izizathu, ukuchukumiseka. Leyo yinto elawula umphefumlo.

⁷⁴ Kodwa, umoya, unoluvo olunye kuphela. Umoya...Owu, masilufumane. Umoya unoluvo olunye, kwaye olwa luvo lu, lungaba luyayongamela, lukholo okanye intandabuzo. Oko kuko ngqo. Kwaye kukho indawo enye kuphela kuyo, leyo lilungelo lokuzikhethela. Ungamnkela intandabuzo okanye ungamnkela ukholo, nayiphi enye ofuna ukusebenza kuyo. Ngoko ke, uSathana uqalisa kweyona ndawo, ukubangela umoya womntu uthandabuze iLizwi likaThixo. UThixo uqalisa

kweyona ndawo, ukubeka iLizwi Lakhe kula moya. Nantso ke. Yilonto ekwenzayo.

⁷⁵ Ukuba eli bandla, kanye ngoku lingahlanganiswa, lithungelwe lihlangani ngokunjalo okokuba wonke umntu abe mxhelo mnye, kungabikho nesithunzi esinye sentandabuzo naphina, bekungayi kubakho mntu utyafileyo phakathi kwethu, kweminye emihlanu imizuzu. Bekungayi kubakho mntu apha onqwenela uMoya oyiNgcwele kuphela ubeya kuWufumana, ukuba benokufumana lanto ithile ilungiswe. Ngoku, nako apho idabi liqalisayo, kanye engqondweni yakho, okokuba uyathanda na.

⁷⁶ Ngoku khumbulani, asiyoNzululwazi yobuKristu, ngoku, ingqondo phezu komba. Oko aku . . . Ingqondo yamkela uBomi, ntoleyo iliLizwi likaThixo, kwaye phaya izise uBomi. Nje ingcinga yakho ayikwenzi oko. Kodwa, iLizwi likaThixo, liziswe kumjelo wengcinga yakho. Yabona? Asiyongcinga, njengeNzululwazi yobuKristu iyenza, ingqondo ngaphezu komba. Hayi. Asiyiyo.

⁷⁷ Kodwa, ingcinga yakho yamkela Yona. Iyayiqonda Yona. Yintoni elawulwa ngayo ingqondo yakho? Umoya wakho. Kwaye umoya wakho ubamba iLizwi likaThixo, kwaye leyo yinto enoBomi kuYo. Izisa uBomi kuwe. Owu, mzalwana! Xana oko kusenzeka, xana uBomi busehla kulamjelo, bungena kuwe, iLizwi likaThixo liyabonakaliswa kuwe. “Ukuba nithi nihlale kuM, naMazwi aM ahlale kuni, ngoko celani nantoni eniyifunayo kwaye niyakuyenzelwa.”

⁷⁸ Ngoko kwenza ntoni oko? Ukusuka embindini wentliziyo, ntoleyo ingumphumlo, ukusuka phaya kuyaphuma, kusa kuyo yonke imijelo. Ingxaki yayo yile, simile *apha* nentandabuzo eninzi, sizama ukwamnkela oko kuphandle *phaya*. Ufanele ukuyeke oko; uze wehle ngelajelo ngeLizwi likaThixo, kwaye emva koko iyaphuma, ngokwayo, ngokuzenzekela. Iyilonto ingaphakathi. Nantso into ethethayo, yingaphakathi.

Indlela kaSathana isuka ngaphakathi.

⁷⁹ Ngoku, nithi, “Andibi. Andiseli. Andizenzi ezi zinto.” Oko akunanto yakwenza nayo.

⁸⁰ Yabona, yingaphakathi. Akukhathaliseki ulunge kangakanani, ungoziphethe kakuhle kangakanani, unyaniseke kangakanani, ezo zinto zihloniphekile. Kodwa uYesu wathi, “Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngokutsha.” Yabona? Kufanele kubekho into ethile eyenzekayo ngaphakathi. Ukuba akuyenzi, oko kukuzenzisa, kuba ezantsi entliziyweni yakho unqwenela ukuyenza kakade. Ayinakuba kukuzenzisa. Ifanele ibe yinene.

⁸¹ Kwaye kukho indawo enye kuphela apho okuya kunokwehlela khona, kwaye okuya kungendlela yelungelo lokuzikhethela, kungena emphefumleni, ngeengcinga zakho.

“Njengoko indoda icinga entliziyweni yayo, injalo yona.”
 “Ukuba nithi kule ntaba, ‘Funquka,’ nize ningathandabuza entliziyweni yenu, kodwa nikhulwa ukuba oko nikutshiloyo kuyakwenzeka, ningakuzuza oko nikutshiloyo.” Niyayifumana? Nantso ke. Yabona? Nantso imihlaba yedabi. Ukuba ningafumana nje okuya kuqalise, kuqala.

⁸² Singxamele kakhulu ukubona izinto zisenziwa. Singxamele kakhulu ukwenzela into uThixo. Elinenekazi lincinci ali... ngxamale, akukho ntandabuzo, lingxamela ukuphila. Lifuna ukuphila. Abanye balapha, bafuna ukuphila. Kwaye xana sisiva malunga nalameko, njengogqirha, uvuko lwabafuleyo, izinto ezinkulu zamandla athe uThixo wethu wazenza, ngoko singxamile. Kwaye into eyiyo, sizama ukufikelela ngezi zimvo, ukufumana into ethile apha, njengesazela.

⁸³ Abantu abaninzi kakhulu, amaxesha amaninzi, baye baliqirha ngokungekuko iLizwi likaThixo. Kwaye ndiye ndaqondwa ngokungekuko ngako oku, ngokwenza ukubizela esiguqweni. Ndathi, “Bendingekho mngako ekubizeleni esiguqweni,” hayi ukuthetha ukuba akufanele ukwenze ukubizela esiguqweni.

⁸⁴ Kodwa umntu othile ubamba umntu ngengalo, athi, “Owu, Mzalwana uJohn, uyayazi intoni? Mna nawe sibe singabamelwana lonke eli xesha. Yiza nyukela apha esiguqweni, yehla.” Yintoni ayenzeyo? Ndingqwenela bendinebhodi yokubhala apha, bendinganibonisayo into ayenzayo. Uzama ukusebenza emphefumleni wakhe, ekuchukumisekeni. Oko akusebenzi. Leyo asiyondawo. Ngokuqinisekileyo, asiyyo.

⁸⁵ Mhlawumbi yena usebenza kwi (intoni?) inkumbulo, ngoluvo yomphefumlo. “Owu, Mzalwana uJohn, wawunomama olungileyo. Wafa kwixesha lakudala elagqithayo.” Inkumbulo! Yabona? Akunakuyenza lonto.

⁸⁶ Ifanele yehlele emgceni welungelo lokuzikhethela. Wena, ngokwakho, yeka iLizwi likaThixo... Akuzi ngenxa yokuba umama wakho wayengumfazi olungileyo. Akuzi ngenxa yokuba ungummelwana olungileyo. Uza ngenxa yokuba uThixo ukubizile ukuba uze, kwaye wamnkela Yena kwimiba yeLizwi Lakhe. Ela Lizwi lilo elithetha yonke into. Ela Lizwi! Ukuba ungafumana yonke into isuke endleleni, sonke isazela, zonke izimvo, kwaye nje uvumele iLizwi lingene, ela Lizwi liyakavelisa nje ngokuchanekileyo.

⁸⁷ Apha, jonga into eLigqunywe ngayo? Uthi, “Kulungile, ngoku,” uthi, “kulungile, ezi, isazela nezimvo, nanjalo njalo, azinanto yakwenza nayo, Mzalwana uBranham?” Ngokuqinisekileyo, inayo. Kodwa ukuba uvumela iLizwi lingene, uze uLigqume ngesazela, ngoko aLisokuze likhule; liyakuba lilizwi elikhubazekileyo.

⁸⁸ Ingaba wakhe walibona ukhozo olulungileyo lombona lutyalwe emhlabeni, uze uyeke ukhuni luwele phezu kwalo? Liyakukhula khubazekileyo. Nawuphi umdiliya, nantoni ekhulayo inyuke, iyakubanjalo, ngokuba into ethile iyithintele.

⁸⁹ Ke, oko koko kuyingxaki kunye neNkolo ipentekoste namhlanje. Sivumele izinto ezininzi zaLuthintela, uKholo obe silufundisiwe, uMoya oyiNgcwele obe uphila ngaphakathi kwethu. Sivumele izinto ezininzi, sijonge kumntu ongomnye.

⁹⁰ Kwaye umtyholi usoloko ezama ukukwalathisa ekusileleni komnye umntu, kodwa uzama ukugcina wena kude kubungqina benene obubobenene. Uyakukwalathisa kumhanahanisi, ngelinye ixesha, owaphuma waya kulunganisa into ethile. Akayenzanga, ngokuba ebelinganisa. Kodwa ukuba isuka kumthombo onyanisekileyo weLizwi likaThixo, “Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa iLizwi laM alinakugqitha,” Lifanele lihlale phaya.

Uyayibona, sisi?

⁹¹ Ifanele yamnkeleke engqondweni, ngoko Liyakholelwa ngentliziyo. Ngoko iLizwi likaThixo liba yinene, emva koko zonke izimvo zomphefumlo nomzimba ziye zakhuhlwa ngoMoya oyiNgcwele. Ngoko uluvo lwenu lukaThixo, isazela senu ngoThixo, yonke into enobuthixo, ityhutyha kuni. Akukho ntandabuzo naphina. Akukho nto inokuvuka.

⁹² Akukho nto inokuvela kwinkumbulo, ize ithi, “Ke, ndiyakhumbula uNkosazana Jones wazama ukuthemba uThixo, kwaye uNkosazana *Nje-na-nje*. UNkosazana Doe uzamile ukuthemba uThixo ngempiliso, ngelinye ixesha, kwaye wasilela.” Yabona?

⁹³ Kodwa ukuba ela jelo libe licociwe kwaye lahlanjululwa, laza lazaliswa kwingaphakathi ngoMoya oyiNgcwele, oko akuzi kwa ukuza kwinkumbulo, akukhathaliseki malunga noNkosazana Jones nawakwenzayo. Nguwe noThixo, nobabini, kwaye akukho mntu ungomnye kuphela nina nobabini. Nantso ke. Nalo idabi lakho. Mbulale ekuqalakeni. Mnqande kumzila wakhe. Ayisikokuba ungayenza ibende kangakanani wena imfazwe. Kuku, yinqanda kanye ngoku!

⁹⁴ Ukuba uyakuza, kwaye uyakugcina ezonkumbulo nesazela, nayo yonke into, ucinga malunga, “Kulungile, ndingasilela. Ingagabi yelungileyo.” Sukukwenza okuya, konke konke.

⁹⁵ Lahlela bucala yonke into, uze uvule ijelo, uze uthi, “Thixo, iLizwi Lakho linyanise ngoNaphakade, kwaye Lelam. Ukuba ibandla lonke liyasilela, ukuba ihlabathi lonke liyasilela, noko andinakuphila, ngokuba ndithabatha iLizwi Lakho.” Nalo idabi. Nantso into.

96 Kutheni uThixo uSomandla eya kususa umhlaza ebeleni lomfazi, ngaphandleni kwesiva, aze avumele umntwana alale phaya afe? Hayi, mhlekazi.

97 Intombi encinci ize apha, kungekudala, isuka kwisikolo samabanga aphakamileyo. Unina wanditsalela umnxeba, wathi, “Mzalwana uBranham, intombi yam inesifo seHodgkin.” Lowo ngumhlaza, wenza amaqhubu. Kwaye oogqirha bathabathe isuntswana ekuqhekekeni emqaleni wakhe, baze balithumela, kwaye ngokuchanekileyo ibisisifo seHodgkin.

98 Waze wathi, “Elandelayo eqhekekayo, ingaqhekeka phezu kwentliziyo yakhe. Xana isenza, umnkile.” Wathi, “Akana... Indlela eziqhekeka ngayo, unazo, naphina, malunga neenyanga ezintathu, zokuphila.”

99 Wathi umama, “Yintoni emandiyenze? Ndimbuyisele esikolweni?”

100 Wathi, “Makahambe, ngokuba mhlawumbi uyakuhamba ngesiqophe.” Waza wathi, “Myeke nje ahambe kwaye aphile ubomi obuqhelekileyo, kangangoko anokuba nako. Musa ukumxelela nto malunga nayo.”

Ke inenekazi lathi kum, “Yintoni emandiyenze?”

101 Ndathi, “Mnyuseni nimzise nize nimbeke kumgca wokuthandazela.” Ndaza ndathi, “Yiza naye.” ndaye ndeva ukuvakalelwa okungaqhelekanga.

102 Kwaye xana intombaza encinci yezayo, ngala ntsasa, kunye neluhlaza ukukhangeleka imilebe, kwisiqabi mlomo, kwaye njengoko isikolo sinabo. Kwaye—kwaye into encinci yasondela. Ndandingazi ibiyakuba ngubani; yayizakunditsalela umnxeba. Ndabamba isandla sayo. Ndathi, “Molo, dade.” Nankuya. Yayinguye. Nje kwimizuzu embalwa, ndajonga ezantsi kunina ndaza ndababona bobabini bengenaThixo, bengenaKristu. Ndathi, “Ningalindela njani impiliso kule mhlaba? Ingaba niyakumamnkela uYesu Kristu njengoMsindisi wenu?” Ndathi, “Ungeza kweliqula apha uze ubhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukwenzela uxolelo lwezono zenu?”

Bathi, “Siyakukwenza oko.”

103 Owu, niyakwazi okwenzekayo. Umfazi angabe uhleli apha ngale ntsasa. Abaninzi benu bayayazi ingxaki. UMzalwana uMike Egan, omnye wamathenjwa apha, wabukela ingxaki. Oko bekumalunga nemine okanye emihlanu iminyaka eyagqithayo. Intombi encinci yabuyiselwa kugqirha, kungekho nomkhondo wesifo seHodgkin owafunyanwayo kuye.

104 Yayiyintoni ingxaki? Kwakufuneka uvule umjelo, kuqala. Kufuneka ufumane iJoni, uMoya oyiNgewe, libekwe ngaphambili edabini, oko kuthabatha iLizwi likaThixo. UliLizwi. Kwaye Limile phaya, akukho nto ezakuLimisa ngoko. Akukho nto enoku...Yonke eminye imijelo icociwe.

Njengombilisi omdala enombhobho womsi uvaliwe; ufaka umlilo, iyakuqhushumbisa into yakho. Yilonto eyingxaki kunye namanzi amaKristu aqhushumbileyo, kungokuba abayicoci imijelo ukuphuma, abayi emazantsi kwingaphakathi. Ufanele uyicoce, isazela, inkumbulo, iingcinga, ubekela bucala yonke into, uze usuke kwingaphakathi ukuya ngaphandle, kunye neliya lingakrexezwanga iLizwi likaThixo, okokuba LiyiNyaniso.

¹⁰⁵ Akukhathaliseki ukuba amashumi amawaka athe afa *kweli* cala, namhlanje, ethembile; ishumi lewaka athe afa *kweliya* cala, ngomso, ethembile; oko akunanto yakwenza nam. Ndisisiqu. Ndinguye lowo uthembileyo. Ndinguye lowo uyikholwayo. Kwaye sibona emva ngaphaya, ukuba besifuna ukuvula imijelo yethu ngoko, ukuba sinakho, size sibone. Sifumana *lona nalowa*, kwaye *lona nalowa*, amawaka abo, engqina.

¹⁰⁶ Kodwa umtyholi uyakuzama ukubuyela emva. Yabona, ukuba angangena phakathi phaya, kwa ukungena, uwufumene umkhosi wakho unggingiwe kanye ngoko.

¹⁰⁷ Ukuba unezimvo zakho, ukubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, nokuva, zonke zilungile, kodwa sukuzithemba ngaphandle kokuba ziyavumelana neLizwi. Zonke zilungile, kodwa, ukuba azivumelani neLizwi, musa ukuziphulaphula. Ngoku, iingqikelelo-ngcinga, isazela, inkumbulo, izizathu, nokuchukumiseka, zonke zilungile ukuba ziyavumelana neLizwi. Kodwa ukuba ukuchukumiseka kothando lobuntu kwakho akuvumelani neLizwi, hlukana nako. Uyakuqhushumbisa umbhobho womsi, ngokukhawuleza. Yabona? Ukuba isizathu sakho asivumelani neLizwi, suka kuso. Injalo lonto. Injini. . . Ukuba inkumbulo yakho, ukuba iingqikelelo-ngcinga zakho, ukuba isazela sakho, nantoni na, engavumelani noKuya okungaphakathi, hlukana nako.

¹⁰⁸ Yintoni onayo ngoko? Unelanga nezijikelezi zalo. Haleluya! Iyi, uThixo wabeka iinkwenkwezi ngolungelelwano waza wathi, “Jinga phaya de ndikubize!” Zihlala phaya. Akukho nto izakuzishukumisa. Xana uThixo enokufumana indoda esandleni Sakhe, de abe nokufumana izimvo, isazela, yonke into icociwe, ide ibe ime noThixo ngasemva kwayo, ngaphakathi kumoya, akukho mtyholi ehlabathini onokufaka intandabuzo phakathi phaya. Injalo lonto.

Wabuya wathi, “Akuziva ngcono kwaphela.”

¹⁰⁹ Isazela sakho sesimkile nokumka, kokuya. Umbhobho womsi ucocwe kakhulu, uyakhwaza, “Haleluya!” Umhandle ubiza umlozi, “Uzuko kuThixo!” Iyakhanya, ngokuqinisekileyo, nje ukucoceka nokucaca, ukuze iLizwi likaThixo lisebenze ngayo, aMandla kaThixo. Yabona? Leyo yeyona nto.

¹¹⁰ Nalo ithafa lakho ledabi. Ithafa lakho ledabi lisemva apha ekuqalekeni, emva apha emphefumleni, emva engqondweni yakho evulayo. I—ingqondo lisango lokuya emphefumleni,

isango lokuya kumoya, gxebe. Ingqondo yakho iyavula ize yamnkele umoya, okanye iwale umoya. Ungaba nesazela esincinci, kunye nokuvakalelwa okuncinci, kunye nemizwa emincinci, zonke ezo zinto. Oku akunanto yakwenza nayo. Leyo nje yimizwa emincinci nezinto. Kodwa xana ifika kwine, ingqondo yakho iyavula. Ingqondo yakho iyayamnkela okanye iyayala. Yilonto, zihlobo.

Thixo, sukuvumela namnye ayiphose.

¹¹¹ Yabona, yingqondo yakho evula umnyango; okanye ivale umnyango, ize iphulaphule kwisazela sakh, iphulaphule kwinkumbulo yakho, iphulaphule ekuchukumisekeni kwakho. Kodwa xana ingqondo yakho izivala kwezi zinto, ize ivumele uThixo, uMoya weLizwi Lakhe, ungene, Uvuthulula yonke into iphume. Yonke intandabuzo imnkile. Konke ukoyika kumnkile. Yonke imizwa yentandabuzo imnkile. Yonke imvakalelo imnkile. Akukho nto emileyo phaya kuphela liLizwi likaThixo, kwaye uSathana akanakuqubisana noKuya. Hayi, mhlekazi. Akanakuqubisana naLo. Ngoku, siyayazi okuya kunyanisile.

¹¹² La madabi enzekile kusukela kumhla wasemyezweni we-Eden, idabi engqondweni yomntu. USathana waliqalisa. Yintoni awayenzayo xana wahlangana no Eva? Akazange aphike iLizwi likaThixo, kodwa waLigquma. Wavala ethile emincinci imijelo apha ndaweni ithile. Wathi, “Kodwa ngokuqinisekileyo uThixo...” IGenesis 3:1. Yabona? “Ngokuqinisekileyo, uThixo, zonke ezi zinto athe Yena—Yena—Yena wazithembisa...” Wayelazi iLizwi lalilungile. Kodwa wayeyazi wayengenakuza ngqo aze aLiqhushumbise, ekuhleni ngolwahlobo, kodwa wa—wa—waLigquma.

¹¹³ Njengomama wayeqhele ukusenza sithabathe iyeze, kwaye ebeye azame ukufaka isiselo se orenji kwi castor oil. Bethu, nje kungcono uthabathe icastor oil ingenasiselo se orenji! Nantoni ehanahanisiweyo! Yabona? Yena umama... Sasiqhele ukuvuka ebusuku, kwaye eya kusinika i-oli yelahle, ukunzwela ukukrala koqhoqhoqho. Kwaye ubeya kubeka i-oli yelahle, aze afake iswekile kuyo; yabona, uhlobo lohanahaniso. Kodwa iyakutshisa nje iindimla zakho, phantse, ukwehla, emveni kokuba iswekile isukile.

¹¹⁴ Ke, leyo yindlela eyiyo, sihlobo. USathana uzama uku—ukuba ngumhanahanisi malunga nayo. Uzama ukukubonisa into ethile engcono, indlela elula, icebo elibhadle ngakumbi. Kodwa akukho cebo libhadle ngakumbi kuneliya libekwe nguThixo ekuqalekeni, iLizwi Lakhe. Bamba ela Lizwi. Fumana ukubambelela kuLo. Lenze Lona lifumane ukukubamba. Hlala phaya kunye naLo. Leyo yi—leyo yinto.

¹¹⁵ Idabi laliwa xana u-Eva wavula ingqondo yakhe, ukuba aphulaphule ekuzathuzeni kwakhe. Lowo ngumbhobho womsi

elangena ngawo. Elo li—lijelo elihla ngalo, ukuzathuza kwakhe. Yena, emphefumleni wakhe, wazathuza.

¹¹⁶ Amehlo akhe ayekukubona. Wayibona inyoka. Yayintle, ibukeka, ingcono kakhulu kunomyeni wakhe. Yayiyeyona inobuqhophololo yaso sonke isilo sasendle, kwaye mhlawumbi yayiyindoda entle kunomyeni wakhe. Yakhangeleka njengesilo esikhulu esinezoso simile phaya. Indlela eyayinkulu ngayo! Kwaye sasizama ukumxelela into enkulu eyayiyiyo.

¹¹⁷ Kwaye into yokuqala awayenzayo, wavula ingqondo yakhe. Kwaye xana wakwenzayo, ukuzathuza kobuntu kwayibamba. “Kutheni, akuyi kuba yimincili na okuya?”

¹¹⁸ Leyo yinto ayenzayo emfazini namhlanje. Umfazi othile enomncinci othandekayo unyeni, afumane ethile eyakhekileyo, enkulu, indoda enezoso. Le ndoda iyakuzama ukuvula izizathuzo. Khumbulani, lowo nguSathana. Lowo ngumtyholi. Okanye, ngokuphendulelekileyo, indoda kumfazi, umfazi kwindoda, nangayiphi indlela. Yintoni ayenzayo? Usebenza kulamandla okuzathuza, esasazela okanye into ethile, iyaqalisa ukungena.

¹¹⁹ Kodwa nika iLizwi likaThixo indawo yokuqala. Indoda ayinakuza e... Ayinakona... Haleluya! Nantsi. Lena iyafika, yeyangoku. Indoda ayinakona ide kuqala ilahlele ecaleni iLizwi likaThixo. Ayinakho kwa ukona, oko ku “ukungakholwa,” ide kuqala yahlukane neLizwi likaThixo, uBukhona bukaThixo, ayinakona.

¹²⁰ U-Eva ebengenakona wade wabekela bucala iLizwi likaThixo, ukuvula ijelo lakhe lokuzathuza ukungena kumphefumlo wakhe, waza waqalisa ukuzathuza. “Ngoba, ngokuqinisekileyo. Umyeni wam akazange wandixelela ezi zinto, kodwa ndiyakholwa ukuba wena... Wandixelela andifanele ndizenze ezi zinto, kodwa, niyayazi, uyenza ibe yeyenene kakhulu kwaye icace kakhulu. Ndi—ndiyakholwa iyakuba yemangalisayo, ngokuba wena uyenza icace kakhulu kum.” Yabona, naliya idabi lokuqala. Kwaye, ngela dabi, libangele yonke enye imfazwe. Kwaye konke ukuphalazwa kwegazi okwakhe kwafika, kwabangelwa kanye phaya e-Eden. Umfazi waye wangakholelwa iLizwi likaThixo.

¹²¹ Kwaye ukuba intwanana enye encinci yeLizwi likaThixo aaye langakholelwa, labangela yonke le ngxaki, sizakubuyela njani emva, singalikholelwa iLizwi? Aninakuyenza. Kufuneka nivale zonke ezinye zezi zinto, isazela, iinkumbulo, nize nithi... zizathuzo, kunye nazo zonke ezi zinto zingezinye. “Ukulahla phantsi izizathuzo.” Asizathuzi malunga nayo, konke konke, akukhonto konke konke.

¹²² Samnkela nje iLizwi phezu komba, “UThixo utshilo njalo,” ize ibeke umfula phakathi kwakho noThixo. Wonke umjelo uthi uvuleke phakathi kwakho noThixo, ngoko.

123 Naliya idabi, elona lokuqala, umgca ongaphambili. Masingasebenzisi umpu wokuzingela i .22; masifumane i—imbhombu ye-atom. Masiwenze kakuhle umsebenzi. Masifumane ekaThixo ibhombu ye-atom. “Iyintoni, Mzalwana uBranham?” uK-h-o-l-o eLizwini Lakhe. Leyo yekaThixo ibhombo ye-atom. Iqhushumbisa izifo kunye needemoni, ekhohlo nasekunene. I—iyazinyamalalisa. Ukucalula. . . owu, iyi. . .Iyatshabalalisa nje. Ichithakalisa yonke into engenabuthixo. Xana labhombu yokhola isiwela ngaphakathi phaya, kunye neLizwi likaThixo emva kwayo, iqhushumbisa wonke umtyholi, sonke isigulo, sonke isifo.

124 Uthi, “Ingaba injalo, Mzalwana uBranham? Ngoko kutheni ikwenza, kwabathile, kwaye hayi kwabanye?”

125 Kungenxa yomjelo. Ungajonga uze uyibone. Kodwa ufanele ubenayo ngaphakathi *apha*, ukujonga *ngale* ndlela. Hayi phandle *phaya*, ukujonga ngaphakathi; ufanele ube ngaphakathi, ujonge ngaphandle. Yabona? Akunakuza ngesizathu. Akunakuza ngezinye zezi zinto. Ufanele uze kakuhle ezantsi ngejelo likaThixo lalo, kanye ukuya emphefumleni. Kunye nendlela oyenza ngayo? Yintoni ijelo lokugqibela?

126 Kukuzath-. . .kanye ukwehla. Uthi, izimvo, “Owu, ndi—ndingayiva. Ehe, nantsiya. Uh-huh. Owu, ndi—ndingayijojisa, okanye nanjalo njalo. Ezi zinto ziphaya. Ehe.” Into elandelayo, uyazathuza, “Kulungile, ikhangeleka ngathi yena ufanele ayazi into athetha malunga nayo. Ugqirha uthi andinakuphila. Oko kufanele kube njalo.” Uyabona, kanye phaya wena u—uphosile. Lowo ngumtyholi emile phaya. Lowo ngumtyholi efaka izinto kuwe. Sukuyikholelwa.

127 “Haleluya! ILizwi likaThixo lithe ndiyaku. . . ‘Ngaphezu kwento zonke, Ndingathanda niphumelele empilweni.’ Injalo lonto.” Ungaba lijoni lenene njani phandle phaya? Yabona, “Ndifuna niphumelele empilweni.”

128 Nantsiya, kanye phaya, loo mijelo. Uyifumane nje yona, uyivule. Sukuyigqitha nje.

129 Emva koko ukuba uSathana angangena phaya, angene ngezizazela kunye nazo zonke ezinye ezi izinto, ngoko yena ungena kanye ezantsi apha aye ekugqibeleni emphefumleni, engqondweni. Ngoku, ukuba nje angakufumana. . . Akusokuze—akusokuze ujonge kwezinye zazo ude uqala kufuneka umvumele yena angene *apha*. Kufuneka umvumele angene. Emva koko xana engena, unolawulo. Emva koko yintoni ayenzayo? Uyaqalisa ukusebenzisa isazela. Uyaqalisa ukusebenzisa *oku*, qalisa ukusebenzisa *lendawo* yokuphuma. Yintoni? Ukubona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujojisa, ukuva; ukuqikelela, isazela, inkumbulo, izizathuzo, ukuchukumiseka. Uyaqalisa ukusebenzisa yonke loo mijelo mincinci yahlukileyo, okoko nje enakho ukungena, ngaphezu

kwalena apha. Ufanele aze engqondweni yakho, kuqala, kwaye ufanele uyamnkele. Inakho uku. . . Phulaphula. Ingakuntlitha, kodwa ayinakufika kuwe ude wena uyamnkele.

¹³⁰ Xana uSathana wenyuka waya ku Eva, waza wathi, “Uyayazi, isiqhamo sihle,” wema umzuzu. Owu, kuxa wenza impazamo, xana wemayo umzuzu.

¹³¹ Sukumela kwanto. Uwufumene uMyalezo. UYesu uyaphila. UThixo nguMphilisi. Lowo nguMyalezo. Sukumela kwanto, hayi izizathuzo, hayi nanye into.

¹³² Kodwa wema umzuzu. Kuxa uSathana waya ngqo kulangqondo. Wathi, “Kuhle, ivakala bhadlileyo.” Owu, musa ukukwenzo okuya. Thabatha nje oko uThixo akutshiloyo.

¹³³ U-Abraham, kungathini ukuba wayemile ukuba azathuze, xana Yena wamxelela wayezakuba nosana ngoSarah, kwaye wayenamashumi amathandathu anesihlanu kwaye yena enamashumi asixhenxe anesihlanu? Kwaye xana wayekhulu, naye e—naye wayenamashumi asithoba, yena, futhi, yena—yena—yena wavuma ukuba iLizwi likaThixo lalinyanisile. Kwaye wabiza zonke ezo zinto, ezazingekho, njengezazikho. Yabona? Yena. . . Nkqu nethemba, kwakungekho nathemba? Akazange asebenzise nathemba.

¹³⁴ “Ke,” uthi, “Ndiyathemba ndingakwenza konke kulunge. Ndiyathemba ndiyakuphila. Ndiyathemba ndifumene uMoya oyiNgcwele. Ndiyathemba ndingumKristu. Ndiyathemba ndenza *oku*.” Akukufuni okuya.

¹³⁵ U-Abraham akazange ajonge nokujonga kokuya. Amen. “Ngokuchasene nethemba, walikholelwa nangoko iLizwi likaThixo.” Ukholo lungaphaya kwethemba. Ukholo luza lusuka ngasemva *apha*, kwingaphakathi. Ukholo luza lusuka *apha*.

¹³⁶ Ungena njani? Ngale ngqondo, eli—eli sango, umphambili wedabi umile phaya.

¹³⁷ Ngoku, xana ufumana idabi lume ngoluhlu! Ngoku, umtyholi uhleli kanye kuyo yonke intliziyo, ngale ntsasa. Uhleli, entliziyweni yale ntombazana incinci. Uhleli ezintliziyweni zenu. Uhleli kuyo yonke indawo phaya. Yena uthi, “Owu, ndikubonile uzama ngaphambili. Ndikuvile okuya ngaphambili.”

¹³⁸ Mgxotho. Yilonto yonke. Mgxotho. Yathini iBhayibhile apha, itekisi yethu? “Mgxotho.” Injalo lonto. “Mgxotho.” Sibe siqeqeshiwe.

¹³⁹ Ndicinga, “Yintoni ingxaki ngathi bashumayeli?” Ndiyamangala hlobo luni loqeqesho esithe saba nalo.

¹⁴⁰ UThixo uqeqeshela ukwenzela elidabi likhulu. UMateyu 24 wathi phaya, kunye noDanilyeli i-12 ngokunjalo, wathi, “Kuyakubakho ixesha lengxaki, engazange yabakho emhlabeni ngaphambili.” Kwaye siphila kwela xesha, xana inkcubeko,

nemfundo, kunye nezinto, ziye zagubungela ngokuthambileyo iLizwi likaThixo, zaza zafika kwizizathuzo kunye nanjalo njalo. Idabi lingoku. Ngubani oyakuma? Haleluya! Idabi lilungele ukungena. UMTshakazi ume ngoluhlu ngoku. Jonga okungako ukuba kukhulu ukuchaswa esinako ngaphaya.

¹⁴¹ Ngubani oyakuba njengoDavide? Wathi, “Niyeka lowa ungolukanga umFilistiya anyevulele imikhosi yophilayo uThixo? Ndiyakuya ndiyokulwa naye.” Amen. UThixo ufuna amadoda nabafazi ngale ntsasa abangaphakamayo baze bathi, “Ndiyakuthabatha iNkosi eLizwini Layo.” Amen. Akukhathaliseki yintoni esilelayo, apho *oku nokuya*, kunye nokuthe kwenziwa *ngulowa*. Oko akunanto yakwenza nayo. Nina boSawule, kunye nonjalo njalo, ukuba niyamoyika, buyelani emva apho ningabakhona. Kodwa, umkhosi kaThixo uyaphambili, amen; amadoda angamakroti, amadado o—o—okholo, amadoda amandla, amadoda okuqonda. Akudingeki achubeke. Akudingeki abe ngafundileyo. Kufanele abe yimijelo. UThixo uthabatha loomijelo mincinci.

¹⁴² Yena wema umzuzu, ukuba azathuze, esithi, “Kulungile, ngoku, masibone.” Ke, nje ngokufana, kungathini ukuba . . .

¹⁴³ Eli nenekazi lincinci, ngale ntsasa, akukho ntandabuzo ugqirha uye walixelela, lona limalunga nasekupheleni kwendlela, “Akukho nto enokwenziwa.” Ke, ngoku, lowa ngulagqirha. Andingwebi. La ndoda yindoda ingusonzululwazi. Ibona ukuba isifo siwoyisile umzimba womntwana. Ingaphaya kwayo yonke into. Akanayeza eliyakuthi liyinqande.

¹⁴⁴ Ke ngokunjalo lamhlaza uyakumeyisa lamfazi; ngokuqinisekileyo, ukufa kulweyisile olwa sana; kodwa uMthetheli oyiNtloko wethu, haleluya, walomkhosi mkhulu, Yena uluvuko noBomi. Akukho nto enokumeyisa Yena. Haleluya!

¹⁴⁵ Ubuchopho bomkhosi buleli kumthetheli wawo, ubukrelekrele. URommel, eJamani, wayebubuchopho beJamani; hayi uHitler. URommel! Injalo lonto. U-Eisenhower! Amadoda omkhosi! UPatton! Loo madoda ayengaphambili, kuxhomekeke kwindlela athi anika ngayo umyalelo. Ulandela umthetheli wakho, ukuba uluhlobo olulungileyo lwenjengele. Ukuba uluhlobo olulungileyo, ukuba uyinjengele enkwenkwezi-ne, ukuba uqinisekisiwe, ukuba uqinisekiweyo ukuba ulungile, mlandele. Nokuba ingakhangeleka ingalunganga, kuwe, yiya ngaphambili. Yenza njengoko ekuxelela.

¹⁴⁶ Haleluya! SineNjengele enkwenkwezi-ntlanu, ebizwa J-e-s-u-s, ebeka inkwenkwezi ezintlanu kuthi, k-h-o-l-o. Akazange ahlulwe dabi. Haleluya! Weyisa ukufa, isihogo, kunye nengcwaba. Wasusa amademoni endleleni. UnguMthetheli oyiNtloko omkhulu. Ke, umtyholi akakho kwasemfanekisweni.

147 Idabi elikhulu elakhe lenzeka, liyalungiselela kanye ngoku. Ngokuqinisekileyo, linjalo. Owu! Haleluya!

148 Xana ndicinga ngalo! Xana ndema ndaza ndabukela Yena esenza izinto, ndambona Yena etyhila izinto, evula izinto, wathi, “Iyakuba *ngale* ndlela na *ngala* ndlela,” nantso ke! Owu, jonga emva *apha*, uze uthi, “Ngubani loMthetheli mkhulu?” Owu, andijongi ngasemva ndize ndibone ukuba nguGqirha *Njena-nje*. Ndiyabona oko uMphathi wakutshoyo. “UnguMphathi wosindiso lwethu.” Haleluya! Yintoni usindiso? Intlangulo! Uzuko! “UnguMthetheli wentlangulo yethu.”

149 Iyure enkulu yokuhlasela ifikile. Haleluya! Joni, nezikrweqe zibengezela, imibala iphephezela! Ukholo nentandabuzo likubeka kuluhlu, kulomqhuba, ngale ntsasa; intandabuzo kwelinye icala, ukhlo lwelinye. Majoni, yimani endaweni yenu yomsebenzi. Haleluya! uMthetheli wethu, iKhwezi Lokusa, uyakhokela. Akazange wahlehla. Yena (zange) akalazi igama hlehla. Akudingeki ahlehle. Amen. Ngokuqinisekileyo.

150 Elona dabi likhulu elakhe laliwa, liyaqhubeka ngoku kanye phakathi apha ngoku, ewe, mhlekazi, phakathi kobomi nokufa, phakathi kokugula nempilo, phakathi kokhlo nentandabuzo, owu, bethu, phakathi kokukhululeka nokukhonxwa. Idabi liyaqhubeka! Bengezelisani imikhonto yenu, majoni. Polishani izikrweqe zenu. UThixo ulungisa amajoni Akhe. Amen. UThixo uthambisa umkhosi Wakhe.

151 IMelika inxibisa amajoni ayo ngendlela engcono enako ukubanako ukunxiba ngayo: izigcina-ntloko zentsimbi, kunye nezikrweqe, kunye nako konke abanako, iinqwelo zomkhosi ezixhotyisiweyo, nantoni abangena kuyo.

152 UThixo unxibisa umkhosi Wakhe. Haleluya! Loluphi uhlobo lwesixhobo esilusebenzisayo? UMoya weKrele, iLizwi likaThixo! Amen! “ILizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini,” AmaHebhere i-4, “lihlaba lahlule kwanethambo, kwa u—umongo wethambo, kwa noMcaluli weengcingane zengqondo.” ILizwi likaThixo! Ukukholelwa iLizwi Lakhe, kwaye yindlela uThixo axhobisa ngayo.

153 Oko koko Akunika u-Eva ukuba azixhobise ngako. Kwaye waphula izixhobo zakhe. Ingaba wayenza njani? Ngokuvulela ingqondo yakhe ekuzathuzeni. Akuzathuzi ngeLizwi likaThixo. Alinakuzathuza. Wena...LiLizwi nje likaThixo. Akukho—akukho ntandabuzo malunga naLo. Akukho kuzathuza kuLo. LiLizwi likaThixo. Oko kuyayilungisa. Oko kuyayifumana. Oko kuyilungisa naphakade.

154 Jonga oko ndikuthethayo, sthandwa? [Udade uthi, “Amen.”—Mhl.] LiLizwi likaThixo. UThixo ulithembisile. UThixo utshilo njalo.

155 Bathi ku Abraham, “Wazi kanjani ukuba uzakuba nalo olwasana?”

“UTHixo utshilo kanjalo.” Oko kwayilungisa.

“Kuhle, kutheni ungenalo?”

156 “Andiyazi ndizakulufumana nini, kodwa ndizakulufumana. UTHixo utshilo kanjalo. Oko akusayi kundimisa nakancinci.” Wabi- . . .

157 “Kutheni ungabuyeli emva kwikhaya lakho, apho usuka khona?”

158 “Ndifanele ndibe ngumphambukeli nomhambeli kweli lizwe.” Amen! . . .? . . . “UTHixo unikeze ngesithembiso. UTHixo uzakunikeza ngosana kanye kulomhlaba Andithumele kuwo.” Haleluya!

159 UTHixo uyakukuphilisa kanye kwesi simo sikaMoya oyiNgcwele, apho Akuthumele khona. UTHixo uyakuyinikeza kuwe. Yikholelwa nje. Amen. Vula imibhobho yomsi yomphefumlo nomzimba, izimvo, kunye nesazela, uze nje uyeke iLizwi likaTHixo ligqobhozele kuqala, lithabathe langqondo. Naliya ithafa ledabi.

160 Hayi ukuthi, “Kuhle, ukuba ndingayiva ngokuchukumiseka, ukuba bendinokuva ngokuchukumiseka uzuko lukaTHixo lusiwa! Owu!” Oko akunanto yakwenza nayo; hayi kwanto.

161 Vula la ngqondo. Elo lithafa ledabi. Phaya kulapho idabi liqala ukuhlalwa, kanye apha kumgca ongaphambili, ingqondo yakho. Yivule, uze uthi, “Ndi . . .Yonke intandabuzo, ndithandabuzo iintandabuzo zam.” Amen. “Ndithandabuzo iintandabuzo zam ngoku. Ndikholelwa iLizwi likaTHixo. Naku ndisiza, Sathana.” Into ethile izakwenzeka. Ngokuqinisekileyo, iyakwenzeka. Ewe, mhlekazi.

162 Wathambisa abakhonzi Bakhe ngoMoya Wakhe. Wabathumelela iingelosi. Abantu bahlekisa ngokuya, ngamanye amaxesha, “iingelosi.” Mandikhe—mandikhe ndityhile nje into ethile apha nani, nje umzuzu. Masityhile ngapha kumaHebhere, nje umzuzu. AmaHebhere isahluko se-4, isahluko se-4, kwaye masikhe . . .ndithetha, isahluko so-1 samaHebhere, size sityhile kumqolo we-14.

Ingaba asingabo bonke na abamoya balungiselelayo, bathunyelwa besuka . . .bathunyelwe ukulungiselela abo bayakuba ziindlalifa zosindiso?

. . .yeyiphi kwezi ngelosi awakhe wathi . . .Hlala wena ngasekunene kwesandla sam . . .?

. . .zonke iingelosi zikaTHixo . . .

163 Ngoku, apha iBhayibhile ibuyela kanye emva ize isixelelele apha, ukuba uTHixo uthumela iingelosi. Uzuko! Zizintoni? “Imimoya elungiselelayo.” Uzuko! Imimoya elungiselelayo,

ithunyelwe (phi?) isuka eBukhloneni bukaThixo. Ukuba yenze ntoni? Ilungiselele iLizwi Lakhe. Amen! Azimelanga kulungiselela imfundo ngezenkolo yeqela elithile lobuhlelo, kodwa ukulungiselela iLizwi Lakhe. Yilonto. “Imimoya elungiselelayo, ithunyelwa.”

¹⁶⁴ Sazi njani ukuba yiyo? IBhayibhile yatsho, ukuba, “iLizwi leNkosi leza kubaprofeti.” Ingaba injalo? Ezi ngelosi zilungiselela iLizwi Lakhe, ngoMoya Wakhe; zilungiselela iLizwi, ngoMoya oyiNgcwele. Kwaye uMoya kunye neLizwi ziza kubaprofeti, kwaye abaprofeti baneLizwi likaThixo. Ezo sisizathu babenakho ukwenza imimangaliso abayenzayo. Yayingeyondoda; yayinguMoya kaThixo endodeni, uMoya kaKristu endodeni. Kuba iLizwi likaThixo... Yintoni ayenzileyo? Ucoxa wonke umjelo. UThixo wayemkhethile, kwaye wayethanjiswe ngoMoya oyiNgcwele. Kwaye yayingenguye. Kwaye zange enze nanye into de wayibona embonweni. U-Eliya wathi, kwiNtaba yeKarmele, “Konke oku ndikwenzile ngokomyalelo Wakho. Ngoku, Nkosi, makwezeke ukuba Wena ungThixo.” Owu, uzuko kuThixo!

¹⁶⁵ Ndiyibonile amatyeli amaninzi, xana ubona uMoya kaThixo ubetha indawo, kwaye landawo iba phantsi kwentambiso! Ukuba eli qela lincinci ngaphakathi apha ngale ntsasa, nje linokuthabatha lengqondo apha, lisuse yonke intandabuzo endleleni! Ungathini ukuthandabuza kwakhona, xana ubona abafileyo—abafileyo bevuswa, iziqhwala zihamba, imfama zibona, izithulu zisiva?

¹⁶⁶ INgelosi yeNkosi, kwa nomfanekiso Wakhe ujinga apha eludongeni, wenze inzululwazi zidideke, ndaweni yonke. Yintoni Ayenzayo? Hlala kanye neLizwi. Amen! Lisika lonke idemoni. Ewe, Liyayenza. Yintoni? “Oomoya abalungiselelayo, bethunyelwe besuka eBukhloneni bukaThixo,” ukuthambisa abathethi beLizwi, abahlala neLizwi. Kwaye Yena uyaliqinisekisa iLizwi ngemiqondiso elandelayo, esizisa uYesu okwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Nankuya Yena.

¹⁶⁷ Singathini ukuthandabuza, xana Yena zombini ngenzululwazi, ngokuphathekayo, nangokomoya, yonke indlela enokuqondakaliswa, Yena uyiqondakalisile *apha*?

¹⁶⁸ Yintoni ingxaki? Isezingqondweni zethu. Sivula iingqondo zethu kwinto, sithi, “Ke, ngoku, andazi nokuba ingaba yiyo okanye hayi. Mhlawumbi, ukuba ndiziva ngcono ngomso.” Owu, oko akunayo nanye into yakwenza nayo.

¹⁶⁹ Njengoko ndasoloko ndisitsho, u-Abraham wayenokuba wathi kuSarah... Wayegqithile kwisigaba so—sokuba ngumfazi. Niyayazi endithetha kona; lixsha lobomi, iintsuku zakhe zamashumi amabini anesibhozo. Yabona, wayenamashumi amathandathu anesihlanu ubudala. Mhlawumbi wayegqithile kulo, ngeshumi elinesihlanu, amashumi amabini eminyaka.

Kwaye wathi kuye, mhlawumbi, kwiintsuku ezimbalwa ezilandelayo, wathi, “Akuva namnye umahluko, shandwa?”

“Nantwana yamahluko.”

170 “Okokunayo nento enye yokwenza nayo. Siyaqhubeka, nakanjani. Kulungile, ngoku, ukuba uqalisa emva njengo—ngomfazi osemntsha kwakhona, siyayazi, ngelagazi lobomi, Ke, ngoku, sifumanisa phaya ukuba izakukhusela usana, kwaye yonke into iyakulunga. Ngoku, ingaba uva namnye umahluko namhlanje? Ibe iyinyanga kusukela Yena wandithembisayo. Ingaba uva namnye umahluko, shandwa?”

171 “Hayi kwantwana, Abraham. Akukho mqondiso wanto. Ndi—ndisafana nje nobe ndi—ndikuko ngoku kuleminyaka imbalwa igqithileyo. Akukho nantwana yomahluko.”

“Uzuko kuThixo! Sizakuba nalo, nakanjani.”

172 “Ingaba uthetha, Abraham, phezu... Jonga, ukuba Yena wakuthembisa, ngokuqinisekileyo Yena uyakukunika umqondiso *ngale* ndlela. Ngokuqinisekileyo Yena uyakusinika umqondiso.” Huh! Haleluya!

173 “Esibuthakathaka nesikrexezayo isizukulwana sifuna umqondiso.” Injalo lonto. Wayenawo umqondiso. Yayiyintoni? ILizwi likaThixo. Lalingumqondiso.

174 Angathini uThixo ukuphilisa lo mntwana? ILizwi likaThixo litshilo njalo; ukuba ndiva umzwa, okanye kungekho mzwa. Ukuba ndi... Akukhathaliseki kwenzeka ntoni, uThixo utshilo njalo. Oko kuyigqibile.

175 U-Abraham wathi, “Qokelela iibhonethi zakho nayo yonke into ihlangane, siyemka siya elizweni.”

“Uyaphi?”

176 “Andiyazi.” Amen. “Kodwa, siyahamba, nakanjani. Naku siyahamba!” Sibopha umthwalo kwaye siyahamba. Haleluya! Elo liLizwi lenene likaThixo. Yayiyintoni eyayibambile phambi kwakhe? Isithembiso sikaThixo, iLizwi likaThixo. “Sizakubanalo.”

177 “Phuma phakathi kwabantu bakowenu, Abraham. Bona, into yayo, bangabathandabuzi nabangakholwayo. Bayakukufaka nawe kwingxaki enye. Phuma. Zahlule, uze uphilele Mna.” Yintoni? “Shiya sonke isazela sakho nezimvo zakho ngaseva kwakho, ngolwahlobo. Vula ingqondo yakho, uze ukhumbule, ndiM. Yiza, phila naM.” Amen.

178 UThixo ubiza yonke iMbewu ka Abraham, ngale ntsasa, eyibizela kolahlobo lunye lobomi. Idabi elikhulu liyaqhubeka, ngoku, kwihlabathi jikelele. UThixo ufuna abantwana Bakhe bazahlule kokuya? Ukujonga, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujoja, ukuva; uqikelelo ngengcinga, isazela, iinkumbulo, ukuzathuza, ukuchukumiseka; yonke into. Bavule ingqondo

yabo baze bavumele iLizwi lingene, baze bamatshe neLizwi. Elo lijoni lenene.

¹⁷⁹ Leyo yindlela iinkwenkwezi ezime ngayo. Ilanga nezijikelezi zalo azikatshintshi; izodiac. Ikhwezi lokusa liphuma kwindawo yalo yomsebenzi, yonke intsasa, nje ngokuchanekileyo ngendlela elenzayo xana umhlaba wadalwayo. Ikhwezi longokuhlwa lithabatha indawo yalo; yonke inkwenkwezi. Iinkwenkwezi ezisixhenxe, kwaye kanye ngexesha lexesha lonyaka, ziphaya kanye apho zifanele zibekhona. INkwenkwezi yasentla ime bhungxe kwaye ayishukumi. Haleluya! Into yonke ijikeleza kwiNkwenkwezi yasentla, kwaye zonke, ngokuba isembindini kanye womhlaba.

¹⁸⁰ Lowo nguKristu. Amen. Umile phaya, eyalela umkhosi Wakhe njengoMthetheli omkhulu.

¹⁸¹ NjengoMoses entabeni aphakamisele izandla zakhe phezulu, kwaye uSirayeli esilwa, esika ukuvula indlela yabo, kwaye wema ephakamisele izandla zakhe phezulu. Wema ephakamisele phezulu izandla zakhe de ilanga laya kutshona. Kwafuneka babambe izandla zakhe zibe phezulu. Lowo yayinguMoses.

¹⁸² Wayengumfuziselo kaKristu. Ukuqinisekisa ukuba izandla Zakhe zihleli phezulu, izandla Zakhe zazibethelelwe emnqamlezweni. Haleluya! Kwaye Wakhwela kwiindonga zokukhusela zoZuko, namhlanje, eneengubo Zakhe ezinegazi phambi koThixo, kwisandla sakhe sasekunene sobuNgangamsha Bakhe Phaya. Kwaye idabi, kulo lonke ijoni, liyakusika livule indlela yalo. Andikxathali kwenzeka ntoni; ngeLizwi likaThixo, uyakusika azivulele indlela eya enkululekweni. Amen.

¹⁸³ Njengentshontsho lenkukhu liseqandeni, kungathini ukuba liyoyika ukukroba? Kungathini ukuba liyoyika ukuxhola iqanda? Kungathini ukuba intshontsho elincinci ngaphakathi kweqanda, intaka encinci, lalisoyika ukuxhola iqokombe leqanda? Bekungathini belinokuva isandi ngaphandle, sisithi, “Sukuxhola elaqokobhe, ungazivisa kabuhlungu”? Kodwa indalo ngokwayo, entakeni, iyayixelela, “Yixhole! Vula isikroba kulo.”

¹⁸⁴ Yenza yonke imibutho emidala ithi, “Imihla yemimangalisa yegqitha. Uzakuzivisa kabuhlungu. Ungena ekubaxeni.”

¹⁸⁵ Xhola kanye kwiqokobhe, nje ngamandla unokuba nakho. Haleluya! “Sathana, suka! Ndiyaphuma apha.” Yilonto. “Andilelanga apha, kwakhona. Andihlelanga apha, kwakhona. Andikho kulomhlaba mdala womtyholi kwakhona. Ndiyaxhola indlela yam yokuphuma, ngale intsasa. Amen. Ndilikhozi.” Amen! Haleluya!

¹⁸⁶ Kodwa ela khozi lincinci lidala, lantamo yehamile enkulu emva phaya, ixhola kwelaqokobhe. Akukhathaliseki laliqine kangakanani iqokobhe, laxhola kanye laphumela kulo. Into

yokuqala oyaziyo, ngoko, lingaphaphazela iimpiko zalo kancinci. Lalilungile.

¹⁸⁷ Xhola indlela yakho uphume. Injalo lonto. Uyenza njani? Yiqhushumbise ngo, “ITSHO INKOSI. ITSHO INKOSI. ITSHO INKOSI.” Ekugqibeleni uyaqalisa ukujoja umoya omtsha. “ITSHO INKOSI.” Ukhuphe intloko yakho ngaphandle. “ITSHO INKOSI.” Tyhala ngamandla ngoku, uyaphuma!

¹⁸⁸ Alizange libuyele emva eqokobheni kwakhona. Amen. Likhululekile. Owu, bethu! Ela Lizwi ukuba lakhe lahlala, ngazo zonke ezo zimvo kunye nezazela nezinto, ukuba lizinze ezantsi *apha*, kwaye la ngqondo ithe yavula ize iLivumele. Owu Thixo, yiba nenceba! Akuzange kwabakho nto yokulikhonxa kwakhona. Ukhululekile. Lowo athe uNyana wamkhulu uphumile eqokobheni. Ihlelo lakho alinakuze likubizele ngasemva. Umtyholi akanakuze enze kwanto kuwe. Angasisiza kwaye enze umkhulungwana, ngoko.

¹⁸⁹ Kodwa ukwindlela ePhakamilyo, ubaleka ngesantya esiphezulu, owu, bethu, ubaleka unyuka ngendlela ePhakamileyo kaKumkani, ijoni lomnqamlezo elithanjisiweyo. Kwaye nini nonke makhosi, ngokholo, nibabaza uYesu, ukuKhanya kwehlabathi, nibaleka ninyukela kwindlela ePhakamileyo kaKumkani. Ngokuqinisekileyo. Ewe, mhlekazi!

¹⁹⁰ Aba ngo “moya abalungiselelayo,” bethunyelwe besuka eBukhoneni bukaThixo, ukuba babe ngabalungiseleli, ukulungiselela (ntoni?) iLizwi Lakhe; hayi imfundo ethile ngezenkolo, kodwa iLizwi likaThixo. Bangoomoya abalungiselelayo, bethunyelwe besuka kuThixo, ukuba balungiselele. Oomoya abalungiselelayo! Owu! Kwaye, khumbulani, ukuba ulungiselela into ethile ngaphandle kweLizwi, ayisuki kuThixo. Kuba, “iLizwi Lakho lisoloko lingqinelwa eZulwini.” Okokoko, eZulwini, iLizwi la-... UThixo uyaliqaphela Lona. Kwaye Akasokuze athumele umoya ukulungiselela into ethile ngaphandle kwLizwi.

¹⁹¹ Akasokuze athumele umoya onenkulu iD.D.D., Ph.D., kunye nekhola yakhe ejikiweyo ngasemva, yonke into enjeya, ithi, “Kulungile, kakade, imihla yemimaliso yegqitha. Sonke siyakwazi oko.” Hayi, hayi. Oko akusuki kuThixo. Kuchasene neLizwi. Amen.

¹⁹² Uthumela abo balungiselela uMoya weLizwi. Amen.

¹⁹³ Owu, ndinamalunga nezimbini okanye ezintlanu ngaphezulu izinto, kodwa ndiyakuziyeka ngeli xesha, ndizichole kwiCawa elandelayo. Kulungile.

USathana namademoni akhe bathanjisiwe.

¹⁹⁴ Ukuba aba moya bazingelosi bathanjiselwe ukuzisela wena iLizwi, ukukubangela wena ukuba ukholwe iLizwi, ngoku unganakho ukubona apho wakhe weva umprofeti, owenene

umprofeti kaThixo, ephika iLizwi likaThixo? [IBandla lthi, “Hayi.”—Mhl.] Hayi, mhlekazi. Kwenzeka ntoni xana imibutho yemihla yabo yavuka yaza yathi, “Ngoku, akalungisanga?” Wazimela yedwa, kwaye wema yedwa. Wathi, “Ilungile.”

¹⁹⁵ Jonga kuMikaya ezantsi phaya ngala mhla, umqengqeleki ongcewele omncinci, yabona, unyana ka Imla. Kwakukho amakhulu amane athanjisiweyo, afanele abe njalo, abaprofeti abathanjisiweyo bemile phezulu phaya, bonke bondlekile, kwaye belungisiwe, kunye nezidanga ezikhulu, ezifunde kakhulu kwaye zahonjiswa izifundiswa. Bathi, “Nyuka, kumkani wethu othembekileyo. INkosi ibe nawe. Okuya kokwethu. UYoshuwa usinikele. Ke nyuka uze uwuthabathe. Oko kunjalo ngqo. Nyuka uze uwuthabathe. Oko...” Wathi, “Ke, uYosh-...”

¹⁹⁶ Niyayazi, uYehoshafati wathi, “Ingaba akukho ongomnye, ndaweni ithile?” Kuhle, babenamakhulu amane. Kutheni ungakholelwa amakhulu amane? Wathi, “Kodwa, ngokuqinisekileyo unaye omnye, ndaweni ithile.”

¹⁹⁷ Wathi, “Ndi—ndi... Kulungile, sinaye. Ukhona ongomnye, kodwa, owu, ndimthiyile.” Huh! Yabona?

¹⁹⁸ “Kukho—kukho, lowo ngumfo endingathanda ukumamela kuye, yabona.” Wathi, “Mnyuseni eze. Masibone oko ayakukutsho.”

¹⁹⁹ Kwaye ke baya baza bamxelela yena, bathi, “Ngoku, phulaphula. Ubeke intshumayelo yakho nje kakuhle, ngale ntsasa, kuba ushumayela kukumkani. Ushumayela kwi... yonke i—imanyano yabalungiseleli be *thile-thile*, uyabona, basePalestina, yonke imanyano yabalungiseleli. Ngoku, khumbula, naku abakutshiloyo. Yitsho into ekwanye. Ukholelwa into ekwanye.” Lowo mncinci...

²⁰⁰ Wa—wayenendoda engalunganga phaya. La ndoda sele yakushiyayo oku kuzathuza kudala. Sele yayicocayo imibhobho yokuhambisa umsi, uyabona, isazela sayo.

²⁰¹ “Kwaye, kuhle, kutheni, uyayazi into abayakuyenza? Ukuba uyakutsho into ekwanye, ndiyacinga bayakukwenza umphathi wabefundisi wesithili. Mhlawumbi bayakuyenza. Baya—bayakukwenza umveleli omkhulu wesithili sengingqi apha, ukuba uya—uyakuvumelana nje nabo.” Leyo yayingeyondoda yenene kaThixo.

²⁰² Kutheni, imibhobho yayo yokukhupha umsi yayicociwe, sonke isazela sayo kunye nento yonke ivulekile. Ingqodo yayo yayivulekele iLizwi likaThixo. Kwaye iLizwi likaThixo, kuphela, ibiyakulikholelwa. Abo ngoomoya abalungiselelayo. Lowo ngumoya olungiselelayo.

203 Wathi, “Andiyazi emandiyitsho ngoku. Kodwa, ndiyakunixela lento inye, ndiyakutsho kuphela oko uThixo andixelela ukuba mandikutsho.”

Ke balinda oba busuku. Waba nombono.

204 Intsasa elandelayo, ndingafane ndicinge uMikaya ejonge ngeZibhalo kwaye athi, “Ngoku, masibone ngoku. Ingaba lambono...Ngoku, onke wona amadoda, kukho into engalunganga apha ndaweni ithile, kuba Sichasene koko bakutshoyo. Kuhle, ingaba Sona siyakuthini? Masibone oko u-Eliya wakutshoyo emva apha, umprofeti, kuba siyayazi wayengumprofeti. Jonga oko...ILizwi leNkosi leza ku Eliya. Ehe. Kwaye yintoni Lona elakutshoyo? ‘Kwaye izinja ziyakuxhapha igazi lakho. UJezebhele, izinja ziyakumtya. Kwaye ngenxa yelungisa u-Ahabhi...ilungisa uNabhotei.” Wathi ngoku...Xana wakubonayo oko, wabona ukuba umbono wakhe wawuthe ngqo kunye neLizwi likaThixo, ngoku, la Ahabhi mdala yayisiza kuye.

205 Waphumela ngaphandle phaya, wathi, “Nyuka. Kodwa ndimbonile uSirayeli...” Yabona, wayengenazintloni ukuchaza umbono wakhe ngoku, kuba wawuliLizwi leNkosi. Wayazi wayenokuthabatha lanto nje ngokugqibeleleyo. Intoni? Wayevule intliziyo yakhe, ingqondo yakhe, eLizwini likaThixo, kwaye iLizwi likaThixo lalityhiliwe ngasemva, ke wayazi okuya ngokugqibeleleyo yayiliLizwi likaThixo.

206 Ngoku, uthi, “Owu, ukuba nje ndingaba nguMikaya!” Ungaba nguye. Unguye. Unguye, nawe, sthandwa. UnguMikaya, umprofeti. Yintoni onokuyenza? Vula ingqondo yakho. Yintoni endizama ukukuxelela yona ngale intsasa? ILizwi leNkosi. Yabona? Vula ingqondo yakho, uthi, “Ngoku, uyayazi, ndiyakholwa ndingaphiliswa.” Kulungile, Liyintoni, ngoku? Ingaba LiLizwi leNkosi? Ngokuqinisekileyo, LiLizwi leNkosi.

207 Kwaye lomfo apha uthi, “Imihla yemimangaliso yengqitha. Akunakukwenza oku. Kwaye wena...” Libala ngayo. Beka uThixo kuqala.

208 Naku kusiza iLizwi leNkosi, kwaye waLithetha, kwaye Laba njalo.

209 Ngoku, yintoni awayenzayo uSathana? USathana wathambisa abanye. Ngoku, uSathana uthambisa abakhonzi bakhe. Owu, ngokuqinisekileyo. Uh-huh. Ngokuqinisekileyo. Uthambisa abakhonzi bakhe. Ubathambisa ngantoni? Ngokungakholwa. USathana kunye namademoni akhe bathambisa uluntu ukuba lingakholwa iLizwi likaThixo.

210 Ngoku, ukuba ufuna ukuqinisekisa oko, tyhila kwiGenesis 3:4. Masityhile emva phaya size siphulaphule koku, nje umzuzu, size sibone ukuba oko asibobuqhinga bakhe bokuqala. Into yokuqala awayenzayo. Akazange ashiye amaqhinga akhe amanye. Uwenza ngalo lonke ixesha. Ngoku, bona nje ukuba

koku—kokukuko. Ngoku, akazange aphikisane neLizwi. Wambangela nje yena uhlobo lokuLiqonda phosakeleyo kancinci, niyayazi, nje uhlobo lokuLenza livakale njengendlela afuna Livakale ngayo, sukuthabatha iLizwi lonke. Ngoku, iGenesis, ndinayo apha, iGenesis 3:4. Masibone ukuba oko koko kukutshoyo ngoku. Kulungile.

Yaza yathi inyoka kumfazi, Ngokuqinisekileyo anisayi kufa:

211 “Ngokuqinisekileyo akuyi kufa.” Yabona wacaphula yona phaya? “Owu, siyakholwa imihla yemimangaliso yeqqitha. Asikholwa ukuba kukho into enjengabantu abamkela uMoya oyiNgcwele njengoko benzayo ngePentekoste. Owu, nangayiphi indlela obhaptizwe ngayo, ayenzi mahluko.” Yabona umtyholi? Jonga amaqhinga akhe? “Ke, ukuba ugqirha ukuxelele akunakuphila, oko kuyigqibile.”

212 Ngoku, hayi ukudelela, ukungakholelwa ugqirha. Ugqirha usebenza kumga wobunzululwazi. Kwaye ugqirha wenze yonke into anokuyenza, ukusindisa ubomi bomntu, kwaye abunakusindiswa, ngokuba akukho nto yimbi ayaziyo yokuyenza. Usekupheleni kobukrelekrele bakhe. Indoda inyanisekile. Kodwa, ngoku, umthi wolwazi ulungile, kodwa xana usiya mgama kangoko wona uyakuya, ngoko yehlela kuMthi woBomi uze uqhubeke nje uhambe. Amen. Yilonto. Iyakusebenza kangako. Ehe.

213 Ngoku, yintoni iqhinga likaSathana ngoku? Yintoni awayitshoyo apha? Ngoku qaphela owo-1 nowe—wesibini umqolo. Ngoku ma—mandifunde umqolo wo-1 apha, ukuya kowe-3.

Ngoku inyoka yayisesona sinobuqhophololo kunazo zonke, izilwanyana zasendle awazidalayo uYEHOVA uThixo. Yaza yathi kumfazi, Utshilo, na okunene uThixo, Nize ningadli. . . wonke umthi wasemyezweni?

214 Phulaphulani kuye ngoku, nje indlela aba mbi ngayo, nendlela a—aligquma ngayo ela Lizwi. Yabona? Yena u. . . Yintoni azama ukuyenza? Ukungena engqondweni yakhe. Yabona? Uthetha naye, emveni kokuba iLizwi lalisele linqatyiselwe phaya.

215 Ngoku, sukuvumela uSathana anqabise nantoni. Yabona? Gcina iLizwi likaThixo linqatyisiwe entliziyweni yakho. Yabona? Yenza into ekwanye. Ngoku qaphelani, nina boMikaya.

. . . wathi umfazi kwinyoka, Singadla kwisiqhamo semithi yomyezo: kodwa u. . .

Kodwa isiqhamo somthi osembindini (phakathi, yabona) womyezo, UThixo. . . uthe, Nize ningadli kuwo, ningawuchukumisi nokuwuchukumisa, hleze nife.

216 Yabona, ngoku, elo liLizwi. Uchaphula Lona emva kuye. Ngoku qaphelani.

Yaza yathi inyoka kumfazi, Ngokuqinisekileyo anisayi kufa:

217 Yabona iqhinga lakhe? Yabona? Yintoni azama ukuyenza? La mntu wokuqala, uzama ukuthambisa la mfazi uxabisekileyo phaya, intombi kaThixo, ngokungakholelwa iLizwi likaThixo. Oko koko kanye azama ukufumana yena akwenze.

218 Oko koko azama ukufumana wena ukwenze, sthandwa. Oko koko azama ukwenza ngamnye wenu akwenze, phandle aphaya, anithambise. Kwaye into ekuphela kwayo ekufanele niyenze ngoku. . . Ningabo banelungelo lokuzikhethela. Ngoku ningayamkela ukuba niyafuna. Kodwa yikhupheni ngaphandle. Ukuba u-Eva ebengazange wema lamzuzu, ukuba aphulaphule! Musa ukumela nantoni. Musa ukuma.

219 Xana—xana u-Eliya waxelela uGehazi, wathi, “Thabatha intonga yam, yiya uyibeke kusana olufileyo. Kwaye ukuba nawuphi umntu ukhe wathetha nawe, sukuphendula. Ukuba nabani uzama ukumisa, qhubeka nje uhambe.”

220 Khangela kumfaza xana wabiza isicaka sakhe. Wathi, “Bopha imbhongolo uze uye phambili, kwaye uze ungemi de nditsho kuwe.” Yilonto.

221 Xana ufumene uMyalezo, qhubeka. Amen. Yithi, “Andinakuhamba kwakhona. Hayi, Ndiba buthakathaka.” Qhubeka nje uhamba. Musa ukuma. Bekela yonke into bucala, qhubeka nje utyhudisa. Mzalwana, uneKrele esandleni sakho, qhubeka nje unqunqa.

222 Ndiye ndaya kwisteyidam sebhola, ngelinye ixesha, kwaye ndandizakushumayela. Ndaza ndema emnyango ndajonga phezulu, phezulu phaya. Yayisithi, “Asingomlinganiselo wenja emlweni. Ngumlinganiselo womlo enjeni.” Ke oko koko kuphumelela idabi. Yabona?

223 Uthi, “Kuhle, jonga. Jonga kuwo onke amabandla amakhulu achasene Noku.”

224 Andikhathali angumlinganiselo mni angawo. Ngumlo osenjeni, yilonto ebalayo. Lukholo olusemntwini. Ukuba uligwala, buyela kumgxunya wakho wokuziqoqha. Kodwa, mzalwana, ukuba ulijoni, yima phandle phaya. Naliya idabi liqhubeka. Okulungileyo nokungalunganga kuqubisene. Masilweni.

225 NjengoPeter Cartwright, waya esixekweni, wathi, “INKosi yandixelela u—ukuba ndize apha ndize ndibe nemvuselelo.” Waqesha igumbi elidala elinguvimba, wangena phaya waza waqalisa ukulicoca.

226 Kwaye umxhaphazi omkhulu wesixeko, umpu ujinga ecaleni lakhe, wehla. Wafumana amacango... Abanye babo, bathi, “Yintoni eyenziwa ngulamfo ezantsi phaya?”

227 Wathi, “Ngumshumayeli. Uzakuba nomhlangano, watsho.”

228 “Kulungile,” wathi, “ndiqikelela kuyakufuneka ndehlela nje phaya ndize ndimkhuphele estratweni, ndize ndimkhuphe apha. Kuphelele apho. Asifuni mihlangano apha endaweni yethu.”

229 Ke wehlela phaya, watyhala ucango. Kwaye uPeter Cartwright wayenxibe idyasi yakhe, niyayazi, kwaye nje wayehlamba iifestile kunye needonga ezantsi. Umfo omncikane, uyayazi.

230 Umshumayeli omdala wamhleka, niyayazi, ngokutya inkukhu ngezandla zakhe; ntoleyo esisithethe namhlanje, niyayazi.

231 Ke yena wayehlamba nje iifestile kwaye elungisa apho. Umxhaphazi omkhulu waya, watsalela idyasi yakhe ngasemva, umpu ujinga ecaleni lakhe, wathi, “Yintoni oyenzayo?”

232 “Owu,” yathi, “Ndihlamba iifestile.” Kwaye waqhubeka nje ehamba ifestile, niyayazi. Wayenenjongo enye. UThixo wamxelela abambe invuselelo. Wahamba iifestile, ukwehla.

Wathi, “Asivumeli zimvuselelo khona apha.”

233 Wathi, “Owu, kodwa iNkosi indixelele u—ukuba ndibambe lemvuselelo.” Yabona? Waqhubeka nje, phandle emsebenzini wakhe. Yabona? Yabona?

234 “Kuhle,” wathi, “kukho into enye ekufuneka u—uyiqonde.” Wathi, “Ndilawula ledolophu apha.”

235 Wathi, “Owu, wenza njalo?” Waze waqhubeka ehamba iifestile, niyayazi.

236 Yathi, “Phambi kokuba ube nemvuselelo, kufuneka undibethe kuqala.”

Wathi, “Owu, ndiyenze? Kulungile, ndiyakukwenza nje okuya kamva ngoko.”

237 Wakhulula nje idyasi yakhe. Wahamba waya ngaphaya, wambamba ngekhola, waza wamkxhalela phantsi emgangathweni, waza waxhumela phezu kwayo. Wathi, “Kufuneka ndilwe, ukuba kufanele ndilawule. Yongeza ukukhalipha kwam, Nkosi.” Wabetha itela yaphuma kuyo.

Wathi, “Ufumene okwaneleyo?”

238 Yathi, “Ewe.” Yaphakama yaza yaxhawula isandla sakhe. Yasindiswa ngoba busuku, ebandleni.

239 Nantso ke. Yabona? Iyi, thabatha iLizwi likaThixo uze usike indlela yakho ugqithe kuyo yonke intandabuzo. Yibone? Ngokuqinisekileyo, yilonto. Lowo ngumsebenzi olandelayo, masiwugqibe. Injalo. Into elandelayo ekufanele

ndiyenze kukusuka kwiintandabuzo zam, ndizinqunqe. Lowo ngumsebenzi wam olandelayo, kukukhupha ukucaphuka kwam. Ukuba izimvo zam zindixelela, “Kulungile, uziva kakubi,” into elandelayo yokuyenza kukusika lanto isuke. Injalo lonto.

²⁴⁰ Uthi, “Kulungile, wena... Bayakundixelela ukuba... Niyayazi, isazela sam siyandixelela, Mzalwana uBranham, ukuba ndi...” Ke, ungasuke usike lanto isuke. Akusayi kuhambela mgama kunokuya. Gqiba umsebenzi wakho olandelayo. Khulula idyasi yakho uze ubeze nje kuyo. Qhubeka nje. Kwinjongo enye, “Ndizakuphumelela.” Amen. “Andinakungaphumeleli. Ndizakuphumelela.” Amen.

²⁴¹ USathana uyathambisa. Yabona? Yintoni iqhinga lakhe lokuqala? Yayiyintoni indawo yakhe yokuqala awayifumanayo? Ingqondo. Wema okomzuzu, ukuba aphulaphule koko wakutshoyo. “Owu, akutsho njalo?”

²⁴² Phaya kulapho amaninzi amabhinqa athe enza impazamo yawo, kunye nabaninzi abafana athe wenza impazamo yakhe; kunjalo, bema umzuzu, nje ukuma umzuzu. Mangaphi amatyeli ndikhe ndabona amatyala oqhawulo mtshato kunye nezinto zivela, kokuya.

²⁴³ “Kuhle, ndiyakuxelela, Mzalwana uBranham, ubize umlozi njengo ‘vityo-vityo’, niyayazi, ndaza ndema, kwaye, ukunyaniseka, be—bendingabhekiselelanga kuyo.” Uh-huh. Nantso ke.

²⁴⁴ “Owu, yena, bendihleli ngaphaya kwetafile. Yena—yena wayenamhlo amahle kakhulu!” Yabona? Uh-huh. Yayibona? Yilonto.

²⁴⁵ Umtyholi wenza into ekwanye. “Owu, ugqirha undixelele andinakuphila, ke ndi...” Nantso ke, into ekwanye, yabona, elona dabi likhulu elakhe laliwa.

²⁴⁶ “Ke, bandixelela... Ndibone u*Nje-na-nje* ebanga ukuba noMoya oyiNgcwele.” Ehe, ukhangele kothile omdala umhanahanisi. Malunga naphi nabo ababenaWo ngenene? Uh-huh. Ehe. Umtyholi uyakukwalathisa kwesithile esidala isigu sikanomnyayi, kodwa akasayi kukubonisa ihobe lenene. Uh-huh. Injalo lonto. Akasayi kukubonisa oko, kwaye uyakugcina okuya kumfaneyekisiwe kuwe.

²⁴⁷ Owu, ngumlwi, naye, khumbulani. Kodwa mkhulu owethu... “Mkhulu Lowo ungaphekathi kuni, kunalowo usehlabathini.” Kodwa bambelela kwiLizwi likaThixo; Likholelwe, nina bathetheli bomkhosi apha. Khusela inqaba yakho, mzalwana. Injalo lonto, gcina indawo yakho yoxanduva.

²⁴⁸ Ke, ndibe nentombi encinci apha, ngelinye ixesha. Inenekazi lingabe lihleli apha ngoku. Igama lalo nguNellie Sanders. Elinye lamaxesha okuqala endakhe ndabona umtyholi ekhutshwa. Sahlala, ngoku, ukuba nje ndingafumana indawo; kwaye

nje kungabamalunga nezintathu iibhloko phezulu apha, ngaphaya kwamangcwaba. Kwaye ndandisandula ukuba ngumshumayeli, kwaye ndandishumayela kanye apha kule kona, ndinomhlangano wentente.

²⁴⁹ Kwaye lantombazana incinci yayiyenye yabandanisi abangcono. Yayihamba isikolo samabanga aphakamileyo ezantsi apha, kwaye yona no Lee Horn. Kwaye abaninzi benu apha edolophini bayamazi uLee Horn ezantsi apha, unegumbi lepool. Kwaye bona, yona noLee Horn, babengabandanisi abangcono phaya ababekho elizweni. UngumKatolika, yena. Kakade, inkolo yayingathethi nto kubo, ke ngoko. . . UNellie kunye nabo. Ke, wayengumdani omkhulu, kwaye yena wayenguye, naye. Kwaye baba nalo mdaniso apha obizwa “black bottom,” ne “jitterbugs,” kunye nazo zonke ezo zinto. Kwaye waye engu. . . Bona bobabini babengabangcono elizweni.

²⁵⁰ Ngenye imini, wagxadazela phezulu apha, ngobunye ubusuku, emhlanganweni. Phaya wawa, esiguqweni, uNellie omncinci. Sikelela intliziyo yakhe. Walala phaya esiguqweni. Waphakamisa intloko yakhe. Kwaye wakhala, zaza iinyembezi zehla ngezidlele. Wathi, “Billy. . .” Wayendazi. Wathi, “Ndifuna ukusindiswa, kakubi.”

²⁵¹ Ndathi, “Nellie, ungasindiswa. UYesu usele ekusindisile, ntombazana. Kufuneka wamnkele kona ngoku phezu kwemiba yeLizwi Lakhe.”

²⁵² Kwaye wahlala phaya. Waza walila, kwaye wathandaza, kwaye wamxelela uThixo ukuba akasokuze aphulaphule izinto zehlabathi kwakhona. Konke ngaxeshanye, oluthandekayo olumnandi uxolo lweza phezu komphfumlo wakhe. Waphakama phaya, ekhwaza kwaye edumisa uThixo, ezukisa uThixo.

²⁵³ Kwaye malunga nesithandathu okanye isibhozo seenyanga emveni koku, wayesehla ngeSpring Street, ngobunye ubusuku.

²⁵⁴ Ngoku, nje intombazana eselula, wayesesekufikiseni kwakhe, malunga neshumi elinesibhozo leminyaka ubudala. Kwaye uza kum, kwaye wathi, “Hope. . .” Lowo yayingumfazi wam, lowo undulukileyo. Wathi, “Ndingwenela bendikhangeleka njengoHope noIrene.” Wathi, “Uyayazi, abazange baphume baye ehlabathini.” Wathi, “Ihlabathi libeka uphawu kuwe.” Wathi, “Ndinokujongeka okurhabaxa.” Wathi, “Ngoku, ndiyayeka ukuziqaba kunye nento, kodwa ndikhangeleka rhabaxa. Nkqu nokukhangeleka kwam, ebusweni bam,” Wathi, “Ndikhangeleka rhabaxa.” Wathi, “Bakhangeleka bemsulwa kakhulu nathambileyo.” Wathi, “Ndingwenela bendingazange ndakwenza okuya.”

²⁵⁵ Ndathi, “Nellie, iGazi likaYesu Kristu licoca kuso sonke isono, sthandwa. Qhubeka, kholelwa kulo.”

256 UWayne Bledsoe, abaninzi benu apha bayamazi, isihlobo esisenyongweni sam, kwaye iminyaka neminyaka. Wayelinxila. Kwaye weza apha kunye nomntakwethu, u-Edward. Kwaye wanxila ezantsi apha estratweni, ndaza ndamchola, kuba amapolisa ayezakumfumana. Ndaza ndamzisa phezulu apha. Kwaye ndandingumshumayeli ndihlala phezulu apha, kumama notata, ngaphambili kakhulu kokuba nditshate. Ndaza ndamthabatha, ndambeka ebhedini phakathi phaya. Ndilala . . . ndalala kwibhedi esongwayo. Kwakukho igquba elikhulu looBranham, uyayazi, ishumi lethu. Kwaye ke sasinamalunga namagumbi amane, kwaye kwakufuneka sibebufinyenza, kancinci. Ke, ndandinendala ibhedi esongwayo endandilala kuyo. Ndayitsala *ngoluhlobo*, nda—ndabeka uWayne ebhedini kunye nam. Enxilile, kwafuneka ndimthwalele endlwini ndimlalise phantsi.

257 Kwaye ndandilele phaya. Ndathi, “Wayne, akunazintloni ngesiqu sakho, ngolwa hlobo?”

258 Waze wathi, “Uh, Billy musa ukuthetha nam ngolohlobo.”

Ndaze ngoko ndabeka isandla sam ngaphezulu. Ndathi, “Ndizakuthandazela, Wayne. UThixo akusikelele.” Kwaye ndandisindisiwe malunga, owu, ndiyaqikelela malunga, mhlawumbi unyaka.

259 Kwaye ke ngoko, konke ngaxesha linye, i—teksi yabhakraza icango ngaphandle, waze umntu othile wankqonkqoza ngamandlakazi. “Mzalwana uBill! Mzalwana uBill!” [UMzalwana uBranham wankqonkqoza epulpitini—Mhl.]

260 Ndacinga, “Bethu, nkosi yam, makube umntu othile uyafa.” Ndaxhuma, umnyango; ndaxhakamfula into yam endala phaya, ndambhatha iipijama zam, *ngolu* hlobo, ndagquma uWayne, ndabaleka ndaya emnyango.

261 Yavakala njengomfazi. Ndavula umnyango, kwaye lentombazana isentsha imile emnyango. Yathi, “Owu, ndingangena?”

Ndathi, “Ngena.” Ndaza ndakhanyisa.

262 Kwaye ngoku wayelila nje ngolu hlobo, waza wathi, “Owu, Billy, ndi—ndi—ndimkile! Ndimkile!”

263 Ndathi, “Yintoni ingxaki, Nellie? Ufumene u—ufumene uhlaselo lwentliziyo?”

264 Wathi, “Hayi.” Wathi, “Mzalwana uBill, bendisehla ngeSpring.” Wathi, “Enyanisweni, Mzalwana uBill! Enyanisweni, Mzalwana uBill, bendingajolisanga ekwenzeni umonakalo. Bendingajolisanga ekwenzeni umonakalo.”

265 Ndathi, “Yintoni ingxaki?” Ndacinga, “Yintoni endizakuyenza ngaye ngoku?” Bendingayazi into emandiyenze. Be, ndingomfo nje osemntsha. Kwaye be . . .

266 Wathi, “Owu, Mzalwana uBill,” wathi, “Mna nje—mna nje—mna nje ndizingceba.”

Ndathi, “Ngoku, zola, sisi. Ndixelele malunga nayo yonke.”

267 Waze wathi, “Kuhle,” wathi, “Bendisiza ndisehla ngestrato, kwaye iRedman’s Hall . . .” Kwaye babeqhele ukuba nomdaniso wobusuku bangoMgqibelo phaya. Waza wathi, “Bendinezinto, ebendisiya ekhaya ukuyokwenza ilokhwe.” Waze wathi, “Ndeva lamculo.” Waza wathi, “Uyayazi,” wathi, “Ndema nje umzuzu.” Waza wathi, “Waqhubeka usiba ngcono. Ke ndacinga, ‘Uyayazi, ayisayi kuvisa buhlungu ukuba ndimile kanye apha.’”

268 Phaya kulapho wenza impazamo yakhe, wema okomzuzu. Waphulaphula nje.

269 Wathi, “Kuhle, ndizakucinga.” Wathi, “Owu Nkosi, Uyayazi ndiyakuthanda Wena, nokuba kunjalo.” Wathi, “Uyayazi ndiyakuthanda Wena, Nkosi. Kodwa ndingaqaqiniseka ndiyalikhumbula ixesha xana uLee nam sasiqhele ukuphumelela zonke ii—indebe, kunye nanjalo njalo.” Wathi, “Bethu, ndiyakhumbula lamculo mdala wawuqhele ukunditsala. Awusenzi ngoku.”

270 Uh-oh, uh-oh! Ucinga ukuba awuyenzi. Sele ukufumene, kanye phaya. Oko kulunge kanye ngendlela afuna ngayo, kanye phaya. Yabona?

271 Bangaphi abakhe bamazi uNellie Sanders? Kulungile, ndiyaqikelela ubuninzi benu. Ehe. Ngokuqinisekileyo. Ke ba—babe—babe . . .

272 Wathi, wathi yena, “Kuhle, uyayazi yintoni?” Wathi, “Mhlawumbi ukuba ndiyenyukela phaya ngamanyathelo,” wathi, “mhlawumbi ndiyakubanakho ukungqina kwabanye babo.”

273 Owu! Yabona, ukumhlaba kanye kamtyholi. Suka kuyo. “Suka kuko konke ukubonakala kongendawo.”

274 Kodwa wenyukela, umphezulu wamanyathelo, waza wema phaya imizuzu embalwa. Kwaye into yokuqala uyayazi, wayesezingalweni zenkwenkwe ethile, ngaphandle emgangathweni.

275 Emva koko wabuyela ezingqondweni. Kwaye wayeme phaya, elila kwaye eqhubeka, wathi, “Owu, ndilahlekile ngoku, ngonaphakade. Ndi . . .”

276 Ndacinga, “Kuhle, andazi okuninzi malunga neBhayibhile, kodwa ndiyakholwa uYesu wakutsho oku, ‘EGameni laM bayakukhupha iidemoni.’” Nda . . .

277 Kwaye uWayne wayeseleqabukile, kancikane, kwaye wayehleli phaya, ebukele. Yabona? Ke ndathi, “Ngoku, mtyholi, andiyazi ungubani, kodwa ndiyakuxelela ngoku, lona ngudade wethu, kwaye akunanto yakwenza ngokubamba

yena. Ebengabhekiselelanga ekwenzeni okuya. Uye nje wema umzuzu." Phaya kulapho athe wenza impazamo yakhe, nangona. Ndathi, "Kodwa kuzakufuneka uphumile kuye. Uyandiva?"

²⁷⁸ Kwaye ke ndincede, Thixo, kwiSihlalo soMgwebo, uyazi. Lamdiyadiya womnyango waqalisa ukuvuleka nokuvaleka, ngokuzenzekela. "Plampiti, plampiti," phaya emnyango. "Plamp, ka-plamp, ka-plamp." Ndacinga.

Waze wathi, "Bill, jonga phaya. Jonga phaya."

Ndaza ndathi, "Ehe. Yintoni okuya?"

Wathi, "Andiyazi."

Ndathi, "Andazi oku kwam."

²⁷⁹ Waza umnyango wathi "pampiti-pamp, ti-pamp," wavaleka ngolwahlobo. Ndacinga, "Yintoni ingxaki apha? Yintoni ingxaki?"

²⁸⁰ Ndajonga kwakhona, *ngolwahlobo*. Ndaza ndathi, "Mka kuye, Sathana! NgeGama likaYesu, phuma kuye!"

²⁸¹ Xana ndakutshoyo oko, yakhangeleka ngathi lilulwana elikhulu, malunga *noku* ubude, lavuka emva kwakhe, lineenwele ezinde zijinga ziphuma ezimpikweni zalo nasezinyaweni zalo, *ngolwa* hlobo. Lalihamba, "Oooooh." Laqalisa ukuza ngakum, nje ngamandla njengokuba lalisiza.

²⁸² Ndathi, "Owu Nkosi Thixo, iGazi likaYesu Kristu lindikhusele kokuya."

²⁸³ Kwaye uWayne waxhuma ebhedeni, wajonga. Kwaye nantsi yayilapha, njengesithunzi esikhulu, yandanda, yaza yaya ngaphaya yaza yehlela emva kwebhedi. Ebhedini waphuma uWayne, ukuya kwigumbi elilandelayo, ngamandla kangangoko wayenakho. Ke sa . . .

²⁸⁴ Ndafumana uNellie ndaza ndamgodusa. Ndaza ndabuya, kwaye andibanga nakho . . .

²⁸⁵ Umama wangena phaya waza washukumisa amashiti nayo yonke into. kwakungekho nto kulabhedi. Yayiyintoni? Umtyholi waphuma kuyo. Kwenzeka ntoni? Wema umzuzu. Yilonto yonke.

²⁸⁶ Musa ukuma, konke konke. Xana uThixo ezikisa iLizwi Lakhe entliziyweni yakho, thabatha nje elaKrele uze uqalisa ukunqunqa nokusika. Halebuya!

²⁸⁷ "Andinaxesha lokulinda kwanto ingenye. Nje welela ngaphaya, andinaxesha kwa nelokuthi khebevu."

²⁸⁸ Wathi, "Kuhle, kwaye thabatha intonga uze uyibeke elusaneni. Kwaye ukuba nabani uthetha nawe, musa kwa ukuthetha nabo."

²⁸⁹ Ukuba umtyholi uthi, "Heyi, uyayazi into oyivayo ngokuvakalelwa?" Musa kwa ukuthetha naye. Qhubeka nje uhamba.

290 Umthyoli, uyayazi, umtyholi uthi, “Kodwa uyayazi intoni? Uyayazi, *Nje-na-nje*, xana bafumana uMoya oyiNgcwele, uyakhumbula ba—baphulukana nengqondo yabo.” Musa kwa ukuthetha naye. Qhubeka nje uhamba. Akuyazi malunga *noZbani-bani*.

291 Nguwe noThixo. Injalo lonto. Geina uThixo. Uthambisa abakhonzi Bakhe. Kufanele ndikhawulezise. UThixo uthambisa abakhonzi Bakhe. Yabona?

292 Ngoku ndifanele ndigqithe imibhalwana embalwa apha, kodwa ndingathanda ukutsho oku. Apha, phulaphulani ngoku, ngendzondelelo.

293 Nenekazi elincinci, phulaphilisisa ngoku.

294 Apha sibona amaqhinga omtyholi. Siyenza njani? Ngoku, ndinezinzi iZibhalo apha, zabaprofeti nezinto, apho aza kubo, kunye nabantu abahlukileyo ukunqumla iBhayibhile, waza wenza into ekwanye. Isoloko iliqhinga lakhe, kukuzama ukwenza abantu bangalikholelwa iLizwi likaThixo. Phulaphulani, nina majoni omnqamlezo. Xana ningakholelwa elinye iLizwi likaThixo leBhayibhile ebhaliweyo, nohluthwe izixhobo.

295 Kholelwa oko, sthandwa?

296 Wohluthwe izixhobo. Uyanikezela, wena bhetyebhetye. Nxiba sonke isikrweqe sikaThixo. Amen. Sisedabini. Oko uThixo akutshiloyo yinyaniso. “Lonke ilizwi lomntu libubuxoki.” Yabona? Kodwa ngokukhawuleza wena u... fumana wena uphulaphule kwinto enye, elo liqhinga lakhe, woxuthwe izixhobo.

297 Zingaphi izinto u-Eva ekwafuneka aphulaphule kuzo? Enye. Waxuthwa izixhobo kanye ngoko. Yintoni umtyholi awayenzayo? Wabhabha ukungena kanye engqondweni yakhe, kumoya wakhe, kwaye phaya wagqwetheka. Ingaba injalo? Wagqwetheka kwangalomzuzu wathi waxuthwa izixhobo, xana wathi akalikholelwa iLizwi likaThixo. Kulungile. Apha sibona amaqhinga akhe.

298 Amajoni kaThixo ayalelwe uku “Nxiba sonke isikrweqe sikaThixo.” Ingaba oko kunjalo? Ngoku, ukuba ufuna ukubhala esaSibhalo phantsi, sifumaneka kuma Efese i-6:10 ne-13. Yabona? Siyifundile ethubeni eligqithileyo. Yitekisi yethu. Kulungile. Qaphela. “Nxiba sonke isikrweqe sikaThixo.” Masi... Ingaba ninalo ixesha lemizuzu embalwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Masibuyeleni emva apha umzuzu. Masiboneni nje yintoni isikrweqe esipheleleyo sikaThixo. Kulungile. Masiqaliseni kumqolo we-10. Ngoku, phulaphulisani ngoku. Masifumaneni isikrweqe esipheleleyo sikaThixo. “Elokugqiba, bazalwana bam...” Ngoku, ndiyayazi ndiza kuhamba... ndi...

299 Yimizuzu engamashumi amabini, kanye ngoku, ukuya kwishumi elinesibini, nje malunga. A—andi... Bendingafuni kunifundisa ixesha elide, namhlanje, kodwa ndi—ndingangabinawo kuphela nje malunga nomnye ngaphezulu uMyalezo de ndithabathe amanye amahambo am asehlotyeni, niyabona.

300 Kwaye niyayazi intoni? Niyayazi kutheni ndisenza oku? Ndiyakunixelesa. Ngenye imini ndibe nephupha. Bendingazikulixela, kodwa nje lisengqondweni yam. Ndingasuka nje ndiyenze, emveni kokuba iNkosi indinike utoliko.

301 Ndaphupha ndilungiselela ukunqumla umlambo omkhulu, ukwenzela umsebenzi wobuthunywa. Kwaye ngoku, kuqala, ndandiphezulu phaya kunye nomfazi wam... .

302 Kwaye bangaphi abakhe bamazi uGeorge Smith, usithandathu semizuzwana uSmith, apha edolophini? UGeorge Smith, inkwenkwe yakhe ikumkhosi wobupolisa apha. Yena, usizi lukaGeorge, linxila ngoku. Kodwa wayengomnye wabangcono abalwi. Yayingulowo wandiyeqeshayo, phambi kokuba ndiye kwa ukuya kwi-Y.M.C.A. naphina. Wayeqhele ukusiyeqesha. Kwaye wayekhawuleza, ekhawuleza kakhulu. Wayekudidi lwewelterweight kuphela, ikhulu elinamashumi amane anesihlanu ubunzima. Kwaye wandiyeqesha. Kwaye wayeqhele ukuma phaya, kwaye enakho ukuthabatha inqindi lakhe, ngokufana *nokuya*, aze andibethe kanye esisweni, andinyuse ngodonga, yabona, kodwa, kwaye ibingayi kundikhathaza. Wayesenzela nje ukundiyeqesha, kwakungekho nto kuphela nje uqeqesho.

303 Kwaye ngoko nda—ndaphupha, ngobunye ubusuku, okokuba ndabona umizuzwana mithandathu uSmith. Ngoku, yayingengombono. Yayiliphupha. Kwaye ndabona umizuzwana mithandathu uSmith, abafu abatsha besiza ngokuchasene naye, kumlo wokuzamazamana. Kwaye yena, landoda indala, malunga, owu, ndiyaqikelela... .Ndinamashumi amahlanu anesibini. Yena unamashumi amahlanu anesibhozo, amashumi amathandathu. Kwakungekho namnye wabo bafu basebatsha owayenokumchukumisa, nangayiphi indlela. Wayebabopha nje kwiqhina, ngokufana *nokuya*, abangqengqise nje phantsi aze ababambe ggezandla zakhe.

304 Kwaye ndacinga, “Akuqhelekanga okuya.” Ndacinga umfazi wam wayekunye nam, ndaze ndathi, “Akuqhelekanga okuya.” Ndathi, “Uyayazi yintoni, Meda? Wayeqhele ukuba ngumqeqeshi wam.”

Wathi, “Ndi—ndiyakukhumbula oko, wena undixelela malunga nako.”

305 Ndathi, “Ewe, mhlekazi. Ngoqeqesho lwakhe olulungileyo, ndaphumelela imilo yabahlawulelwayo elishumi elinesihlanu, ndaza ndayeka i—ishishini; ndashumayela iVangeli.”

306 Nje ngoko yaguquka, kwaye ndandiqalisa ukunqumla a—amanzi. Kodwa xana ndandihamba, ndandihamba ngesikhephe senjini. Ndajonga ngaphesheya, kwaye kwakuhleli ababini babazalwana bam behleli phaya, kwiphenyana, belungiselela ukuhamba nam. Ndathi, “Aninakukwenza oko, bazalwana. Huh-huh. Ndifanele ndihambe ndedwa.”

307 Kwaye umqhubi skhephe weza, waza wathi, “Nasi isikhephe sakho,” elimhlophe ngenene iphenyane.

Ndathi, “Haybo. Huh-uh. Hayi okuya.”

308 Wathi, “Kulungile, ungenyuka *ngale* ndlela ngalo, amashumi amahlanu eemayile ngeyure.”

Ndathi, “Kodwa ndifanele ndiwele *ngala* ndlela.” Yabona?

“Kulungile,” wathi, “yiba kunye *nabo* abafa.”

309 Ndathi, “Abangabaqhubi bezikhephe. Abazi ngokwaneleyo malunga nokuya. Bathabathekile. Abanakho ukudubula okuya. Bobabini bayakutshona barhaxwe phandle phaya. Bona nje abanakho ukuyenza.”

Waze wathi, “Ingaba wena . . . ungathemba . . . ?”

310 Ndathi, “Phulaphula, nda—ndazi ngaphezulu malunga nezikhephe kunokuba benjalo, kwaye andinakuzama ukudubula ngalanto, nje olwahlobo lwesixhobo.” Ndathi, “Ifanele ithabatha isikhephe esinenjini ukunqumla okuya.” Ndathi, “Iyakuthabatha into enkulu kunokuya.”

311 Ndaza ndambona ebhekabheka, komnye wabazalwana, waza wathi, “Ingaba ungumqhubi wesikhephe?”

Abazalwana bathi, “Ewe.” Yabona?

Ndathi, “Oko akulunganga.”

312 Waze umqhubi wesikhephe wabuya. Wathi, “Ndiyakuxelela yintoni omawuyenze.” Wathi, “Bayakuthanda. Bayakukholelwa. Kodwa,” wathi, “ukuba uyakuzama ukuwela ngeso sikhephe sinenjini, bayakuzama ukukulandela ngelaphenyane. Baya kufa bobabini, yabona.” Wathi, “Abanakho ukukulandela.”

Ndaza ndathi, “Kuhle, yintoni emandiyenze?”

313 Waze lomqhubi sikhephe edokisini, wathi, “Buyela emva *phaya* phezulu.” Wathi, “Kukho enye kuphela indlu enguvimba omncinci kuso sonke esi sizwe, encinci enye indlu enguvimba. Uze nje ubeke ukudla okuninzi,” wathi, “kwaye bayakuhlala apha. Baya—bayakuhlala apha ngelixa wena u—ngelixa wena umkileyo. Kodwa,” wathi, “kuyakufuneka ubeke ukutya.”

314 Kwaye ndandiqokelela zonke iintlobo zamakhaphetshu, iiteniphu, neeradishi, nezinto, ndazifumba phaya ngokufana nokuya. Emva koko ndavuka.

315 Bendingayazi ibiyintoni, kodwa ngoku ndiyayazi. Yabona, sibeka nghaphakathi ukutya, bazalwana. Obu bubomi ofanele ubuhambe wedwa.

316 Leo, uyalikhumbula iphupha owabanalo ngela xesha xana wawuqala ukuza apha? [UMzalwana uLeo Mercier uthi, “Amen.”—Mhl.] Malunga nephiramidi, kwaye wacinga ukuba uyakuza phezulu phaya. Ndathi, “Leo, akukho mntu unyukela apha. UThixo ufanele ambeke umntu phezulu apha. Ukhwele yonke imimango yangokwasenyameni onokuyikhwela.” Ndathi, “Akunakho ukuza apha, Leo. Yabona? Buyela emva ezantsi. Xelela nje abantu ukuba isuka kuThixo.” Yabona? Yabona?

317 Yinto ethile wena—wena ongenakuxhomekeka phezu kwayo, kangangokuba belungile abazalwana noodade, kunye nebandla lam nento yonke, nangangokulunga kwamanye amabandla enjalo, nabazalwana, ndaweni zonke.

318 Ngoku, andikwazi ukuba kude nebandla phandle phaya. Umntu othile uthi, “Kulungile, kutheni uhamba kunye nabo ababantu, wona amaTriniti, konke *oku*, *okuya* kunye *nokunye* kunye naboBunye, nabeGama likaYesu, kunye nazo zonke ezinye zezi zinto phaya? Kutheni uxubana nabo, konke konke?” Bangabam. Nokuba benze ntoni, bangabam. Bayipulpiti yam.

319 Xana uSirayeli wenza okona kubi, wade uThixo waxelela uMoses, wathi, “Zahlule. Ndiyakuqalisa olutsha—olutsha uhlanga ngawe.”

320 UMoses waziphosa phantsi endleleni, wathi, “Phambi kokuba Ubathabathe, thabatha mna.”

321 Akukhathaliseki yintoni abayenzileyo, ngabo endithunyelwe kubo. Uthumela uKukhanya, hayi ukuba kukhanye apho kuko uKukhanya. Apho kukho ubumnyama, kulapho uKukhanya kukokwakhona. Kwaye kufuneka uhlangane nabantu. Kufuneka ume kunye nabo, nokuba kutheni, ufanele, ekungalungisini kwabo.

322 USirayeli wayengalungisanga kangangoko ukungalungisi kunokuba kuko. Babengalungisanga kakhulu de uThixo wabancama. Kodwa, uMoses, ndasoloko ndimangala indlela okuya kwathi kweza ngako, kodwa uMoya kaKristu kuMoses. Yabona?

323 Yabona, sonke asilungisanga. Wasimela sonke xana sasisekungalungisini kwethu.

324 Akukhathaliseki babengalungisanga kangakanani, masingaqhawuli ubudlelwana okanye sizahlule nakuyo nantoni. Okoko nje singazuza umphefumlo, masiye ngo “bulumko

okwenyoka, engenabungozi okwehobe,” yabona, size sizame ukuzuza wonke umphefumlo esinokuba nakho.

³²⁵ Ngoku, oku koko ndikutshoyo ngale ntsasa, kukugcina uKutya. Ukugcina uKutya, ukuze nibe neNto yokutya, ukuze ube neNto etyiwayo. Yifakeni eziteyiphini zenu. Nihlale ekupholeni kwegumbi. Mhlawumbi, xana ndikude kakhulu, niyakukhumbula ezi zinto ziyinyaniso. Hlala egumbini uze uphulaphule. Yabona? Kwaye oku kuKudla, kugcinwa, kuvimba. Andiyazi luphi uhambo, kodwa, naphina apho lukhoyo, Yena uyayazi apho Akhokelela khona; andiyazi, ndiyalandela nje.

³²⁶ Ngoku, yintoni ayitshiloyo apha ngoku? Phulaphulisisani.

Elokuqgiba, bazalwana bam, ndithi yomelelani eNkosini, nasekuqineni kokomelela kwayo.

. . . yomelelani . . . ekomeleleni kwasemandleni akhe.

Xhobani sonke isikrweqe sikaThixo, ukuze nibenakho ukuma nichase amaqhinga omtyholi.

Kuba asizamazamani nanyama nagazi, . . .

Ukudubula iimbumbulu nokusika ngeemela, yabona, asiyyo.

. . . kodwa kukuchasana nezilawuli, namagunya, neziphatha-hlabathi zo . . . zobumnyama zalo elihlabathi, . . .

³²⁷ “Iziphatha-hlabathi zobumnyama.” Ngubani ophethe ihlabathi? Umtyholi. Ngokuqinisekileyo. Ngubani ezenzeka ngaye zonke ezi zinto, zonke ezi zinto zingenabuthixo ziqhubekayo, konke apha jikelele, kwaye abarhulumente, kunye nanjalo njalo? Konke ngumtyholi. IBhayibhile itshilo njalo. Umtyholi ulawula e-United States. Umtyholi ulawula iJamani. Umtyholi ulawula zonke izizwe zehlabathi. Ndiyeza kuyo, nje kwimizuzu embalwa, kwaye siyakufumanisa ukuba uyayenza, okanye hayi. Nokuba . . . Bonke ubukumkani obakhe bakho nobuyakubakho, ade uThixo abeke ubukumkani Bakhe, bulawulwa ngumtyholi.

³²⁸ Andithethi wonke umntu kubo ngumtyholi, ngoku. Kukho amadoda anobuthixo kwi—kwizikhundla zikarhulumente.

³²⁹ Kuzakubakho omnye apha kubusuku obumbalwa, kanye apha, ukubonisa umfanekiso apha noMzalwana u-Arganbright, apha endaweni. Ube ngummeli kwabamalunga nabahlanu oomongameli abahlukeneyo, uMzalwana uRowe. Kwaye yena u . . . Uyakuba lapha, ndicinga imalunga neveki yesibini ku Apreli. UMzalwana uNeville uyakuyibhengeza. Kwaye yindoda emangalisayo.

³³⁰ Wathi angathetha iilwimi ezisibhozo ezahlukeneyo, ndiyakholwa. Kodwa xana wamnkela uMoya oyiNgcwele, wayengenalwimi anokuluthetha kwiNkosi, ke iNkosi yamnika

nje elinye, watsho, ke wathetha naYo ngeliya. Wamnika elitsha, angazange wazivavanya kulo. Kulungile.

. . . ukukhohlakala okukokomoya kwiindawo eziphezulu.

Ngenxa yoko . . .

³³¹ Ngoku phulaphulani, nonke majoni ngoku, nje phambi kokuba siqalise umgca wokuthandazela.

. . . thabathelani kuni . . . kuni i (s-o-n-k-e) sonke (hayi nje inxalenye yaso) . . . sonke isikrweqe sikaThixo, ukuze nibenakho ukuma nichase ngomhla wobubi, . . .

Lowo ngumhla esiphila kuwo.

. . . nize nithi nikwenza konke, nime nimi.

Yimani . . .

³³² Amen. Uyakufumana oko? Yabona, sthandwa? Xana ukwenzile konke onokukwenza, ume, ngoko yima. Musa ukushukuma.

Yimani ngoko, ninezinge zenu . . .

³³³ Phulaphula koku. Phulaphula apha, okukuko oku. “Izinge zenu.” Leyo yindawo yenu esembindini, *apha*, yabona.

. . . zibhinqiwe ngenyaniso, . . .

³³⁴ Yintoni iNyaniso? ILizwi likaThixo. Injalo lonto. “ILizwi Lakho yiNyaniso.” Kulungile.

. . . kwaye nibe nesigcina sifuba sobulungisa;

³³⁵ Oko kukuthi, “Yenza oko kulungileyo.” Ufumane iLizwi likaThixo ngaphakathi kuwe, usenza okulungileyo. “Isigcina sifuba sobulungisa.”

Nibophe ezinyaweni zenu ulungiselelo lweendaba ezilungileyo zoxolo.

³³⁶ Yiya naphina, nakweyiphi indawo, nangeliphi ixesha, iinyawo zinxityiswe iVangeli. Yabona? Kwaye khangela:

Ngaphezu kwako konke, ngaphezu kwako qubulani ikhaka lokholo, . . .

³³⁷ Elo lelo liwisa iintolo, yabona, “Ikhaka lokholo.”

. . . lona niyakuthi ngalo nibe nakho ukucima zonke iintolo zomlilo zongendawo.

Kwaye qubulani isigcina-ntloko sosindiso, . . .

³³⁸ Lowo ngumphefumlo . . . Ingqondo—ingqondo, phakathi *apha*, intloko; igquma intloko.

. . . kunye ne—kunye nekrele loMoya, lona elo lilizwi likaThixo:

³³⁹ Uzakusizisa njani esi sigcina ntloko, senza ntoni? Sisikhuseli. Yintoni isigcina ntloko esenziwe ngayo? Ubhedu.

Ubhedu akunakulona; luqinile, luqinile kune ntsimbi. Isigcina-ntloko sobhedu, (intoni?) usindiso, ulwazi lokwazi oku, “Kwaye impiliso yam ivela kuThixo. Usindiso lwam luvela kuThixo. Amava am angqamana neLizwi Lakhe, hayi izimvo zamabandla; iLizwi!” Amen. Nantso ke. Ligqunyiwe, ngokhuseleko, isigcina ntloko sosindiso, ukukhululwa. Thabatha okuya, ngoko hamba uye phambili. Owu, ngoku, ngoku oko koko esifanele sikwenze. Umkhosi kaSathana . . .

³⁴⁰ Ngoku qaphela, ngoku, thina . . . kufuneka nje ndikhawuleze, kodwa kufuneka ndi—ndifake oku ngaphakathi.

³⁴¹ Umkhosi kaSathana uzisa izifo. Oko koko uSathana akuko, ngumtshabalalisi. USathana, bonke ubukumkani bukaSathana, kukugula, ukufa, nentsizi, ukuphazamiseka, nokukhathazeka, konke kokukaSathana.

UThixo buBomi, ukholo, uvuyo, uxolo, ngapha. Yabona?

³⁴² Ngoku, lawo ngamandla amabini amakhulu ahlanganayo kanye ngoku. Ayalwa. Ayalwa kanye apha esakhiweni kanye ngoku. Ayalwa, imini nemini, nawe, onke amandla.

³⁴³ USathana, ekulandela, lowa unamandla, mkhulu, ngathi ngukumkani, ngathi ngumbengeleli uGoliyathi ezama ukoyikisa kakhulu. Ulungile, kodwa uThixo . . .

³⁴⁴ Unqatyisiwe, amen, ngeVangeli, ngeLizwi leNyaniso lijikeleze amanje akho. Uzuko! Mshumayeli, yilonto iyiyo. Isigcina ntloko sosindiso; ikhakha lokholo; kunye neKrele, uliphekuza Lona esandleni sakho! “Sathana, ndiyeza kuhlangana nawe. Uhlangana nam egameni lenzululwazi. Uhlangana nam egameni le—lenkcubeko. Uhlangana nam egameni lombutho. Uhlangana nam egameni *loku*, *okuya*, okanye *okunye*. Kodwa ndihlangana nawe eGameni leNkosi uThixo kaSirayeli. Ndiyeza emva kwakho. Suka endleleni!” Nkqu nokufa ngokwako akunakuma phaya. Ngqobhoza umgxuma kanye kuko. Injalo lonto.

³⁴⁵ Umkhosi kaSathana uzisa izifo, kwaye umkhosi kaThixo uyalelwe ukuzikhupha. Amen. Nantso ke. Lonke ixesha uSathana egibisela nantoni, kuwe, umkhosi kaThixo umkhuphela ngaphandle. Amen. Mkhuphele ngaphandle!

³⁴⁶ Obo bobona buchule athe uThixo wabusebenzisa. USathana usebenzisa umkhosi wokonakalisa, ukuba ungalikholelwa iLizwi likaThixo, aze azibekele ubukumkani obungcono kunobo uMikhayeli wayenabo, waze uThixo wamkhuphela ngaphandle.

³⁴⁷ Indlela yokwenza kaThixo, yile, mkhuphele ngaphandle umtyholi. Lahla ukuzathuza. Lahla iinkolelo. Lahla ixhala. Lahla izifo. Lahla isono. Amen. Ungaphezulu kuyo, uvusiwe ekufeni kuKristu uYesu, uhleli kwiindawo zaseMazulwini, kunye naye wonke umtyholi ephantsi kweenyawu zakho. Ukuba uqalisa ukuelisa intloko yakhe khona phaya, oko . . .

348 Uyayazi, ufile. Ubomi bakho bufihliwe. Yintoni *efileyo*? Ufile kwizimvo zakho. Ufile kwisazela sakho. Intando yobuntu bakho ithi, “Ewe, ndiyaqikelela ndi...” Ufile ekuzathuzeni kwakho. Ufile kuzo zonke ezo zinto. Kwaye ungewatyelwe eGameni likaYesu Kristu; kwaye uvukile kunye naYe. Kwaye naphina Akhoyo, uyakubalapho nawe.

349 Yintoni eyenzekayo xana bona, omnye wabo abathandabuzi, wafika eZulwini? UThixo wamkhuphela ngaphandle. Kwaye yintoni Yena awayitshoyo kumajoni avusiweyo kuKristu? “Xana umtyholi esiza, mkhabe umkhuphele ngaphandle. Mkhuphele ngaphandle.” Xana uYesu waqeqesha umkhosi Wakhe, waza wawuyalela ukuya kwiziphelo zehlabathi, “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayele iVangeli kuyo yonke indalo. Lowo ukholwayo waza wabhaptizwa uyakusindiswa; lowo ungakholwayo uyakugwetywa. Kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo, amajoni aM. EGameni laM bayakukhupha iidemoni; bathethe ngeelwimi ezintsha; babambe iinyoka, okanye basele izinto ezibulalayo, ayiyikubenzakalisa; ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphiliswa.”

Phambili, majoni amaKristu!
Yiyani emfazweni,
Kunye nomnqamlezo kaYesu
Uhamba ngaphambili.

350 “Ndibethelelwe emnqamlezweni kunye naYe, nakubeni ndiphila; asindim ophilayo, kodwa nguYe ophila kum.” ILizwi liqhubeka, ngaphambili, uThixo egeca indlela, ngeKrele Lakhe elintlangothi-mbini.

351 Ngoko, akumangalisi, xana uGrant wathatha iRichmond, waze lamfazi mncinci wasezantsi wambona uGrant esiza, intumakalelo yambetha. Waze wathi:

Amehlo am alubonile uzuko lokuza kweNkosi;
Uxovula iwayini apho iidiliya zengqumbo
zigcinwe khona;
Ukhulule umbane othe ngqo ngeKrele Lakhe
eloyikekayo litshawuza;
Amajoni Akhe abheka phambili.

352 Amen. UGrant wayithatha njani iRichmond? Nje ngoko esiza kuyo. Amen. Leyo yindlela awathatha ngayo iRichmond.

353 Leyo yindlela amajoni kaThixo athatha ngayo isono, ukugula; njengoko esiza kuyo. Amen. Leyo yindlela aboyisa ngayo iintandabuzo zabo, noloyiko, nezinto. Xana omnye evuka, bayamsika. “Suka endleleni!” Owu, bethu! Yilonto. UThixo wazigxotha, njengoko Wenzayo eZulwini. Oyena Mthetheli Mkhulu wethu usibonisile indlela eyayenziwe ngayo. Amen.

354 URoy Roberson noMzalwana uFunk, abaninzi benu magqala amadala apha, niyayazi into umthetheli wenene ayiyo.

³⁵⁵ Ngelinye ixesha nda...elisebe lincinci locimo-mlilo laseJeffersonville ezantsi apha. Indawo kaPfau yayisitsha. Kwaye apha yayilisebe locimo-mlilo laseJeffersonville limile ezantsi phaya, kwaye umthetheli ezula, wathi, “Tshiza intwana yamanzi phezulu *apha*.” “Tsip-tsip-tsip-tsip,” njengombhobho omncinci phandle apha. Naku kusiza iClarksville, “Tshiza intwana yamanzi ng*apha*.” “Tsip-tsip-tsip.” Isakhiwo sikaPfau satsha sangqungqa.

³⁵⁶ Babiza iLouisville. Naku kusiza amadoda aqeqeshiweyo. Owu, okunjani kona ukukhala kwezandi zezilumkisi khona phaya!

³⁵⁷ Kwaye nanku umthetheli omkhulu naye apha, weli sebe lesicima-mlilo, esithi, “Tshiza intwana yamanzi phezulu *apha*. Tshiza intwana yamanzi ezantsi *apha*.” Amadoda angaqeqeshwanga.

³⁵⁸ Mzalwana, kwamsinya la njini isima, ngubani owayesentloko yeleli? Umthetheli. Xana ileli yenyukayo, wenyuka nayo. Xana yabetha ifestile, wayengekafiki efestileni. Waxhakamfula izembe lakhe waza waligibisela ngefestile, waza wathi, “Yizani, makhwenkwe.” Kwaye umlilo wacima, kwimizuzu embalwa. Umthetheli!

³⁵⁹ Ayingomthetheli, othi, “Tshiza intwana yamanzi *apha*. Zama intwanana *apha*.”

³⁶⁰ Kodwa, “Yizana, makhwenkwe!” Amen. Wakhokela indlela. Wasibonisa indlela eyenziwa ngayo.

³⁶¹ Ndacinga, “Eliya liqeqeshwe kakuhle isebe locimo-mlilo, bawucima la mlilo ngemizuzu embalwa.” Kutheni? Babenomthetheli phaya obeyazi into ayenzayo.

³⁶² Mzalwana, thetha malunga nayo yonke imfundo yezenkolo oyifunayo. Amahlelo enu enziwe ngabantu, imibutho yenu: Dlala ngawo.

NdinoMthetheli oMkhulu ondixeleleyo indlela emandiyenze ngayo.

Uthi, “Kulungile, ukuba ndingayijoja, ndiyive ngokuchukumisa.” Owu, ubuvuvu!

³⁶³ *Nantsi* indlela uMthetheli oMkhulu athe yenziwa ngayo, kuLuka isahluko se-4. Andinaxesha lokusifunda. Yifunde, ngokwakho. Kulungile. ULuka isahluko se-4, qala kumqolo wo-1.

³⁶⁴ Akazange athi, “Ngoku ndiyakunixelela. Niya ng*apha* nize nenze umbutho omkhulu. Nifumana abaphathi babefundisi, namadikoni, kunye, okanye nifumane izikhulu zoobhishopu, noobhishopu, nize nifumane *oku*.” Akazange akutsho oko.

³⁶⁵ Xana uSathana wahlangana naYe, wathi, “Ngoku Ulambile. Jika lamatye abe zizonka.”

Wathi, “Kubhaliwe . . .”

³⁶⁶ Wathi, “Phezulu apha, sizaKuthabathela phezulu apha size siKubonise into ethile.”

“Kodwa kubhaliwe . . .”

“Ndiyakwenza *oku*, ukuba Wena uyayenza.”

“Kubhaliwe . . .”

³⁶⁷ Leyo yindlela uMthetheli oMkhulu wathi yayenziwe ngayo. Yenziwa njani, dade? “Kubhaliwe, ‘Ukuba babeka izandla kwabagulayo, bayakuphila.’” “Kubhaliwe, ‘EGameni laM bayakuhupha iidemoni.’” Amen. Yintoni? “Kubhaliwe!” Leyo yimiyalelo yoMthetheli. “Kubhaliwe, ‘Lowo uthi aweve aMazwi aM aze akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade.’ Kubhaliwe! Kubhaliwe! Kubhaliwe!” Leyo yi—leyo yimiyalelo. Elo lijoni. Leyo yindlela. Leyo yinkanunu esiyinyusayo.

³⁶⁸ Yintoni awayenzayo? Wenyuka waya kanye phaya, kuGoliyathi. Wabonisa i . . . Wawubonisa njani uDavide umkhosi yayisenziwa njani? Wambonisa njani uDavide uSirayeli yayisenziwa njani? *U-Davide* uthetha “othandekayo, umsindisi.” Yabona? Wayenza njani uDavide? Wathi, “Nantsi indlela eyenziwa ngayo. Thembela eLizwini leNkosi.”

³⁶⁹ Waze uGoliyathi waphumela phaya, wathi, “Uyayazi intoni? Ndiyakukuchola ngencam yalomkhonto, ndize ndikwenze utyiwe ziintaka.”

³⁷⁰ Wathi, “Undihlangabeza ngombutho. Undihlangabeza ngowenzululwazi walemihla. Undihlangabeza ngekrele lakho eliziinyawo ezilishumi elinesine ubukhulu. Undihlangabeza ngesigcina-ntloko sobhedu, kunye nentwana yekhaka endingenakho nokuliphakamisa ndilususe emhlabeni. Undihlangabeza njengoqeqeshiweyo umlwi. Undihlangabeza ngePh.D., ne L.L.D., nephindiweyo iL.D. Undihlangabeza ngazo zonke ezo zinto. Kodwa ndiza eGameni leNkosi uThixo kaSirayeli, kwaye namhlanje ndiyakuyinqumla isuke intloko yakho emagxeni akho.” Amen. Lantsuntshana incinci iphuma phaya ichasene nengxilimbela, kodwa yayiyazi apho ime khona.

USirayeli, engcangcazela nje emva phaya, “Owu, usizi lomfo omncinci.”

UGoliyathi wathi, “Ndiyakukubonisa ngubani endiyakumenza.” Kwaye nanku esiza.

³⁷¹ Wayenok-h-o-l-o, yabona kuJ-e-s-u-s, amatye amahlanu, amatye amahlanu. Ilitye elincinci elinye phakathi phaya, ukuqalisa ngalo. Wasijikelezisa ngolwahlobo, uMoya oyiNgcwele wafumana ilitye, kwaye laphuma lemka. UGoliyathi waya emhlabeni. Leyo yindlela eyenziwa ngayo.

³⁷² Leyo yindlela uYesu wayitshoyo, oko Yena waktshoyo. “Ngoku, ukuba nina bazalwana baphumayo baye edlelweni, ukuba nifuna ukwazi indlela yokunqoba lamademoni, ndiyakunibonisa indlela eyenziwa ngayo.”

³⁷³ USathana wathi, “Ndiyakuhlanguka nawe.” uGoliyathi, “Ndiyakukubonisa Wena into endinokuyenza. Ulambile. Ukuba Wena unguNyana kaThixo, ndiyakukucela umngeni Wena. Uthi UnguNyana kaThixo. Ndiyakukucela umngeni Wena. Ukuba Ungunyana kaThixo, jika lamatye abe zizonka. Yitya; Ulambile. Kwaye ukuba UnguNyana kaThixo, Unamandla okuyenza.”

³⁷⁴ Wathi, “Kodwa kubhaliwe, ngoku, ‘Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa.’” Owu, leyo yindlela uMthetheli oMkhulu wayenza ngayo.

Wamthabathela eluchocheyini lwetempile. Wathi, “Ukuba Uzilahlela phantsi,” wathi, “Uyayazi kukwabhaliwe kanaanjalo...”

³⁷⁵ Wathi, “Ehe.” Wathi, “Kubhaliwe, kwakhona, ‘Uze ungayihendi iNkosi uThixo wakho.’” Uyabona Awazibiza ngako Yena? “iNkosi uThixo wakho.” Uh-huh. “‘Uze ungayihendi iNkosi uThixo wakho,’ kubhaliwe, kwakhona, ngolwa hlobo.” Yabona? Owu, bethu!

³⁷⁶ Yintoni Awayenzayo? Wamoyisa, ngeLizwi likaThixo. Iqhinga lomtyholi kukukwenza ungalikholelwa iLizwi likaThixo. Kwaye uMthetheli oyiNtloko wathi, “Thabatha iLizwi likaThixo uze uLenze. EGameni laM bayakukhupha iidemoni.”

³⁷⁷ Owu, uSathana, umthetheli oyintloko wabo, owu, ehe, niyayazi, amanye ala mahlelo azama ukukwenza ukholwe unophuphu olumbaxa, niyayazi, kunye nomsila ocandekileyo, kunye nayo yonke lanto. Musani ukuyikholelwa. Akalilo olwahlobo. Hayi, mhlekazi, mzalwana. Liqhophololo. Musani ukukholelwa ukuba unokuya. Bakwenzela okuya nje ukunoyikisa. Okuya asingomtyholi. Umtyholi akanaphuphu, okokuqala; ndiyayithandabuza kakhulu. Yena nje ngumoya. Umtyholi ngumoya. Akanazimpuphu zimbaxa nezinto, njengoko nizama ukumfanekisa. Hayi, hayi.

³⁷⁸ Kodwa, ulumkile. Mzalwana, yindoda elumke ngenene, efunde kakhulu, yasoloko injalo, kubulumko behlabathi. Owu, ehe. Mhle. Uqokelele umkhosi wakhe ngobulumko behlabathi, de, mzalwana, musa ukuzama uku—ukuzama ukuthetha amazwi akho. Kungcono uyazi into othetha malunga nayo xana uhlangana nabanye baba bafo, besithi, “Imihla yemimangalisa yegqitha.” Hayi, akana—akanaphuphu lucandiweyo. Yena, owu, yena—yena—yena uphuma kanye kwisikolo sakwalizwi. Uhonjisiwe, umzalwana. Ndithetha, ulichule, Ph.D., L.L.D., Q.U.S.T., kunye nazo zonke. Yabona? Konke phaya, ulichule njengokuba enokuba njalo. Ulumkile, ngokuqinisekileyo,

uyinyoka, oyena mnyebelezi wabo bonke. Iinwele zimtyibilizi ukwehla, mzalwana, kwaye, ndithetha, ukunxiba, kwaye kungekho nokushwabana ebhatyini. Ichule, nje ukuba sisilumko neliqili njengoko anokuba nakho. Injalo lonto.

379 Sukubhanxa naye ngaphandle kokuba uyayazi into othetha malunga nayo. Injalo lonto. Owu, kodwa siyawazi awakhe amadala—awakhe amadala amaqhinga. Siyayazi into azama ukuyenza: ukusenza singalikholelwa iLizwi likaThixo.

380 Kwaye akanazimpuphu zimbaxa. Hayi, hayi, hayi. Ngoku, siyafumanisa ukuba akanazimpuphu zimbaxa, ngoko kufanele abe yinto ethile engenye. Liqhophololo. Sisilumko, ufundile, uqoqoshekile. Mzalwana, unomkhosi wakhe unjalo.

381 Jonga, ngelinye ixesha, ngaphaya eSwitzerland. Andifumani nje indawo yokuma, bakuthi. Kukho i—i...Ngaphaya eSwitzerland, phaya kuphuma lomkhosi waseJamani, uha-... kunye nabasemzini besiza. Kutheni, ikhangeleka njengodonga lwezitena; wonke umntu egeqeshiwe, wonke umkhonto umiswe ngokufana *noku*, isibhozo okanye ishumi leenyawo ngaphambili. Kwaye beza kwelusizi encinci iSwiss phezulu phaya, yintoni ababenayo? Babexhobe ngee—ngeencakuba ezisuka kwiirhengqe, neentonga namatye, kwaye nabaya bemile. Babeya kubahlehlisa. Kanye ngaphaya kwenduli yayingamakhaya abo. Nanku umkhosi wamaSwiss waphuma ukuya kubahlangabeza. Babengabenzanga nto. Babesiza nje ukuzakuthabatha umhlaba wabo.

382 Yintoni ehlabathi lo mntwana ayenzileyo, umntwana nje? Sathana, yilonto ayiyo, uyakubuthabatha ubomi bakhe ukuba unakho. Ngokuqinisekileyo. Nankuya; ngaphambi kwethuba. Yabona?

383 AmaSwiss ayengenzanga nto. Babengabantu abalungileyo. Babezama ukukhusela amakhaya abo, kodwa bema phandle phaya ukukhusela. Emveni kwethuba, kwakukho omnye ogama lingu Anorld von Winkerried. Naku kusiza lomkhosi. Baberhangqiwe konke. Bathi, “Yintoni esinokuyenza?”

384 Yonke indawo, nje ulwandle lwamadoda, aqeqeshiweyo kakuhle. Leyo yindlela uSathana enza ngayo. Aqeqeshiweyo kakuhle, umkhonto wakhe ukhutshiwe, indoda nganye ikwinyathelo: nye, mbini; nye, mbini; nje ukutsalela kulo mkhosi mncinci. Nje—nje ukuqhubeka ukuhamba, koko kuphela ekwakufanele bakwenze, kwaye nje ukubachola, ngamnye, kumakrele. Imikhonto iyakuya ingene kubo. Oko kwakunokuphelisa umkhosi wamaSwiss. Bekuya kuba kuko konke oko. Kanye ngaphaya kwenduli yayingamakhaya abo kunye nababo ababathandayo. Abafazi babo ngebandlandlathekiswa badlwengulwa, namantombi abo amancinci, nabantwana ngebabulawa, namakhaya abo

atshiswe, kunye nento yonke, ukutya ngekwathathwa, iinkomo nezinto, zemka. Nabaya babephaya.

³⁸⁵ Kwenzeka ntoni? Intumakalelo yabetha omnye ogama lingu Anorlnd von Winkelried. Wathi, “Madoda aseSwitzerland, ngale mini ndiyakuyifela iSwitzerland.” Amen. “Ngale mini ndiyakuyifela iSwitzerland.”

Bathi, “Yintoni oyakuyenza?”

³⁸⁶ Wathi, “Ndilandeleni nje nize nilwe ngako konke eninako.” Wema phezulu phaya; walahla phantsi umkhonto wakhe, intongana encinci awayenayo esandleni sakhe, ngokufana *nokuya*. Wakhwaza, ephakamise izandla zakhe, ngokufana *nokuya*, waze wabalekela kokuya, ekhwaza, “Vulela indlela inkululeko!” Wabaleka ngamandla kangangokuba wayenakho, waya ngqo emkhosini. Kwaye, xana wakwenzayo, waxhakamfula yonke imikhonto awayenakho, waza wayiphosa kanye esifubeni sakhe ngokufana *nokuya*, waza wafa.

³⁸⁷ Wabaxelela, phambi kokuba amke. Wathi, “Kukho indlu encinci ngaphaya, umfazi kunye neentsasa endizishiyayo, indlu encinci endisandula ukuyithenga.” Waze wathi, “Ndi—ndiyabathanda, kodwa, namhlanje, ndifela iSwitzerland. Wandinika eya . . .” Wathi, “Ndinikela ngobomi bam ukusindisa isizwe.” Kwaye elo yayiligorha. Abazange babe namfazwe kusukela ngoko. Oko, oko kwayiphelisa.

³⁸⁸ Yawuphanzisa loo mkhonsi, ngobukroti obabonakaliswa ngenene, de kwangabikho. . . U—umkhonsi wabhideka. AmaSwiss aqengqela amatye kubo, aze abaleqa abakhupha elizweni; kwaye zange babuya kusukela ngoko. Oko kube kungamakhulu eminyaka eyagqithayo. Yabona? Kutheni? Yayisisenzo esikhulu.

³⁸⁹ Kodwa, owu, mzalwana, ngenye imini, xana ukungakhathali, iinkolelo, intandabuzo, ukuphazamiseka, amaxhala, zenza abantu bakaThixo bahlehlela kwikona, kwabakho Othile ogama linguYesu Kristu: “Ngale mini ndiyakufela abantu.” Injalo lonto.

³⁹⁰ Yintoni awayitshoyo kumkhosi wakhe? “Ndilandeleni nize nilwe ngayo yonke into eninayo. Ukuba unentonga, yilwa ngentonga. Musani ukoyika. Unekhuni, yilwa ngokhuni. Unelitye, yilwa ngelitye, nantoni onayo.”

³⁹¹ Yilonto uMthetheli oyiNtloko wethu ayitshoyo namhlanje. “Ndathabatha iLizwi likaThixo, ndaze ndameyisa umtyholi negunya lakhe.” Wamnqunqa waba ziziqwenga, amen, ngela Lizwi. Ngoku, nantoni na onayo, ukuba nje ufumana iLizwi libe linye, “INkosi uThixo wakho okuphilisayo,” mnqunqe. Landelani. Amen. Landela uMthetheli wethu. Ewe, mhlekazi. Wamnqunqa.

³⁹² USathana, nezakhe ezinkulu, ezintle izikumkani, kunye nokuninzi okuhle, nayo yonke into, konke kusexesheni. Ayinanto yakwenza nathi. Injalo lonto. Usengoyena unobuqhophololo kunazo zonke izilo zasendle. Ewe, mhlekazi. UYesu watsho ukuba abantwana beli hlabathi babelumkile kunabantwana boBukumkani bukaThixo.

³⁹³ Ngoku, ezi zimbini zinkulu iimpixano. Sizaku...Ndine... ndifanele ndivale. Ezimpixano zimbini zinkulu ziyahlangana kanye ngoku. Kanye ngoku yiyure xana ukugula nezinto zithe zabetha ihlabathi, de inzululwazi ngezonyango zibambeke, nento yonke ibambekile. Akukho nto, kwaye—kwaye nje siya...Kwaye umkhosi, umkhosi omncinci kaThixo, uxinwe ekoneni nento yonke. Mzalwana, lixesha lomnye u-Arnold von Winkelried. Lixesha, ixesha lenye indoda kaThixo ukuba ime ngaphambili. Lixesha lokuba u-Eliya avele. Lixesha lokuba into ethile yenzeke.

³⁹⁴ Mkhosi kaThixo, vala ingqondo yakho. Musa ukuma nomzuzu, ukuba ucinge nantoni na umtyholi afuna ukukunika yona ngezimvo zakho. Kodwa khumbula, iLizwi likaThixo alisokuze lasilela.

³⁹⁵ Le mikhosi mibini mikhulu! Xana utshaba lisiza njengempuphuma, njengoko lisiza namhlanje, yintoni athe uThixo Uyakuyenza? “UMoya kaThixo uyakuphakamisa izinga ngokuchasene nayo.” Ingaba ungomnye wabo? Ewe, mhlekazi.

³⁹⁶ Sifundisiwe kuYakobi 4:7, andinaxesha lokuyifunda, UYakobi 4:7, uku, “Mchasa umtyholi, kwaye,” akasokuze amke nje, kodwa, “uyakubaleka.” “Mchase umtyholi.” Umchasa njani umtyholi? Ngendlela enye uMthetheli oyiNtloko wethu wasixelela siyenze. Thabatha iLizwi likaThixo. Leyo yindlela ochasa ngayo umtyholi, kungeLizwi likaThixo. UMthetheli oyiNtloko wasixelela indlela eyayenziwe ngayo. Kulungile.

³⁹⁷ Ngoku, ekuvaleni, ndifuna ukutsho oku. la mtyholi mdala, ngoku, ucinga ukuba akanazintloni. Ucinga ukuba uyakuhlasela umntwana? Uyakuhlasela nantoni. Wahlasela uYesu Kristu. Weza kuYe, ngokuhlasela okungqwabalala okuthathu. Ingaba ubuyazi lonto? USathana akazange ahlasele nje kube kanye. Uyakuhlasela ngesifo, ngoko apha uyakubuya aze akuhlasele, akuxelele, “Imihla yemimangaliso yegqitha. Akukhange ufumane mpiliso. Akukho nto kuLo.” Uyayazi oko kunjalo?

³⁹⁸ Wahlasela uYesu amatyeli amathathu. Okuthathu ukuhlasele okungqwabalala, wakusa kuYesu, ngokungakholwa kwakhe eLizwini likaThixo. UYesu waye eliLizwi. Ngokuqinisekileyo, akayikholelwanga. “Ukuba Wena u... Ukuba Wena u...” Nanku esiza, ukuhlasele okungqwabalala, nje ngelinye ixesha utshaba namhlanje. Naba besiza, bathi, “Ukuba Wena unguNyana kaThixo, ndibonise ummangaliso. Mandiwubone.” Mzalwana, okuthathu

ukuhlasela okungqwabalala, “Ukuba Wena . . . Ukuba Wena . . .”

³⁹⁹ Ngoku, Wenza ntoni uYesu? UYesu waye eliLizwi likaThixo. Waye eli Lizwi. Wahlasela iLizwi. Uzuko! Ndingena nje . . . nje ukuziva mnandi, ukushumayela ngoku, ngokunyanisekileyo ndinjalo. Injalo lonto. UYesu liLizwi. “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, kwaye uLizwi ekunye noThixo, kwaye uLizwi enguThixo. Waza uLizwi wahlala, wenziwa inyama, kwaye wahlala . . .” UYesu waye eliLizwi. Yintoni Awayenzayo? Wamnqunqa waba zizijungqe. Owu, bethu! Ndizakuyeka. Yintoni Awayenzayo uYesu? Waye eliLizwi. Ke, ngeLizwi, Wanqunqa uSathana ekuhlaseleni kwakhe okungqwabalala. Wabhabha phaya njengengquba lamajoni akhethekileyo ezokhuselo, okanye into ethile engenye efana naleyo, wabhabhela kuYesu, iLizwi, ngokufana nokuya. Kwaye uYesu wathabatha ela Lizwi, waza wamsika waba ziziqwenga. Haleluya! Ngokuqinisekileyo, wamsika waba ziziqwenga, wamoyisa ngeLizwi.

⁴⁰⁰ Uyalubona uhlaselo lakhe? Bukela, phulaphulisisa, oku kuvala. Uhlasele lwakhe yintoni? Ukungakholelwa ilizwi likaThixo, olo luhlaselo lakhe. Phaya, uyalubona na olona dabi lukhulu lwakhe lwaliwa? Mibini kuphela imikhosi: uSathana noThixo. Kwaye yintoni isixhobo sikaSathana esichasene nawe? Kukuzama ukukwenza wena ungasikholelwa iSixhobo sakho. Uyakuhlutha izixhobo. Masi—masiphulaphulisise ngenzolo ngenene ngoku. Phulaphulani. Ukuba angakwenza ungasikholelwa iSixhobo sakho siyalingana, ukuba ukwenza ukholelwe ukuba iSixhobo sakho asomelelanga ngokwaneleyo, ukuhlutha isixhobo.

⁴⁰¹ Owu, Mzalwana uNeville, ndiyathemba asisokuze sikholelwe okuya.

⁴⁰² Jonga, ukuhlutha izixhobo xana ekwenze wangakholelwa esaSixhobo. Xana ubeka oKuya phantsi, oko kuwugqibile umlo wakho, ugqityiwe. Bambelela kwesaSixhobo, sukusibeka phantsi Sona. Siyakubona ukungakholelwa kwakhe. Masi . . .

Enye into ngaphezulu endifuna ukuyitsho ngoku, emzuzwini.

⁴⁰³ IRashiya. Ndifuna ukutsho oku ukwenzela amagqala, kunye nanjalo njalo, apha, nani bafundi beBhayibhile. Yintoni enixambula ningxola ngayo malunga neRashiya? Huh! Anindiva mna ndinixelela ukuba nakhe indawo yokuzikhusela kwibhombu, akunjalo? Yintoni enixambula malunga nayo iRashiya? IRashiya asiyonto. Ayizukuphumelela mfazwe. Ayizukweyisa hlabathi. Ubukomanisi abuzukweyisa hlabathi. Yintoni ingxaki nabantu? Lingasilela na iLizwi likaThixo?

⁴⁰⁴ Phulaphula, oku kukwiteyiphu ngoku, kuya ehlabathini, endithetha kulo, okanye naphina apho eziteyiphu zingaya

khona. Kwaye kuni bantu apha, akukhathaliseki nokuba kwenzeka ntoni kum, kholelwani oku.

⁴⁰⁵ IRashiya, ubukomanisi, ayizukweyisa nto. ILizwi likaThixo alinakusilela. UbuRoma buzakweyisa ihlabathi.

⁴⁰⁶ Masithabatheni umbono kaDaniyeli. Elo liLizwi likaThixo. “Wena, Owu Daniyeli...” “Wena, Owu Kumkani Nebhukadnetsare, uyilentloko yegolide,” iBhabhiloni. “Obunye ubukumkani buyakuthabatha kuwe, ntoleyo iyisilivere,” yabona, lonto yayingamaMedi-o-Persi. Obunye yayiyiGreece, u-Alexander oMkhulu. Okulandelayo, kwangena, iRoma. Kwaye kwakungekho nto yathethwayo malunga nobukomanisi. IRoma yoyisa ihlabathi.

⁴⁰⁷ UYesu Kristu wazalelwa ebukumkanini baseRoma, waza watshutshiswa, ixesha Lakhe lokuqala lokuza apha, ngobukumkani baseRoma. Kwaye eKuzeni Kwakhe kwesibini, esiza ngoku, uMyalezo Wakhe uyatshutshiswa ngamahlelo aseRoma, ntoleyo engunina wawo onke. Kwaye xana Ebuya, Uyakubuyela ukutshabalalisa obabukumkani beRoma, awathi amaYuda asoloko ekhangele Yena ukuba eze kutshabalalisa ubukumkani baseRoma.

⁴⁰⁸ Uluhlu lwemigangatho yamagunya obuKatolika kunye nawo onke amahlelo ehlabathi, kanye ngoku ehlanganiswa njengombutho, intlanganisela yamabandla iziqokelelela kunye. Asiyorashiya. YiRoma. ITSHO INKOSI. Ehe. Ndibonise iSibhalo apho ubukomanisi, okanye nantoni engenye ngaphandle kweRoma, iyakulawula.

⁴⁰⁹ Ingaba AmaMedi-o-Persi athabatha kuNebhukadnetsare? Ngokuqinisekileyo. Ingaba iGreece yathabatha kubo? Ehe. Ingaba iRoma yabathabatha, ukusuka phaya? Ingaba yayahlula yabagamagunya alishumi ase Turkey nje ngokufana nesinako ngoku?

⁴¹⁰ Ingaba u-Eisenhower, othetha “intsimbi,” u-Khrushchev othetha “udongwe,” ingaba babenomhlangano wabo kanye apha? Kwaye uKhrushchev wakhulula isihlangu sakhe, [Umzalwana uBranham unqonkqoza epulpitini—Mhl.] ukuyenza icace, into evulekileyo, wabetha edesikeni, ngokufana *nokuya*, ukubonisa abantu. [UMzalwana uBranham unqonkqoza epulpitini.]

⁴¹¹ Kulungile, yintoni ingxaki nabantu namhlanje? Luyephi ukholo? Kutheni, anilikholelwa na iLizwi likaThixo ukuba liyiNyaniso? Kwaye la nto ayikho *Apha*. Yintoni ingxaki nabashumayeli namhlanje? “Ubukomanisi!” Wonke umshumayeli uphandle apha uzama ukulwa ubukomanisi. Ubukomanisi, abuyonto!

⁴¹² Into, umtyholi uyiphatha kanye phantsi kwempumlo yakho, kwaye akuyazi; bubuRoma, ubuhlelo. Kwaye iRoma ngunina wamahlelo. IBhayibhile ithe, “Waye elihenyukazi,

kwaye iintombi zalo ngamahenyu,” ngokuchasene noThixo, ngokuchasene neLizwi Lakhe.

413 Majoni, cholani iLizwi. ZiiNgelosi zenceba, hlalani nela Lizwi. Ndiyakutshabalala ngenye imini, kodwa eli Lizwi alinakutshabalala. Kwaye nina bantu abasebatsha, ukuba ayenzeki kwisizukulwana sam, niyakubona. Nantsiya into.

414 Ingaba nivile iindaba ngale ntsasa? UNkskz. Kennedy esiya, kubona upope, nakuthethileyo upope? Yabona, zonke iinkolo zehlabathi! Owu! Kulungile, mhlawumbi sifumana okuninzana kokuya, kwicawa elandelayo.

415 Yabona, musani ukuxhala malunga neRashiya. IRashiya yingqalutye elwandle. Musani ukuxhala malunga nobukomanisi. Jongani ubuRoma xana bumanyana neecawa. Akukho nto ibhaliweyo eSibhalweni malunga nobukomanisi bulawula ihlabathi.

416 Kwaye ndiya ngokweLizwi, nokuba nantoni engenye ekutshoyo. LiLizwi endilikholelwayo. BubuRoma obuthabatha ihlabathi. Kwaye ubuRoma ngunina wombutho. Akuzange kubekho mbutho de iRoma, kunye nazo zonke zazo zaphuma kuyo. Kwaye iBhayibhile itho njalo, “Wayengunina wamahenyu.” Ndingahlala isiqingatha semini kuyo kwakhona, kodwa ndiyaqikelela ndingafanele ndisuke ndiqhubeke.

417 Xana utshaba lusihlasela, ngoko, “Owu, ndiyakuxelela, ufanele uze ujoyine eyethu. . .” Yintoni oza kuyenza, hlehla, yenzelelela? Hayi ijoni lenene, alisokuze. Hayi, mhlekazi.

418 Yintoni esiyenzayo ngoko? Ingqondo, “Mayithi ingqondo eyayikuKristu. . .” Ingaba oko koko iBhayibhile ekutshiloyo? “Ingqondo eyayikuKristu, ibe kuni.” Loluphi uhlobo lwengqondo Awayenayo? Hlala kunye neLizwi. Injalo lonto. Hlala kunye neLizwi, iLizwi likaBawo, waza waloyisa utshaba lonke ixesha. Ngoku xana utshaba luhlasela kwaye luzame ukuthi ufanele wenza *le* kwaye wenza *naleya*, yintoni ozakuyenza? Hlala kunye neLizwi. Injalo lonto.

419 Yintoni ofuna ukuyenza ngoko? Thabatha iLizwi. Yintoni iLizwi? IBhayibhile yathi apha. Sisandula ukuyifunda. Kuba uMoya, kunye nokaThixo, liLizwi. Yabona? Jonga apha. “Kwaye thabatha isigcina-ntloko sosindiso, kunye neKrele, iKrele loMoya.” IKrele loMoya! Intoni? UMoya oza ngengqondo uze ungene kuwe, kwaye iKrele lalaMoya liLizwi likaThixo.

420 Yintoni olwa ngayo laMoya? Yintoni olwa ngayo uMoya oyiNgewele? Imizwa? Iimvakalelo? ILizwi; intliziyo! Whey! Uzuko! Yintoni Alwa ngayo? Iimvakalelo? ILizwi! ILizwi! Masiyitsho, iLizwi! iLizwi! ILizwi likaThixo koko uMoya alwa ngako.

⁴²¹ UMoya kaThixo uya ngqo kumtyholi, waze wathi, “Kubhaliwe!” Amen! “Kubhaliwe!” Kwaye umtyholi uyanikezela.

⁴²² Yintoni esiyenzayo? Thabatha iKrele, ntoleyo iliLizwi likaThixo, Lirhole nga (ntoni?) isandla sokholo, isandla esomeleleyo sokholo, iKrele elintlangothi-mbini. IBhayibhile yathi, kumaHebhere isi-4, “Li—LiKrele elintlangothi-mbini,” lisika lingena naxa liphuma.

⁴²³ Mzalwana, yintoni ayenzayo? Thabatha iLizwi. Thabatha uMoya, vumela uMoya ungene entliziyweni yakho. Vula ingqondo yakho, uthi, “ILizwi Lakho linyanisile.” Ngoku, yenza lento, dade. “ILizwi Lakho yinyaniso.”

⁴²⁴ “Nkosi, andizukuhoya indlela endiziva ngayo, nabani na, akutshoyo. Ndiyema, ndivuthela zonke iindlela zam, konke ukukhathazeka, neentandabuzo, nokungakholwa endakhe ndanazo. Yonke imvakalelo endakhe ndanayo, konke ukugula endakhe ndanako, yonke into engenye endakhe ndanayo, ndiyazivuthela. Ndigqitha kuko konke okuya. Ndiza ngqo kumoya wam. Owu Nkosi, yehla. Uthe Udenze i-arhente yokuzikhethela.”

“Uyiyo, nyana waM.”

⁴²⁵ “Kulungile, ndivula intliziyo yam nengqondo yam. Ngena, Nkosi Yesu.”

⁴²⁶ Kwaye uthabathe uKholo, elaKrele loMoya, ITSHO INKOSI. Khwaza, “Haleluya!” Amen. Emva koko xabela lonke utshaba phambi kwakho. Amen. nantso ke. Xabela lonke utshaba. Ukuba u—umoya omdala okhohlakeleyo okwenza uzive. . . Xabela lanto imke, ngeLizwi leNkosi.

Kodwa amandla ethu, ngala, “Uvuyo lweNkosi ngamandla am.”

⁴²⁷ “Suka kum.” Nkula! Lixabela ngeLizwi. Nokuba lidemoni, nokuba lutshaba, nokuba kukugula, nokuba sisifo, nantoni eyiyo, thabatha ela Lizwi uze uLirhole ngeKrele. Kwaye ukuba uyayinkula ityeli lokuqala, ayikhangeleki ishukuma, yinkule kwakhona, uze uyinkule kwakhona, uze uyinkule kwakhona. Uze uyinkule ude ugqobhoze umgxunya kuyo, njengentshontsho elincinci lenkukhu lizenzela ukukroba; okanye ukhozi, into oyiyo. Zenzele isikroba phaya kwelaqokombe lidala lokugula. Xabela indlela yakho uphume, uze uthi, “Haleluya! Liphil elilandelayo?” Amen. Elo lidabi. Elo lijoni. Elo lijoni lomnqamlezo. Ewe, mhlekazi. Khahlela lonke utshaba.

⁴²⁸ Kutheni? Kutheni? Thina, abamiselwa kwangaphambili, iMbewu yasebukhosini ka Abraham. Xana u-Abraham waphika yonke into eyayichasene neLizwi likaThixo, waxabela wazivulela indlela kuso sonke isithintelo eseza phambi kwakhe. Bathi, “Umfazi wakho mdala kakhulu.” Waxabela nje into

yasuka endleleni. Umtyholi wathi, “Akunakwenza *oku*. Akunakwenza *okuya*.” U-Abraham waxabela yasuka endleni. Wayinkula, waza wayinkula, yade yacandeka.

“Kuphi okulandelayo, Nkosi?”

429 “Nyusela intente yakho *apha*.” Wenyuka waza waMakhela isibingelelo phezulu phaya.

430 Wenyukela phaya, waza uSathana weza, wathi, “Ngoku, ndizakuxelela, lena asiyondawo ilungileyo.”

“Ndizakuhlala kanye apha. Suka kwimihlaba yam.” Wathi, “Haleluya!”

431 Wathi uLote, “Kungcono uze ezantsi apha. Sinexesha elimnandi ezantsi apha. Sonke sinemibutho yethu ezantsi apha. Kutheni, umfazi wam yintloko yombutho wemfundo kunye nento yonke engenye, esixekweni. Ndiyakuxelela, ufanele uze ezantsi apha.”

USarah wathi, “Abraham. . .”

432 “Thula, Sarah.” Haleluya! “Yima kanye apha. Apha kulapho uThixo andibeke khona. Kanye apha kulapho ndimi khona.”

433 Apha kulapho uThixo andibeke khona:

Vuyelani amandla eGama likaYesu!
Maziwe ngobuso iiNgelosi;
Zisani isithsaba sasebukhosini,
Nimthwese Yena iNkosi yako konke.

KuKristu, iLitye elomeleleyo, ndimile;
Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo,
Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

434 Nkqu nokufa ngokwako, yonke into engenye, yintlabathi ezikayo. KuKristu, iLitye elomeleleyo, ndimile.

435 “IMbewu yasebukhosini ka Abraham.” IMbewu yasebukhosini! Kutheni, owona mkhosi ukhethiweyo wase Ngilane bubukhosi base Ngilane, igazi lasebukhosini, yonke into. Kwaye iMBewu kaKristu yasebukhosini lelizaliswe nguMoya oyiNgewele iBandla, lizaliswe nguMoya oyiNgewele. Intoni? IMbewu yaseBukhosini, ngedinga, hayi ngemizwa. Kodwa, ngedinga likaThixo, bama ngeLizwi likaThixo, bageca indlela yabo ukuphumela, bekhwaza, “Haleluya!”

Nkqu nokufa kuyeza kuthi, “Kungena kumkhono wakho.”

436 Uthi, “Vula indlela, Yordane. Ndiyawelela.” Geca indlela yako kanye uphumele, ukuya kwiLizwe lesithembiso. Amen.

437 Kwenzeka ntoni xana idabi lonke liphelile? Ndiyavala ngoku, ngokuqinisekileyo ngokwaneleyo. Xana idabi liphelile, kwaye abangwele bematsha besiza eKhaya, ndifuna ukubuza into ethile, kwenzeka ntoni?

438 Kwenzeka ntoni xana uHitler waya eFrance? Kutheni, bathi wawungenakho nokubona izibhakabhaka, okwethutyana, iinqwelo ntaka. Indlela yokumatsha yaseJamani. [UMzalwana uBranham ulinganisa indlela yokumatsha—Mhl.] Yabona, babemile, begqitha, bebhiozela uloyiso.

439 Xana uStalin weza eRashiya, kangangeemayile ngasemva, inqwelo nganye yomkhosi yokulwa nje ngasemva kwenye, bayiqhushumbisa nje iBerlin de kwangabikho nanto eshiyekileyo yayo. Yilonto yonke. Kwaye xana baya, kwaye lamaJamani... La majoni amaRhashiya ebhioza, angena nokuya, niyayazi, lanto ingaqhelekanga incinci abayenzayo. Ndiyibonile kumfanekiso, ngelinye ixesha eLondon, indlela abangena ngayo, owona mfanekiso wento apho, into eyenzekayo, ukungena, ukubhioza. Owu, bethu!

440 Xana sevayo ukuba imfazwe yayiphelile, sakhwaza, sabiza amakhwelo. Xa amakroti abuyayo, sawahlangabeza phezulu phaya. Bakhwaza. Bangxola. Ndandinomzala owayephaya, ndathi, xana ebuya, konke okudala... Amagqala awayeneziva kakubi, ayengenakho ukusuka ebhedini, ke babaqengqa kumphezulu wenqanawa xana bangenayo, ukuze babone uMfanekiso oqingqiweyo weNkululeko. Bathi, “Wona amadoda abalulekileyo emile phaya, alila nje, aze awela nje ngaphaya ngokufana *nokuya*, xana babona laMfanekiso uqingqiweyo weNkululeko.” Babengekho ekhaya iminyaka emine, besilwa, bethukile ngenxa yedabi, nayo yonke into engenye. Kodwa bayazi lamfazi, nesthandwa, nomama, notata, nabantwana, nabo bonke ababebathanda, babengasemva kanye kwalaMfanekiso uqingqiweyo weNkululeko. Umele oko babelwela kona. Owu, amakhwelo avuthelwa, yaza iNew York yangena kwingxolo, yilonto yonke, xana amaqhawe abo angena ematsha. Leyo iyakuba yinto encinci.

441 Ngelinye ixesha xana uCeasar, emva kwedabi elikhulu, wathi, “Ndifuna elona lidumileyo ikroti lam liphalise ecaleni kwam kumbhiozo omkhulu woloyiso phezu kotshaba lwethu.” Laze lonke kumagosa lalungisa iintambo zabo kwaye bakhazimlisa amakhaka abo, baze bamatsha ecaleni, niyayazi, ngolwahlobo, nje—njengamajoni enene ngolwahlobo. Emveni kwethuba, ethubeni, umfo omdala wasondela, esikekile. Bethu! Wakhangela nje ebujongaphazulu, waza waqalisa ukuqhubeka, ngokufana *nokuya*. Wathi uCaesar, “Lindani umzuzu. Lindani umzuzu. Wena,” enganxibanga nokunxiba njenge—ngegosa, wathi, “yiza apha.” Wathi, “Uwafumene phi loo manxeba?”

Wathi, “Phandle kwithafa ledabi.”

442 Wathi, “Khwela apha. Ungumfo endifuna ahlali ecaleni kwam.” Kutheni? Wabonisa ukuba wayekhe wasedabini.

443 Owu Thixo, yiba nenceba kwindoda enokusika isandla sayo kwitoti yesardine ize ifumane ucaphulo. Ndifuna

ukuba namanxeba edabi. NjengoPawulosi wathi, “Ndithwele emzimbeni wam iziva zikaYesu Kristu.” Yilonto endifuna ukulwa ethafeni.

444 Ngenye imini, xana omkhulu uMthetheli oyiNtloko eyakuza, Osixhobisileyo, Osinike isikrweqe sikaThixo, uMoya oyiNgcwele, wasinika iLizwi Lakhe ukuba silwe ngalo, emile phaya; xana owethu omkhulu uMthetheli oyiNtloko esiza ephalisa, ndifuna ukukhwele kwinqwelo yokulwa ndize ndiphalise ukuya eKhaya naYe, akufuni njalo? Ngoko xana ndithabatha omncinci omdala umfazi wam ngengalo, ndibhekabheke apha ndize ndibone abazalwana bam kunye nabafazi babo, kunye nabantwana babo, xana siqalisa ukwehla ngezo paradesi zikaThixo, kwaye iiNgelosi zizalise umoya ngemihobe, ngasentla ngokufana nokuya, uthetha malunga nombhiyozo!

445 Kwaye xana idabi liphelile, siyakunxiba isithsaba. Owu, bethu! Owu, majoni omnqamlezo, ngale ntsasa, rhola langalo yokholo apha, uze ufumane esi Sixhobo.

446 Malunga nantoni nayo, dade, ingaba ukulungele? Rhola esaSixhobo, uthi, “Thixo, andikhathali yintoni—yintoni umtyholi ayithethileyo kum, kukangakanai nabani ongomnye akutshiloyo, ngale ntsasa, ndiyakholelwa, ndiyakholelwa.”

447 Njengoko ndatshoyo ngenye imini, encinci. . . Ndiyakholwa kwiiCawa ezimbalwa ezigqithileyo, kwakukho indoda eyaba nephupha. Yaphupha umtyholi wayeyintwanana encinci endala, wabaleka waya kuyo. Wathi, “Bhoo!” Yaza yaxhuma yabuya umva, waza umtyholi waba mkhulu. “Bhoo!” Yaza yaxhuma yabuya umva, waza umtyholi waba mkhulu. Ekugqibeleni, umtyholi waba mkhulu kangangokuba wabanakho, wayezakuyoyisa. Yayisazi kwakufanele ilwe naye ngento ethile, ke yabhekabheka. yayingenakufumana nantoni yokulwa naye. Yachola nje iBhayibhile. Waza umtyholi wathi, “Bhoo!” Yathi, “Bhoo!” kanye emva kuye, waza umtyholi waye esiba mncinci, nokuba mncinci, nokuba mncinci. Kwaze, ekugqibeleni, wambethela ukumbulala ngeLizwi.

448 Ulijoni, akunjalo, sis? Thabatha elaLizwi uze uthi, “Kubhaliwe.” Amen. “Andizukufa. Ndizakuphila. Ndizakuhlala kanye kulomnquba ndize ndidumise uThixo ngobubele Bakhe, kunye nabanye bonke.”

449 Niyakholwa koko, bangcwele? Amen.

Masithobise iintloko zethu.

450 Owu Nkosi uThixo, Mdali wamazulu nomhlaba, makwazeke namhlanje ukuba Wena usenguThixo. Akukhathaliseki ndingashumayela kangakanani, zingaphi izinto ebendinokuzitsho, Nkosi, iLizwi elisuka kuWe lanele.

⁴⁵¹ Ezi tshefu zilele apha, zimela abantu abagulayo. Ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, okokuba iintsikelelo namandla Akho aphumle phezu kwaye ngamnye, njengoko ndibeka izandla zam phezu kwazo. Thixo, eGameni likaYesu Kristu, ndiyathandaza ukuba Uyakuthambisa ezi tshefu ngoBukhona Bakho obungcwele, kuba kubhaliwe eLizwini. Asiyonto ichasene neLizwi. Kodwa ithethiwe eLizwini, ukuba, “Bathabatha emzimbeni kaPawulos, iitshefu nemibhinqo. Imimoya engcolileyo yaphuma ebantwini, baze baphiliswa kwizifo ezahlukeneyo.” Ngoku, asingoNgcwele uPawulos, kodwa Wena usenguThixo, kwaye UsekwanguMoya oyiNgcwele omnye. Ndibeka izandla zam phezu kwezi tshefu, eGameni leNkosi uYesu, kwaye ndicela ukuba Wena usikelele kwaye uphilise ngamnye kubo.

⁴⁵² Kwaye, Thixo, kulele ngapha ebhedini, obe elele apha, asiyonto kuphela ngumntwana, nje entle intombi encinci. Ayinakho ukuphila, Nkosi. USathana wenze ito embi kuye. Kwaye abathandekayo oogqirha balomhlaba bazamile nzima, akukho ntandabuzo, ukusindisa umntwana. Abanakho nje ukuyenza. Basekupheleni kobulumko babo. Abayazi kwanto engenye yokwenza. Kodwa, Nkosi, ndivuya kakhulu ukuba kukho esinye isahluko esibhaliweyo. Singatyhila elinye iphepha, kwaye kweli phepha sibona uMnyangi oMkhulu engena. Sibiza Yena ukuba acebise ngale ntsasa.

⁴⁵³ Ngoku, Nkosi, akubhalwanga na apha eLizwini Lakho, ukuba, “Le miqondiso iyakulandelelana nabakholwayo”? Nkosi, ukuba andilokholwa, ndenze elinye ngoku. Ukuba le ntombi incinci asilokholwa, yenze elinye ngoku. “Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo; ukuba bathe babeka izandla phezu kwemilwelwe, iyakuphila.” Kubhaliwe kanaanjalo, “EGameni Lam bayakukhupha iidemoni.” Nkosi, lawo—lawo ngaMzwi Akho. Ngawakho. NgaMazwi Akho. Kwaye ngoku njengesicaka Sakho . . .

⁴⁵⁴ Njengoko Uthe, “Ukuba kuyakubakho ababini okanye abathathu benu bahlangene, ndiyakubaphakathi kwenu; kwaye ukuba niyakuvumelana, njengokouchukumisa into enye, nize nicele, niyakuyizuza.”

⁴⁵⁵ Thixo, lo mntwana mhlawumbi ngoyena ugulayo umntu esakhiweni ngale ntsasa, ngokuba akanakuphila ngaphandle Kwakho, ixesha elidana, kwaye ungoyena ugulayo. Ke, sonke, siyavumelana, njengejoni lonke limile apha. Kwaye kweli qela kumi iMbewu yasebhukhosini ka Abraham.

⁴⁵⁶ Simatshela kuSathana ngoku. Kwaye ungasuke ulungele ukumnka, Sathana, kuba izikrweqe zethu ziyabengezela, imibala iyakhazimla; amadoda nabafazi babambe amaKrele, bamatshela phambili ngoku phezu kwakho, ngenxa yale ntombazana incinci. Phuma kuye, Sathana. Suka kula mntwana.

Njengomkhosi woThixo ophilayo, sikusingela phantsi. Suka kuye, eGameni likaYesu Kristu.

⁴⁵⁷ Ndiyakubeka izandla phezu kwakhe. Kwaye, Sathana, uye wambopha lomntwana, ukwenzile oku kungcola. Ndiyayazi ukuba ungaphezulu ngokomlo emntwini, kodwa akukho ngaphezulu ngokomlo kwiNkosi yam, ke ndiza eGameni Lakhe. Suka kuye, wena moya womtyholi. Wena demoni lokugula, phuma kulo mntwana, kwaye angahamba ekhululekile, ukusukela kulo mhla ukuqhubeka. Ndibhengeza oku, eGameni likaYesu Kristu.

⁴⁵⁸ Ngoku, Nkosi Thixo, Wena owavukayo ekufeni waza wabonakalisa ukuba WawunguThixo, vusela lomfazi mtsha empilweni yakhe nasemandleni kwakhona, okokuze abe nokuma kwesi sakhiwo apha. Umtyholi umkile kuye!...?... uzakumenza apha. Yanga angaphilela uzuko nokuhlonela uThixo.

I—Ibe ithethiwe, ngoku mayenziwe.

⁴⁵⁹ Ingaba bakhona abanye khona apha abafuna ukuphakamisa izandla zabo baze bathi, “Ndifuna ukuthandazelwa. Ndiyagula. Ndinga uThixo”? Andilazi lingakananai ixesha esinalo. Sinexesha elaneleyo lokuvumela abantu bagqithe apha. Ndiva nje ndithuthuzeleke ngenene ngale ntsasa ngoku. Ehe. Ehe. Ndifuna uze wehlele apha, Billy, uze nje uthabathe mhlawumbi eliqela kanye apha, kweli cala ngapha, lodwa. Yenza nje eliqela lize kuqala, emva koko sithabathe iqela elingasemva emveni koko, nje ukuza kutsho kula mgca phaya. Emva koko siyakubathabatha nje ngokufana noko, emva koko abayi . . .

⁴⁶⁰ Kwaye ngoku ndifuna uMzalwana uNeville kunye nabathile babazalwana bam abangabalungiseleli bame ngapha ngakum, kanye apha, ukuze nibenokubathabathela ezantsi emgcezi kwakhona. Kulungile. Kulungile. Ngoku ndi . . .

⁴⁶¹ Bangaphi kuni abanezikrweqe zabo?

⁴⁶² (Uzakuba ngowahlukileyo ngoku. Godukani, yibani ngabalungileyo ngoku, philani.)

⁴⁶³ Amen. Owu, bethu! Nonke nina majoni, rholani iKrele. Rholani iKrele, majoni omnqamlezo, matshani, matshani.

KuKristu, iLitye elomeleleyo, ndimile.

Yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo.

⁴⁶⁴ Kulungile, yizani kanye, kanye ezantsi ecaleni apha. Wonke umntu emthandazweni ngoku, njengoko begqitha.

EGameni likaYesu, philisa lomfazi. Amen.

Rhola iKrele lakho ngoku. Hlala esihlaweni sakho, ukhwaze.

⁴⁶⁵ [UMzalwana uBranham uqhubeka ukuthandazela abantu, amazwi akhe amaninzi awavakali—Mhl.] . . .? . . .

Phambili, majoni angamaKristu!
 Matshelani emfazweni,
 Kunye nomnqamlezo kaYesu
 Uhamba ngaphambili.

466 Vula indlela, Sathana! Yintoni ingxaki, majoni? Anicingi singanqoba? Sele enqobile. Singaphezu kwabeyisi kuKristu Yesu! Lonke idemoni likhutshelwe ngaphandle, yonke into engenyane. Amen.

Yiza apha, mzalwana wam! . . . ? . . .

Ndiyathandaza ukuba uyakuphilisa . . . ? . . .

Philisa umntakwethu, uDoc; mphilise, Bawo, eGameni likaYesu.

EGameni likaYesu Kristu, philisa eli nenekazi. Yiza . . . ? . . .

467 Ngoku, wathabatha . . . Kufuneka ndicele abazalwana emva. Yonke indawo, iNkosi . . . ? . . .

468 Owu Nkosi Thixo, Mdali wamazulu nomhlaba! Owu Thixo, Uyayazi yintoni esentliziyyweni yakhe. Wazi konke malunga nayo. Ndithandazela bobabini umama notata. EGameni likaYesu Kristu, ndinikela . . . ? . . .

EGameni likaYesu Kristu, ndi . . . ? . . .

EGameni likaYesu Kristu, ndi . . . ? . . .

469 Thixo, yiba nodade wam. Siyayazi, iminyaka iyaqalisa ukuchwechwa ize ibangele ukufa kufane ukubamba umzimba womfazi. Ngoku, eGameni likaYesu . . . ? . . .

470 EGameni likaYesu Kristu, sikelela lentombazana incinci, Nkosi. Amadabi ethu esikolweni phaya, ndiyayazi adlula kuko. Ndiyathandaza Uyakusikelela. Yanga angarhola ela Krele, ngale ntsasa, aze abheke phambili! . . . ? . . . Sikelela le nkwenkwe incinci, Nkosi; iyeza, ibiza iGama Lakho, ngale ntsasa; ndiyathandaza ukuba Uyakuhamba kunye . . . ? . . .

471 Thixo, sikelela umzalwana wam, mnike isicelo sakhe. EGameni leNkosi uYesu, ndiyithethile! . . . ? . . .

EGameni likaYesu Kristu, sinikeza lo mthandazo.

EGameni likaYesu Kristu, sinikeza lomthandazo.

EGameni likaYesu Kristu, sinikeza lomthandazo.

EGameni likaYesu Kristu, si . . . ? . . .

EGameni likaYesu Kristu, sinikeza lomthandazo.

EGameni likaYesu Kristu . . . ? . . .

EGameni likaYesu Kristu . . . ? . . .

EGameni likaYesu Kristu, philisa umzalwana wam.

EGameni likaYesu Kristu . . . ? . . .

EGameni likaYesu Kristu!

eGameni likaYesu Kristu!

eGameni likaYesu Kristu!

eGameni likaYesu Kristu!

eGameni likaYesu Kristu!

472 [Umntu othile uthi, “Utata ufile.”—Mhl.] Thixo, mncede, eGameni likaYesu.

Thixo, eGameni likaYesu Kristu, si...?...

Thixo, eGameni likaYesu!

eGameni likaYesu Kristu...?...

eGameni likaYesu Kristu, philisa umzalwana wam.

eGameni likaYesu...?...

Niyaqonda ngoku?

Owu Thixo, kwanga oko kungemka ukusuka...?...

473 eGameni likaYesu Kristu, siyathandaza!...?...Nikeza udade...?...

474 Owu Thixo, ekwazini lowo uxabisekileyo umama omncinci, edlula kuyo yonke lengxaki, Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyaku...?...phezu kwakhe.

Rhola ela Krele, Ed, uze uye phambili, eGameni likaYesu.

475 Owu Thixo, philisa umfazi. Yinike isicelo sayo. Yanga ingathabatha ela Krele phambi kwayo, kweli xesha lobunzima.

Owu Thixo...?...ngale ntsasa. Ndiyathandaza okokuba Uyaku...?...

476 Bawo Thixo, ndiyathandaza ukuba Uyakuphilisa umzalwana wethu kwaye umenze aphile. Kunye naseGameni likaYesu Kristu...?...

477 Thixo, ndiyathandaza okokuba Uyakuphilisa udade wethu, menze aphile, eGameni likaYesu Kristu.

478 Bawo Thixo, ndiyathandaza ukuba Uyaku—uyaku kuphilisa umzalwana wethu.

Philisa udade wethu, Nkosi!...?...

Bawo, eGameni likaYesu, philisa lona, udade wethu, Bawo.

479 Bawo,...?...siyathadaza eGameni likaYesu. Thixo, philisa lo mfazi.

Owu Thixo, ndiyathadaza ukuba U...?...

480 Owu Thixo, yisikelele, Bawo!...?...Indlela esibathanda ngayo abo bafo badala, Nkosi. Kwaye ndiyathadaza ukuba Uyakumnika isicelo sakhe!...?...

481 Bawo wethu waseZulwini, ndiyathandaza ukuba umzalwana wam...?...Owu Thixo,...?...yena, owu Thixo...?...ijoni lomnqamlezo. Kwaye uyakurhola ela Krele, ngale ntsasa, aze amatshela phambili.

Thixo, si . . . ? . . . Nikeza oku, Owu Nkosi, isicelo sakhe.

⁴⁸² Thixo, sikelela umzalwana . . . ? . . . Ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa, Nkosi! . . . ? . . . Mnike umnqweno wentliziyo yakhe, eGameni lika Yesu Kristu.

⁴⁸³ Owu Bawo waseZulwini, lo mlungiseleli mncinci weVangeli, umqala wakhe . . . ? . . . Apho lithe lahlamba ezimbizeni . . . ? . . . Thixo, ndiyathandaza ukuba Uyaku . . . ? . . . Kwaye ngelixa umkhosi omkhulu kaThixo usiya phambili ngoku, amakrele ephakanyisiwe, linike uloyiso, Nkosi. Umyeni walo omncinci apha, Nkosi obezisiwe esuka kalabhedhi yomhlaza apho ebelele khona, esifa ngumhlaza, kwaye oogqirha bemncamile, njengoko ebesimka. Kwaye apha nanku, ngale ntsasa, elincinci ijoni lomnqamlezo. Momeleze, Nkosi, ukwenzela inkonzo Yakho, siyathandaza, eGameni lika Yesu.

⁴⁸⁴ Ndifuna ela nenekazi lincinci . . . Kukho into ethile engenye enalo mshumayeli omncinci apha. Yiza apha, Mzalwana uKidd. Le ndonda yathunyelwa ekhaya isuka esibhedlela, kungekudala, isifa, idliwe ngumhlaza. [UDade uKidd uthi, “Kunyaka ogqithileyo.”—Mhl.] Kunyaka ogqithileyo. [“Emibini.”] Iminyaka emibini egqithileyo, inomhlaza wesinyi. Ugqirha wayo wayinika nje iintsuku ezimbalwa ukuba iphile. Kwaye ngenye intsasa, sanyukela phaya, kwangethuba kakhulu, sanikeza umthandazo ngayo, okwamnye njengofana nowenu, kwaye ababanakho nokufumana umkhondo wayo. Yaphiliswa. Amen. Yona—yona . . . [“Funeka uyamnkele.”] Inobunzima bomzimba obungaphezulu ngoku kunokuba yakhe yanabo. Yona nenkosikazi yayo encinci bebesedlelweni leVangeli, mhlawumbi ngaphambi kokuba ndizalwe. Iapha ngoku . . . [UMzalwana uKidd uthi, “Amashumi amahlanu anesihlanu eminyaka.”] Amashumi amahlanu anesihlanu eminyaka. Ngaphambi kokuba ndakhe ndeza emhlabeni, babeshumayela iVangeli. Kwaye nanku elapha, yaphiliswa, kubudala obumalunga namashumi asixhenxe anesihlanu, okanye, [“Amashumi asibhozo ananye.”] amashumi asibhozo ananye. [“Sasiyakuba nemvuselelo, umhlangano weeveki ezimbini, ukushumayela qho ngobusuku.”] Imvuselelo yeeveki ezimbini, nje ukubamba imvuselelo yeeveki ezimbini, nokushumayela qho ngobusuku. Amashumi asibhozo ananye eminyaka ubudala, yaphiliswa, kumhlaza, xana yayindala.

⁴⁸⁵ Kulungile, dade, lixesha lakho ngoku. Uyakholwa? *Phambli Majoni kaKristu*. Kulungile, dade. Nina, kuni nonke ngamnye, yintoni esizakuyenza? ITSHO INKOSI. Yintoni esiyenzayo, sihlale nje apha?

⁴⁸⁶ Sathana, woyisiwe. Siyeza ngapho ngoku. Siyamatshela kwiLizwe lesithembiso. Yintoni okuya? “Yintoni le ntaba, phambi koZerubhabheli? Ngubani lona, umileyo phambi phaya?”

Uyakuba sisithabazi.” Kutheni? NgeKrele elintlangothi-mbini, liyamkugecela phantsi. Injalo lonto. Kulungile.

Phambili, majoni angamaKristu!
 Matshelani emfazweni,
 Kunye nomqamlezo kaYesu
 Uhamba phambi kwenu;
 UKristu, uMphathi wobukhosi,
 Ukhokela echasa utshaba; (NgeLizwi Lakhe.)
 Phambili edabini,
 Yabona, Iibhanile zakhe ziyahamba!

Phambili, majoni angamaKristu!
 Matshelani emfazweni,
 Kunye nomqamlezo kaYesu
 Uhamba ngaphambili.

⁴⁸⁷ Haleluya! Yintoni abayenzayo? Into yokuqala eyahamba ngaphamili, edabini, kuSirayeli, yayiyintoni into yokuqala? Iimvumi zahamba ngaphambili, kuqala. Yintoni eyalandelayo? Ityeya. Emva koko idabi. Kulungile. Ingaba niyayikholelwa ngoku? Siyacula *Phambili, Majoni obuKristu*. Sisusa yonke intandabuzo. Siphakama ngeenyawo zethu ngoku, simatshela edabini.

Masiphakameni ngoku, wonke umntu.

Phambili, majoni obuKristu!
 Matshelani emfazweni,
 Kunye nomqamlezo kaYesu
 Uhamba ngaphambili;
 UKristu, uMphathi wobukhosi,
 Ukhokela echasene notshaba;

Simoyisa njani yena? NgeLizwi.

Phambili edabini,
 Yabona, ibhanile Zakhe zihamba!

Phambili, majoni angamaKristu!
 Matshelani emfazweni,
 Kunye nomqamlezo kaYesu
 Uhamba ngaphambili.

Asohlukaniswanga,
 Sonke ingumzimba omnye;
 Sibanye kwithemba neMfundiso,
 Sibanye eluthandweni.

⁴⁸⁸ Bonke abakholwayo ngoku, bathi, “Amen.” [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Haleluya! Niyakukholelwa oko? Singabeyisi. Luphi lonke utshaba? Phantsi kweenyawo zethu. Yintoni esiyiyo namhlanje? Abavukileyo kuKrsitu!

⁴⁸⁹ Ngoku, iphelile, sis. Uyakukholelwa oko? Goduka ngoku. Uziva kakuhle? Uthi uziva kakuhle ngoku. Yonke into ilungile.

⁴⁹⁰ Bangaphi abaphaya abaziva kakuhle? Kwaye xana bebekhwaza, udonga lwawa, amen, baza basithabatha. Amen. Basithabatha isixeko. Amen! Amen! Niyamkholelwa Yena?

⁴⁹¹ Ngoku, musani ukulibala ngenkonzo ngobubusuku. UMzalwana uNeville uyakuba lapha ngobubusuku, nokusizisela umyalezo olungileyo. Kwaye iCawa, kwiCawa elandelayo, iNkosi ithandile, yibani lapha.

⁴⁹² Ngoku masihambeni, njengoko sihamba. Kwaye ngoku, ngaphandle ukusuka esakhiweni, masihambeni, sicula, *Phambili, majoni angamaKristu*. Kwaye ukususela kulo mhla, ukubheka phambili, ningaze nifake eKrele esingxotyeni kwakhona. Lirholeni. Masoyise. “Babheka phambili, besoyisa, kwaye boyisa.” Kulungile, kwakhona, kula mqolo wokuqala.

Phambili, majoni angamaKristu!

Matshelani emfazweni,

Kunye nomnqamlezo kaYesu

Uhamba ngaphambili.



ELONA DABI LAKHE LALIWA XHO62-0311
(The Greatest Battle Ever Fought)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa ngoMatshi we-11, 1962, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2023 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org